


ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA  
OLONGEZELELWEYO

*INkcazelo yeKharityhulam  
yeSizwe (NKS)*

*INkcazelo yePolisi  
yeKharityhulam nokuHlola*



*IsiGaba esiPhezulu  
iBanga 7-9*



**basic education**

Department:  
Basic Education  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA



**basic education**

---

Department:  
Basic Education  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**INKCAZELO YEPOLISI YEKHARITYHULAM NOKUHLOLA  
YEBANGA 7 - 9**

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO**

**DISCLAIMER**

In view of the stringent time requirements encountered by the Department of Basic Education to effect the necessary editorial changes and layout to the Curriculum and Assessment Policy Statements and the supplementary policy documents, possible errors may occur in the said documents placed on the official departmental websites.

There may also be vernacular inconsistencies in the language documents at Home-, First and Second Additional Language levels which have been translated in the various African Languages. Please note that the content of the documents translated and versioned in the African Languages are correct as they are based on the English generic language documents at all three language levels to be implemented in all four school phases.

If any editorial, layout or vernacular inconsistencies are detected, the user is kindly requested to bring this to the attention of the Department of Basic Education.

E-mail: CAPSlangcomments@dbe.gov.za or fax (012) 328 9828

**Department of Basic Education**

222 Struben Street

Private Bag X895

Pretoria 0001

South Africa

Tel: +27 12 357 3000

Fax: +27 12 323 0601

120 Plein Street Private Bag X9023

Cape Town 8000

South Africa

Tel: +27 21 465 1701

Fax: +27 21 461 8110

Website: <http://www.education.gov.za>

© 2011 Department of Basic Education

**ISBN: 978-1-4315-0510-4**

Design and Layout by: Ndabase Printing Solution

Printed by: Government Printing Works

## FOREWORD BY THE MINISTER



Our national curriculum is the culmination of our efforts over a period of seventeen years to transform the curriculum bequeathed to us by apartheid. From the start of democracy we have built our curriculum on the values that inspired our Constitution (Act 108 of 1996). The Preamble to the Constitution states that the aims of the Constitution are to:

- heal the divisions of the past and establish a society based on democratic values, social justice and fundamental human rights;
  - improve the quality of life of all citizens and free the potential of each person;
  - lay the foundations for a democratic and open society in which government is based on the will of the people and every citizen is equally protected by law; and
- build a united and democratic South Africa able to take its rightful place as a sovereign state in the family of nations.

Education and the curriculum have an important role to play in realising these aims.

In 1997 we introduced outcomes-based education to overcome the curricular divisions of the past, but the experience of implementation prompted a review in 2000. This led to the first curriculum revision: the *Revised National Curriculum Statement Grades R-9* and the *National Curriculum Statement Grades 10-12* (2002).

Ongoing implementation challenges resulted in another review in 2009 and we revised the *Revised National Curriculum Statement* (2002) and the *National Curriculum Statement Grades 10-12* to produce this document.

From 2012 the two National Curriculum Statements, for *Grades R-9* and *Grades 10-12* respectively, are combined in a single document and will simply be known as the *National Curriculum Statement Grades R-12*. The *National Curriculum Statement for Grades R-12* builds on the previous curriculum but also updates it and aims to provide clearer specification of what is to be taught and learnt on a term-by-term basis.

The *National Curriculum Statement Grades R-12* represents a policy statement for learning and teaching in South African schools and comprises of the following:

- (a) Curriculum and Assessment Policy Statements (CAPS) for all approved subjects listed in this document;
- (b) *National policy pertaining to the programme and promotion requirements of the National Curriculum Statement Grades R-12*; and
- (c) *National Protocol for Assessment Grades R-12*.

A handwritten signature in black ink, which appears to read 'Angie Motshekga'.

**MRS ANGIE MOTSHEKGA, MP**  
**MINISTER OF BASIC EDUCATION**



## ISIQULATHO

<b>ICANDELO LOKU-1: INTSHAYELELO YENKCAZELO YEPOLISI YEKHARITYHULAM NOKUHLOLA.....</b>	<b>3</b>
<b>1. 1 Imvelaphi.....</b>	<b>3</b>
<b>1. 2 Amagqabantshintshi.....</b>	<b>3</b>
<b>1. 3 Iinjongo eziphangaleleyo zekharityhulam yoMzantsi Afrika.....</b>	<b>4</b>
<b>1. 4 Ukwabiwa kwexesha.....</b>	<b>6</b>
1. 4. 1 IsiGaba esisisiSeko.....	6
1. 4. 2 IsiGaba esiPhakathi.....	6
1. 4. 3 IsiGaba esiPhezulu.....	7
1. 4. 4 IBanga 10-12.....	7
<b>ICANDELO LESI-2: UKWAZISA IILWIMI KWISIGABA ESIPHEZULU .....</b>	<b>8</b>
<b>2. 1 Iilwimi ngokweNkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola .....</b>	<b>8</b>
2. 1. 1 Imigangatho yolwimi.....	8
2. 1. 2 Izakhono zolwimi.....	9
2. 1. 3 Iindlela zokufundiswa kolwimi .....	9
<b>2. 2 Ukwabiwa kwexesha kuLwimi lokuQala oloNgezelelweyo kwikharityhulam .....</b>	<b>12</b>
<b>2. 3 Izixhobo ezixhasa ukufunda nokufundisa .....</b>	<b>13</b>
<b>ICANDELO LESI-3 UMXHOLO NEZICWANGCISO ZOKUFUNDOSA IZAKHONO ZOLWIMI.....</b>	<b>14</b>
<b>3. 1 Amagqabantshintshi ngezakhono zolwimi.....</b>	<b>14</b>
3. 1. 1 Ukuphulaphula nokuthetha .....	14
3. 1. 2 Ukufunda nokubukela .....	24
3. 1. 3 Ukubhala nokunikezela.....	38
3. 1. 4 Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi.....	51
<b>3. 2 Itheyibhile yokunatyiwa kweetekisi.....</b>	<b>55</b>
<b>3. 3 Izicwangciso zokufundisa .....</b>	<b>57</b>
<b>3. 4 Itheyibhile yesicwangciso sokufundisa.....</b>	<b>59</b>

<b>ICANDELO LESI-4: UKUHLOLA KULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO.....</b>	<b>136</b>
<b>4. 1 Intshayelelo.....</b>	<b>136</b>
<b>4. 2 Ukuhlola okungekho sesikweni okanye kwemihla ngemihla.....</b>	<b>137</b>
<b>4. 3 Ukuhlola okusesikweni.....</b>	<b>138</b>
4.3.1 Iimfuno zokuhlola okusesikweni kuLwimi lokuQala oloNgezelelweyo .....	138
4.3.2 Iintlobo zemisebenzi yekota .....	139
<b>4. 4 Inkqubo yokuhlola okusesikweni .....</b>	<b>141</b>
<b>4. 5 Ukurekhoda nokunika ingxelo ngomsebenzi .....</b>	<b>146</b>
<b>4. 6 Uphononongo lokuhlola .....</b>	<b>146</b>
<b>4. 7 Ulwazi gabalala.....</b>	<b>147</b>
<b>ULUHLU LWAMAGAMA .....</b>	<b>148</b>

# ICANDELO LOKU-1: INTSHAYELELO YENKCAZELO YEPOLISI YEKHARITYHULAM NOKUHLOLA

## 1.1 IMVELAPHI

*INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12* icacisa ipolisi yekharityhulam nokuhlola ezikolweni. Ukuphucula ukusetyenziswa kwayo, *INkcazelo yeKharityhulam yeSizwe* ihlaziyiwe, yaye olu hlaziyo luya kuqala ukusebenza ngeyoMqungu/ngoJanyuwari 2012. Isifundo ngasinye senzelve uxwebhu olunye lwePolisi yeKharityhulam nokuHlola endaweni yala maxwebhu madala angala: *INkcazelo yeKharityhulam yeSizwe*, isiKhokelo seNkqubo yokuFunda kunye nesiKhokelo sokuHlola sesiFundo kwiBanga R-12.

## 1.2 AMAGQABANTSHINTSHI

- (a) *INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12 (eyoMqungu/Janyuwari 2012)* imele inkcazelo yepolisi yokufunda nokufundisa kwizikolo zoMzantsi Afrika yaye iquka oku kulandelayo:
- (i) *INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola* yesifundo ngasinye kwezo zifundo zivunyiweyo zesikolo;
  - (ii) Uxwebhu lwepolisi oluthi, *National policy pertaining to the programme and promotion requirements of the National Curriculum Statement Grades R-12.*; kunye
  - (iii) Uxwebhu lwepolisi oluthi, *National Protocol for Assessment Grades R-12 (eyoMqungu/Janyuwari 2012)*.
- (b) Uxwebhu oluthi, *INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12 (eyoMqungu/Janyuwari 2012)* lungena endaweni yala maxwebhu eNkcazelo yeKharityhulam yeSizwe mabini alandelayo:
- (i) *iRevised National Curriculum Statement Grades R-9, Government Gazette No. 23406 of 31 May 2002*, kunye
  - (ii) *neNational Curriculum Statement Grade 10-12 Government Gazettes, No 25545 of 6 October 2003 and No. 27594 of 17 May 2005.*
- (c) Amaxwebhu eNkcazelo yeKharityhulam yeSizwe ekuthethwe ngawo kumhlathi b (i) no (ii), aquka la maxwebhu epolisi alandelayo, aza kuthi aye eyekiswa ngokuyekiswa, kuze endaweni yawo kungene *INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12 (eyoMqungu/Janyuwari 2012)* ngo2012 - 2014:
- (i) *INkcazelo yeKharityhulam yeSizwe* yezifundo ngezifundo, isiKhokelo seNkqubo yokuFundisa kunye nesiKhokelo sokuHlola sesiFundo seBanga R-9 neseBanga 10-12;
  - (ii) Uxwebhu lwepolisi oluthi, *National Policy on assessment and qualifications for schools in the General Education and Training Band*, olubhengezwe kwiGovernment Notice No. 124 ekwiGovernment Gazette No. 29626 of 12 February 2007;
  - (iii) Uxwebhu lwepolisi oluthi, *the National Senior Certificate: A qualification at Level 4 on the National Qualifications Framework (NQF)*, olubhengezwe kwiGovernment Gazette No. 27819 of 20 July 2005;



- (iv) Uxwebhu lwepolisi oluthi, *An addendum to the policy document, the National Senior Certificate: A qualification at Level 4 on the National Qualifications Framework (NQF), regarding learners with special needs*, olupapashwe kwiGovernment Gazette, No. 29466 of 11 December 2006, lufakwe kuxwebhu lwepolisi oluthi, *National policy pertaining to the programme and promotion requirements of the National Curriculum Statement Grades R-12*; kunye
- (v) Noxwebhu lwepolisi oluthi, *An addendum to the policy document, the National Senior Certificate: A qualification at Level 4 on the National Qualifications Framework (NQF), regarding the National Protocol for Assessment (Grades R-12)*, olubhengezwe kwiGovernment Notice No. 1267 kwiGovernment Gazette No. 29467 of 11 December 2006.
- (d) Uxwebhu lwepolisi oluthi, *National policy pertaining to the programme and promotion requirements of the National Curriculum Statement Grades R-12*; kunye namacandelo akwiPolisi yeKharithulam nokuHlola njengoko ebonisiwe kwisahluko sesi-2, 3 nesesi-4 solu xwebhu aqethe izithethe nemigangatho yeNkcazelo yeKharithulam yeSizwe yeBanga R-12. Ngoko ke, olu xwebhu luya kuthi, ngokwecandelo 6A leSouth African Schools Act (uMthetho oLawula iZikolo zaseMzantsi Afrika), ka1996 (uMthetho wama-84 ka1996.) lwenze isiseko sokuxhobisa umPhathiswa wezeMfundo esisisiSeko ukuba akwazi ukubeka awona manqanaba aphantsi eziphumo nemigangatho, ngokunjalo neenkqubo nemigaqo yokuhlola impumelelo yabafundi, manqanaba lawo aza kusebenza kwizikolo zikarhulumente nezabucala.

### 1.3 IINJONGO EZIPHANGALELEYO ZEKHARITYHULAM YOMZANTSI AFRIKA

- (a) *INkcazelo yePolisi yeKharithulam nokuHlola yeBanga R-12* inika isikhokelo kulwazi, IIVEKI nezithethe (izinto ezixabisekileyo) ezinokufundwa ezikolweni zaseMzantsi Afrika. Le kharithulam ijonge ukuqinisekisa ukuba abafundi bafumana ulwazi bekwasebenzisa nezakhono ngeendlela ezihambelana nobomi babo bemihla ngemihla. Kungoko ke le kharithulam ikhuthaza uluvo lokusebenzisa kakhulu iimeko zalapha, kodwa ibe ikwayise iso nemiba ebalulekileyo yehlabathi jikelele.
- (b) *INkcazelo yePolisi yeKharithulam nokuHlola yeBanga R-12* yenza oku kulandelayo:
- Ixhobisa abafundi ngolwazi, IIVEKI nezithethe eziya kubanceda ukuba bakwazi ukuzimela nokuthabatha inxaxheba ekuhlaleni njengabemi belizwe elikhululekileyo; nokuba bavela kweyiphi imo yezentlalo, uhlanga, isini, bekhangeleka njani ngokomzimba okanye beculiphi inqanaba lengqiqo;
  - Ivulela abafundi amathuba okuya kwimfundo ephakamileyo;
  - Incedisa abafundi ukuba bakwazi ukuphuma kumaziko emfundo baye kumaziko omsebenzi; yaye
  - Inika abaqeshi umfanekiso ocacileyo ngobuchule nolwazi abanalo abafundi.
- (c) *INkcazelo yePolisi yeKharithulam nokuHlola yeBanga R-12* isekelwe phezu kwale mithetho-siseko ilandelayo:
- *Ukuphuculwa kwezentlalo*: ukuqinisekisa ukuba kuyalungiswa ukungalingani kwezemfundo okwabangelwa lixesha lobandlululo, nokuba bonke abemi banikwa amathuba emfundo alinganayo;
  - *Ukufunda ngokubandakanyeka kusetyenziswa ingqiqo*: ukukhuthaza indlela yokufundisa efuna abafundi ukuba bathathe inxaxheba bebonakalisa ingqiqo, endaweni yokufunda ngokubethelela izimvo nokufunda nje bengaziqisisi iinyaniso okanye izimvo abazinikwayo;

- *Ulwazi nezakhono ezikumgangatho ophakamileyo*: ukubekwa kweyona migangatho isezantsi yolwazi nezakhono ekufuneka abafundi bezibonakalise kwibanga ngalinye, kananjalo nokumiselwa kwemigangatho ephezulu enokufikelelwa kuzo zonke izifundo;
  - *Ukuqhubela phambili*: umxholo wokufundwayo neemeko ekufundwa phantsi kwazo kwibanga ngalinye ubonisa ukuqhubela phambili, ukususela kokulula ukuya koko kuntsonkothileyo;
  - *Amalungelo oluntu, uqukaniso, ukukhathalelwa kokusingqongileyo nobulungisa bezentlalo*: ukufakwa kwemithetho-siseko neendlela zokwenza ubulungisa kwezentlalo nokukhathalela indalo esingqongileyo kwanamalungelo oluntu, njengoko ebekiwe kuMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika. INkcazelo yePolisi yeKharithyulam nokuHlola yeBanga 10-12 ibonakalisa uvakalelo kwimiba yeyantlukwano enjengendlala, ukungalingani, uhlanga, isini, ulwimi, ubudala, ukuba nenkubazeko neminye imiba;
  - *Ukuxatyiswa kolwazi lwemveli*: ukuthathela ingqalelo ubutyebi bembali kunye nelifa lemveli leli lizwe njengeentsika zokuxhasa izithethe eziqulethwe nguMgaqo-siseko; kunye
  - *Nentembeko, umgangatho ophezulu, kunye negalelo elibonakalayo*: ukunika imfundo enokuthelekiseka neyamanye amazwe ngokomgangatho, ukunatyiswa kwanokungena nzulu kwayo kwimiba efundiswayo.
- (d) INkcazelo yePolisi yeKharithyulam nokuHlola yeBanga R-12 ijonge ukuphuhlisa abafundi abakwaziyo:
- ukuchonga nokusombulula iingxaki bathabathe izigqibo besebenzisa ingqiqo nokucinga okubonakalisa ubugcisa;
  - ukusebenza ngempumelelo bebodwa naxa bekunye nabanye njengamalungu eqela;
  - ukuzicwangcisa nokuzilawula bona buqu kunye nemisebenzi yabo, loo nto beyenza ngentembeko nangempumelelo;
  - ukuqokelela, ukuhlalutya, ukucwangcisa nokuhlaba amadlala ulwazi;
  - ukunxibelelana nabanye ngempumelelo besebenzisa ubuchule bokubonwayo, bemiqondiso kunye/okanye nezinye IIVEKI zolwimi ngeendlela ezahlukeneyo;
  - ukusebenzisa inzululwazi nobuchwepheshe ngempumelelo nangokubonisa ukuba noxanduva ngokunengqiqo ekukhathaleleni indalo esingqongileyo nempilo yabanye; kunye
  - nokubonisa ukuliqonda ihlabathi ukuba liyiseti yezinto ngezinto ezizalanayo ngokuqaphela ukuba iimeko ezisonjululwa phantsi kwazo iingxaki azizimelanga zodwa geqe.
- (e) Ukuqukaniswa kwemfundo kufuneka kube ngundoqo ekulungiseleleni, ekucwangciseni nasekufundiseni kwisikolo ngasinye. Oku kunokwenzeka kuphela xa bonke ootitshala benolwazi oluphangaleleyo malunga nendlela yokuqonda nokusombulula izidingo zokufunda kunye nendlela yokucwangcisa abafundi abangafaniyo.

Undoqo ekulawuleni ukuqukaniswa kwemfundo kukuqinisekisa ukuba izidingo ziyachongwa zize zisonjululwe ngawo onke amaqela enxaso efanelekileyo asesikolweni, aquka ootitshala, amagosa esithili, amaQela eNkxaso amaZiko athile, abazali neZikolo zabaFundi abaneeMfuno eZizodwa njengamaZiko aXhobisa ngoLwazi. Ukusombulula izidingo eklasini, ootitshala mabasebenzise iindlela ngeendlela zokujongana neyantlukwano kwikharithyulam, ndlela ezo zifana nezo zikuxwebhu lweSebe leMfundo esisisiSeko oluthi *Guidelines for Inclusive Teaching and Learning (2010)*.

**1.4 UKWABIWA KWEXESHA****1.4.1 IsiGaba esisisiSeko**

(a) Ixesha elabelwe ukufundisa kwisiGaba esisisiSeko lumi ngolu hlobo:

ISIFUNDO	IBANGA R (IYURE)	IBANGA 1-2 (IYURE)	IBANGA 3 (IYURE)
ULwimi lwaseKhaya	10	8/7	8/7
ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo		2/3	3/4
IMathematika	7	7	7
IzaKhono zoBomi	<b>6</b>	<b>6</b>	<b>7</b>
• ULwazi olusisiSeko	(1)	(1)	(1)
• EzobuGcisa	(2)	(2)	(2)
• EzemiThambo	(2)	(2)	(2)
• UkuziPhatha neNtlalo	(1)	(1)	(1)
<b>LILONKE</b>	<b>23</b>	<b>23</b>	<b>25</b>

(b) Ixesha elabelwe ukufundisa leBanga R, 1 nelesi-2 ziyure ezingama-23. KwiBanga lesi-3 ziyure ezingama-25.

(c) IBanga R-2 labelwe iyure ezilishumi, zize zibe li-11 kwiBanga lesi-3. ULwimi lwaseKhaya lwabelwe ezona lwimi yure zininzi ezisi-8 nezona zimalwa ezisi-7; luze uLwimi oloNgezelelweyo lwabelwe ezona zimalwa zibe 2 zize ezona zininzi zibe 3 kwiBanga 1-2. KwiBanga lesi-3 ezona yure zininzi zisi-8, zize zibe si-7 ezona zimalwa kuLwimi lwaseKhaya; kanti kuLwimi oloNgezelelweyo ezona zimalwa zi-3, zize ezona zininzi zibe 4.

(d) IMathematika yabelwe iyure ezisi-7.

(e) KwilIVEKI zoBomi, uLwazi lokuQala lwabelwe iyure e-1 kwiBanga R - 2, zi-2 kwiBanga lesi-3, njengoko kubonisiwe kwizibiyeli kwiBanga.

**1.4.2 IsiGaba esiPhakathi**

(a) Ixesha elabelwe ukufundisa kwisiGaba esiPhakathi limi ngolu hlobo:

ISIFUNDO	IYURE
ULwimi lwaseKhaya	6
ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo	5
IMathematika	6
INzululwazi nobuChwepheshe (neTeknoloji) beNdalo	3, 5
INzululwazi yezeNtlalo	3
IzaKhono zoBomi	<b>4</b>
• EzobuGcisa	(1, 5)
• EzemiThambo	(1)
• UkuziPhatha neNtlalo	(1, 5)
<b>LILONKE</b>	<b>27, 5</b>

**1.4.3 IsiGaba esiPhezulu**

(a) Ixesha elabelwe ukufundisa kwisiGaba esiPhezulu lumi ngolu hlobo:

ISIFUNDO	IYURE
ULwimi lwaseKhaya	5
ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo	4
IMathematika	4, 5
INzululwazi yezeNdalo	3
INzululwazi yezeNtlalo	3
UbuChwepheshe (iTeknoloji)	2
INzululwazi yoLawulo lwezoQoqosho	2
IsiFundo ngezoBomi	2
EzobuGcisa	2
<b>LILONKE</b>	<b>27, 5</b>

**1.4.4 IBanga 10-12**

(a) Ixesha elabelwe ukufundisa iBanga 10-12 lumi ngolu hlobo:

IZIFUNDO	IYURE
ULwimi lwaseKhaya	4, 5
ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo	4, 5
IMathematika	4, 5
IsiFundo ngezoBomi	2
Ubuncinane bazo naziphi izifundo ezithathu ezikhethwe kwiQela B isiHlomelo B. iiTheyibhile B1 - B8 zoxwebhu lwepolisi oluthi, <i>National policy pertaining to the programme and promotion requirements of the National Curriculum Statement Grades R-12</i> , ngokuxhomekeke kwimigaqo ebekwe kumhlathi wama-28 wolu xwebhu lwepolisi.	12 (3x4yr)
<b>LILONKE</b>	<b>27, 5</b>

Ixesha elabelwe ukufundisa ngeveki malisetyenziselwe ukufundisa izifundo ngokweemfuno zezifundo zeNkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12 (NKS) ezichatshazelwe apha ngasentla, hayi ezinye izifundo ezongezelelweyo. Ukuba umfundi ufuna ukongeza izifundo, makongezelwe elinye ixesha lezo zifundo azongezileyo.

## ICANDELO LESI-2: UKWAZISA IILWIMI KWISIGABA ESIPHEZULU

**2.1 IILWIMI KWINKCAZELO YEPOLISI YEKHARITYHULAM NOKUHLOLA**

Ulwimi sisixhobo sokucinga nokunxibelelana. Lukwayindlela yenkcubeko nothando lobuhle abathi abantu babelane ngayo ukuze bakwazi ukuliqonda ilizwe abaphila kulo. Ukufunda ukusebenzisa ulwimi ngendlela eyiyo kubangela ukuba abafundi bafumane ulwazi, bakwazi ukuzazi, ukwazisa iimvakalelo neengcinga zabo, ukunxibelelana nabanye nokukwazi ukulawula ilizwe abaphila kulo. Lukwanika abafundi imifanekiso etyebileyo nemandla kunye neengcinga ezinokusetyenziswa kwilizwe labo ngokungcono nangokucacileyo kunokuba kunjalo. Kusetyenziswa ulwimi ukuvakalisa nokwakha iinkcubeko eziziintlobo ngeentlobo nobuhlobo kwaye kukwangokusebenzisa ulwimi apho olu lwakhiwo lunokuthi lutshintshatshintshwe, lwandiswe okanye luphuculwe.

**2.1.1 Imigangatho yolwimi**

Ukufunda ulwimi kwisiGaba esiPhezulu kuquka zonke iilwimi ezisemthethweni eMzantsi Afrika, oko kukuthi iAfrikaans, English, isiNdebele, isiXhosa, isiZulu, isiSwati, Sepedi (Sesotho sa leboa), Sesotho, Setswana, Tshivenda, Xitsonga kwaneelwimi ezingekho semthethweni. Ezi lwimi zingafundiswa kwimigangatho eyahlukileyo.

ULwimi lwaseKhaya lulwimi lokuqala olufundwe ngabafundi emakhayeni abo kuba kuthethwa lona. Nangona kunjalo izikolo ezininzi eMzantsi Afrika azilufundisi uLwimi lwaseKhaya lwabafundi abathile okanye lwabafundi bonke abafunda kweso sikolo. Ezi zikolo zikhetha ukufundisa ulwimi olunye okanye iilwimi ezimbini ezikwinqanaba lokuQala oloNgezelelweyo. Ngenxa yoku amagama athi, uLwimi lwaseKhaya noLwimi lokuQala oloNgezelelweyo lubhekiselele kwinqanaba lolwazi lolwimi olo luthi lufundiswe hayi ngokubhekiselele kulwimi lokuzalwa (uLwimi lwaseKhaya) okanye ulwimi olufundwayo (njengolwimi olongezelelweyo).

**Umgangatho woLwimi lwaseKhaya** unika abafundi izakhono ezingundoqo zokunxibelelana nabanye abantu ezifuneka kwimo yasekuhlaleni nezakhono zemfundo zokuqondwa kokusetyenziswa kolwimi ezifunekayo ngokwekharithulam jikelele. Ugxininiso lusekufundisweni kwezi zakhono: ukuphulaphula, ukuthetha, ukufunda, ukubhala kulo mgangatho. Lo mgangatho ukwanika abafundi amathuba okufunda uncwadi nobugcisa nengqikelelo eya kubenza bakwazi ukuyila, ukuqikelela nokuxhobisa ukuqonda kwabo ilizwe abaphila kulo. Kodwa ugxininiso nomlinganiselo wokuphulaphula nokuthetha ukususela kwibanga lesi-7 ukuya phezulu ungaphantsi kwalowo wezakhono zokufunda nokubhala.

**ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo** lubhekiselele kulwimi olungelulo uLwimi lwaseKhaya kodwa olusetyenziselwa ukunxibelelana nabanye abantu ekuhlaleni, oko kukuthi njengolwimi lokufunda nokufundisa. Ikharityhulam inika inkxaso emandla kwabo bafundi abaya kuthi basebenzise uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo okokuqala njengolwimi lokufunda nokufundisa. Ekupheleni kwebanga lesi-9 aba bafundi baya kuba nako ukusebenzisa ulwimi lwabo lwasekhaya kunye noLwimi lokuQala oloNgezelelweyo ngendlela efanelekileyo nangokuzithemba kwiimeko ezahlukileyo eziquka ukufunda.

EMzantsi Afrika abafundi abaninzi baqala ukusebenzisa uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo, isiNgesi, njengolwimi lokufunda nokufundisa. Oku kuthetha ukuba kufuneka bafikelele kwelona zinga liphezulu lobuchule ekusebenziseni isiNgesi. Kufuneka bakwazi ukufunda nokubhala kakuhle ngesiNgesi.

**Umgangatho woLwimi lokuQala oloNgezelelweyo** uthatha ngokuba abafundi basenokuba abanalwazi kwaphela ngolu lwimi xa befika esikolweni. Kwiminyaka embalwa yokuqala yasesikolweni kugxilwa kakhulu ekukhuliseni izakhono zabafundi zokuqonda nokukwazi ukuluthetha olu lwimi - izakhono ezingundoqo zokunxibelelana nabanye abantu. KwiBanga lesi-2 nelesi-3 abafundi baqala ukwandisa ulwazi kwesi siseko sokunxibelelana ngomlomo. Bakwasebenzisa izakhono zelizithesi abasele bezifunde kuLwimi lwabo lwaseKhaya.

KwisiGaba esiPhakathi nesiPhezulu, abafundi bayaqhuba nokuqinisa izakhono zabo zokuphulaphula, ukuthetha, ukufunda nokubhala. Kweli nqanaba abantwana abaninzi bafunda ngokusebenzisa uLwimi lokuQala oNgezelelweyo, oko kukuthi isiNgesi, kwaye kufuneka bafundiswe olu lwimi ngakumbi. Ugxininiso olumandla ngoko ke malube sekusebenziseni uLwimi lokuQala oNgezelelweyo ngeenjongo zokucinga nokuqinisa. Oku kubangela ukuba abafundi bakhulise izakhono zabo zokuqinisa, izakhono ezo abaza kufuna ukuzifunda nezinye izifundo ezifana neNzululwazi yezeNdalo neMathematika ngesiNgesi. Basebenza ngakumbi ngeetekisi zoncwadi kwaye baqalisa ukukhulisa izakhono zokuthanda ubuhle nokukwazi ukuyila engqondweni kuLwimi lwabo oNgezelelweyo. Ngethuba abafundi befika, kwisigaba esiphezulu kufuneka babe sele bekwazi ukulusebenzisa ngokufanelekileyo ulwimi lwabo lokuqala olongezelelweyo ngokubhekiselele kwizakhono zokunxibelelana nabantu kunye nezokuqonda zemfundo.

Nakuba kunjalo eliyinyani lelokuba kweli nqanaba abafundi abakakwazi kakuhle ukunxibelelana ngoLwimi lokuQala oNgezelelweyo. Ngoko ke umngeni kwisiGaba esiPhakathi kukunika inkxaso abafundi ngaxesha linye banikwe ikharithyulam eza kwenza ukuba abafundi bafikelele kwimigangatho efunekayo kumabanga alandelayo. Kufuneka le migangatho ibe kwimo yokuba abafundi bakwazi ukusebenzisa uLwimi lokuQala oNgezelelweyo kwinqanaba eliphezulu ukubalungiselela imfundo yamaziko emfundo ephakamileyo okanye ilizwe lomsebenzi. Ngoko ke, kucetyiswa ukuba, apho kunokwenzeka, abafundi abakwisiGaba esiPhezulu bafundiswe imiba efanayo kumjikelo weeveki ezimbini kuyo yomibini imigangatho yolwimi - owoLwimi lwaseKhaya nowoLwimi lokuQala oNgezelelweyo.

### 2.1.2 Izakhono zolwimi

Ikharithyulam yoLwimi lwaseKhaya yenziwe ngokwezi zakhono zilandelayo:

1	Ukuphulaphula nokuthetha
2	Ukufunda nokubukela
3	Ukubhala nokunikezela
4	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi

### 2.1.3 Iindlela zokufundiswa kolwimi

Iindlela zokufundiswa kolwimi kula maxwebhu zezisekelwe kwiitekisi, ezifundisa ulwimi ngokulusebenzisa nezifundisa ngokwenkqubo.

**Iindlela yokufundisa esekelwe kwiitekisi** kunye **nendlela yokufundisa ulwimi ngokulusebenzisa** zixhomekeke kakhulu ekusetyenzisweni rhoqo nasekuvelisweni kweendidi ngeendidi zeetekisi.

**Iindlela yokufundisa esekelwe kwiitekisi** ifundisa abafundi ukuba babe ngabafundi, ababhali, abaphononongi nabayili abagqwesileyo, abazithembileyo nabaqinayo. Oku kubandakanya ukuphulaphula, ukufunda, ukubukela nokuhlalutya iitekisi ukwenzela ukuqonda indlela eziveliswe ngayo nefuthe lazo. Le nto iphuhlisa izakhono zabafundi zokuphengulula nokuphendla iitekisi gabalala. Iitekisi zoqobo ngowona mthombo ekusekelwa kuwo umxholo nemeko yokufundwa nokufundiswa kolwimi ngendlela enxibelelanayo nedibeneyo. Indlela yokufundisa esekelwe kwiitekisi ikwabandakanya ukuveliswa kweendidi ngeendidi zeetekisi ezilungiselelwe iinjongo ezithile nabaphulaphuli/abafundi abathile. Le ndlela isekelwe kwingqiqo yokwazi indlela iitekisi ezakhiwe ngayo.

**Iindlela yokufundisa ulwimi ngokulusebenzisa** icebisa ukuba xa efunda ulwimi, umfundi makanikwe ithuba elaneleyo lokulusebenzisa olu lwimi alufundayo kunye namathuba okuziqhelisa okanye avelise ulwimi ngokuqhagamshelana ngeenjongo zemiba yasekuhlaleni neyokuziqhelanisa esebenzisa lona. Ufundo lolwimi malugxininiswe eklasini apho izakhono zokufunda/ukubukela nokubhala/ukunikezela zifundwa khona ngokufunda nokubhala rhoqo. Ufundiso lolwimi lwenzeka ngendlela enxulumeneyo, utitshala ebonisa indlela eyiyo nefanelekileyo, abafundi beziqhelisa ngezakhono ezifanelekileyo emaqeleni phambi kokuzisebenzisa izakhono eyedwa umfundi. Ukwakhiwa kwesifundo

ngasinye makube koko kwenziwa yiklasi yonke ngaphambi kokuziqhelanisa emaqeleni nokusebenzisa isakhono esitsha ngabanye. Amagama asetyenziswayo ngala: ukuphulaphula nokuthetha, ukufunda nokubhala notitshala, amaqela, ukufunda nokubhala ngoncedo lukatitshala nayedwa.

**Indlela yokufundisa ngokwenkqubo** isetyenziswa xa abafundi befunda ze bavelisa iitekisi zomlomo nezibhaliweyo. Abafundi bathabatha inxaxheba kumanqanaba ahlukeneyo eenkqubo zokuphulaphula, ukuthetha, ukufunda nokubhala. Mabacinge ngababukeli/abaphulaphuli nangenjongo xa besenza ezi nkqubo. Loo nto iya kubenza bakwazi ukuqhagamshelana, ukuthetha nokuveza iimbono zabo ngobuchule. Umzekelo, ukufundiswa kokubhala akugxininisi kwisiphumo kuphela, koko kugxininisa nakwinjongo nenkqubo yokubhala. Ngexesha lenkqubo yokubhala abafundi bafundiswa indlela yokuelisa izimvo, ukucinga malunga nenjongo, nabantu abaza kufunda umsebenzi wabo, ukubhala iidrafti, ukuhlela umsebenzi wabo nokunikezela ngaloo nto bayibhalileyo bedandalazisa iingcinga zabo.

### **Iindlela zokufundiswa koncwadi**

Ukufundiswa koncwadi makugxininise ekufundiseni ngenjongo yokuqonda yaye kuquka ubuchule/iindlela zenkqubo yokufunda (phambi kokufunda, ngeli xesha ufundayo, emva kokufunda). Esona sizathu sibalulekileyo sokufunda uncwadi eklasini kukukhulisa uvakalelo lwabafundi kusetyenziso lolwimi ngendlela ecolekileyo, enobuchule, enongiweyo, enemifanekiso-ngqondweni nemiqondiso nenzulileyo kunokuba befunda enye into engelulo uncwadi. Nangona ezinye iitekisi zoncwadi izezokonwabisa, ukuhlelisa, ukwandisa ulwazi, ababhali abazimiseleyo nabazinikezeleyo babhala iinoveli, imidlalo, umbongo kuba beneengcinga, imibono nemiba, imithetho-siseko, iimbono, neenkolelo abafuna ukwabelana ngazo nokuzivezela abafundi beencwadi zabo. Ingcikelelo ekusetyenziseni kolwimi yenye yeendlela ezongezliweyo zokutyhila, ukomeleza nokugxininisa iingcinga zaba babhali.

Ukufundiswa koncwadi akukho lula, kodwa kunzima ngakumbi xa zingekho iingcinga zabafundi eziya kumnceda ekufumaneni intsingiselo nokuphawula okunyanisekileyo okuvela kubafundi ngokwabo. Ngaphandle kokuba bazifundele ngokwabo ukuyazi intsingiselo engqalileyo yetekisi leyo, abayi kube bafunde okuninzi. Ootitshala mabazinxweme ekuchazeni uncwadi ngendlela abayiva ngayo incwadi, koko bavumele abafundi ukuba ibe ngabo abathabatha inxaxheba enkulu xa kuhlalutywa. Uhlalutywa okanye ukuchazwa kwencwadi akukho malunga nokuchaneka okanye ukungachaneki kwezimvo, koko kukukhangela intsingiselo kulowo uyifundayo.

Ezona ndlela zingcono zokufundisa uncwadi zinokuquka ezinye zezi okanye zonke ezi zilandelayo:

- Ukufunda itekisi eklasini ngaphandle kokuphazanyiswa ngomnye umsebenzi. Oku akunakuthatha ngaphezulu kweeveki ezimbini. Kubalulekile ukuba abafundi babe nolwazi olucacileyo ngokuqhubekayo nokungundoqo wetekisi (ukuba ingantoni). Ukufunda itekisi ithuba elide kukwenza ulahlekane nesakhiwo nomxholo; funda isiqanaqwana ngethutyana ukuze uve okuthethwayo. Kwiiklasi ezininzi itekisi ifundwa ngaphandle kwale nkxaso. Oku makukhuthazwe. Fundisa *isihobe* gabalala, *hayi imibongo*. Fundani imibongo emininzi kangangoko ninako eklasini ze uqiniseke ukuba abafundi nabo babhala eyabo imibongo.
- Ukuhlalutywa koncwadi kubaluleke kakhulu kwimfundo yaseyunivesithi. Kulo mgangatho abafanelanga kufunda uhlalutywa oluntsonkothileyo. Kodwa ke wonke umsebenzi wokufundisa abafundi uncwadi kukubonisa ukuba ulwimi lwabo lwasekhaya lungasetyenziswa mayana, ngobukrelekrele, ngokuqikelela nangokuvulelekileyo. Oku kuthetha ukuqwalaselisa ukuba itekisi yakhiwe njani, ubuchule obusetyenzisiweyo nokucwangciswa kwayo ngokutsha ukucacisa nokugxininisa loo nto iboniswayo. Lo msebenzi unokufuna uqwalaselo lobukho nokungabikho kwemifanekiso-ngqondweni. Nguwuphi umfanekiso-ngqondweni ophuhlisa ngumbhali? Usetyenziselwe ntoni? Ukwakhiwa kwezivakalisi nemihlathi, okanye ubume bemibongo, amagama akhethiweyo, umxholo kwitekisi jikelele, ukusetyenziswa kwemiqondiso, isandi, umbala, apho kuyimfumeke. Uninzi lwalo msebenzi maluxhomekeke kuloo ncwadi ifundwayo, kodwa ukuhlalutywa komqolo ngomqolo kulo naluphi uncwadi olubhaliweyo akumkhulisi umfundi.



- Ubugcisa bokubhala kufuneka buhambelane ngqo nokufundiswa kwayo nayiphi na itekisi yoncwadi. Imisebenzi ebhalwayo efuna ngamandla ulwazi lwetekisi efundiweyo ifunyaniswa ukuba incedisa ngakumbi ukuseka izinga eliphakamileyo lokuxabisa/lokuhluzisa kwicala labafundi. Iingxoxo zaseklasini zingaba nempumelelo xa wonke ubani enokuthabatha inxaxheba. Kodwa ezo ngxoxo zigqibela ngokuba ngumsebenzi obhaliweyo zezona zifezekisa injongo ecacileyo, yaye zancedisa kokubini, kwizakhono zokuthetha nezokubhala.
- Elokugqibela, kubalulekile ukwazi ukuba uncwadi ayizompendulo zichanekileyo. Itekisi xa iyonke icacisa into ngokuzelelo, hayi ngokweziqendwana zayo; ukufundiswa kwetekisi okulungileyo kuquka yonke itekisi ekuchazweni kwentsingiselo yayo, isakhiwo, izimvo zakho, nokuphononongwa kwayo.

Ezinye iindlela zokufundisa uncwadi ezinokuqukwa xa kufundelwa ukuqonda nokwazi iimpawu eziphambili zoncwadi zezi zilandelayo:

**Ukucwangcisa ngokwamaxesha eziganeko, ngokombhali, ngokomxholo/umongo nangokohlobo loncwadi.** Ezi zakhono zingadityaniswa.

**Kwindlela yokucwangcisa ngokwamaxesha eziganeko** abafundi bangaphanda ze badibanise ixesha eliqhubeka ngalo ibali neziganeko zezembali zelo xesha.

**Kwindlela yokufundisa ngokombhali,** abafundi bangathabatha inxaxheba kufundo olubanzi nolunzulu ngombhali ngakumbi kwisihobe ukuze banxibelelanise isihobe sakhe nembali ethile yelo xesha.

**Kwindlela yokufundisa ngokomxholo/ngokomongo** abafundi bajonga umongo/imixholo efana nezobulungisa, ezempumelelo, ezothando, njalo njalo, kwimibongo ngemibongo okanye kwiindidi ezahlukeneyo zoncwadi ukuze zithelekiswe neziganeko ezenzeka mihla le ebomini. Bangathabatha izigqibo/izigwebo ngezenzo zomdlali ukuze banike izimvo zabo ngomxholo.

**Malunga nendlela yokufundisa ngokohlobo loncwadi,** abafundi bangahlela, bathelekise, ze bachaze umahluko phakathi kweendidi zoncwadi, umzekelo, umahluko phakathi kwezakhiwo zenoveli/ibali elifutshane/idrama/uncwadi lwemveli.

#### **Iindlela zokufundiswa kokusetyenziswa kolwimi**

Ukufundiswa kwezakhi zolwimi makugxininise kwindlela yokusetyenziswa kwazo nento enokwenziwa ngolwimi, oko kukuthi, yenziwa njani intsingiselo, uhlangabezana njani neengxaki nokuxhokonxa umdla, ubakhuthaza njani abahlobo noogxa bakho, ubenza njani ubomi obungcono. Ukufundisa ulwimi makube yindlela yokukwazi ukuqhubela phambili izinto.

Ukufundisa izakhi zolwimi makube yindlela esekelwe kwiitekisi kunye nendlela yokufundisa ulwimi ngokulusebenzisa.

Le migaqo ilandelayo mayithathelwe ingqalelo xa kufundiswa izakhi zolwimi:

- Igrama mayifundiselwe ukwakha iitekisi kwimo yazo yokusetyenziswa - loo nto ihambelana nolwimi njengoko lunjalo.
- Ukusetyenziswa kwegrama makungabi namigqaliselo yokuhlalutya izivakalisi ngokuzimeleyo - makuchazwe indlela ezakhiwe ngayo izivakalisi kwiitekisi ezipheleleyo, umzekelo, amabali amafutshane, izincoko, iileta, iingxelo ezifundiswayo, ezifundwayo nezibhalwa ngabafundi esikolweni.



- Makukhuthazwe ukusetyenziswa kwezixhobo ezixhasayo zoqobo/zenyani ezifana nencoko yababini nodliwano-ndlebe.
- Izakhi zolwimi mazidityaniswe nemisebenzi yolwimi kwiinkalo ezahlukeneyo zasekuhlaleni, umz. Ukuveza iingcinga ngezimvo zomntu, ukwazisa abantu, ukuthetha ngezinto/ukwenza ingxelo ngento, izenzo, iziganeko okanye abantu basekuhlaleni, izinto ezadlulayo okanye neziza kwenzeka: ukwenza izicelo, ukunika iingcebiso, ukudlulisa ukutya okanye izinto eziselwayo, ukwamkela nokwala ngokuphucukileyo, ukunika nokusabela kwimiyalelo, ukuthelekisa nokuchasanisa izinto.
- Sebenzisa imisebenzi yaseklasini efana neemo zolwimi nemisebenzi yazo, umz. Ukusebenzisa ixesha eladlulayo kunye/okanye nelidlulileyo xa kubhalwa isincoko esibalisayo naxa kubhalwa ingxelo, ukusebenzisa uhlobo lokuqoshelisa/lolandelelwano xa kubhalwa isincoko esinocamngco.
- Gxininisa kwimisebenzi enentsingiselo. Ukwazi imigaqo yolwimi akuthethi ukuba abafundi bayakwazi ukulusebenzisa ulwimi ngendlela ebumbeneyo/enamatheleyo nenentsingiselo. Eyona nto sinomdla kuyo sisakhi nomsebenzi waso ngaphaya komgangatho wesivakalisi, oko kukuthi, indlela abantu abalusebenzisa ngayo ulwimi oluthethwayo (intetho) okanye ulwimi olubhaliweyo (itekisi) ngendlela ebumbeneyo/enamatheleyo nenentsingiselo.

**2.2 UKWABIWA KWEXESHA KULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO KWIKHARITYHULAM**

Ngokwepolisi, ixesha lokufundisa kuLwimi lwaseKhaya ziiyure ezi-5 ngeveki, ze ibe ziiyure ezi-4 kuLwimi lokuQala oloNgezelelweyo. Kodwa ke kwisiGaba esiPhezulu kucetyiswa ukuba iiyure ezi-5 zabelwe ulwimi lokufunda nokufundisa, ze iiyure ezi-4 zabelwe olunye ulwimi olunyanzelekileyo. Ngoko ke, izikolo ezisebenzisa uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo njengolwimi lokufunda nokufundisa kufuneka zilwabele iiyure ezi-5 olu lwimi.

Wonke umxholo wolwimi ufundiswa ngomjikelo weeveki ezimbini (iiyure ezili-10 (ezisi-8)). Akunyanzelekanga ukuba ootitshala balandele lo mjikelo ncakasana, koko mabaqiniseke ukuba abafundi bayaqhelaniswa nezakhono zolwimi, ngakumbi ukufunda nokubhala. Ixesha elabelwe izakhono ezahlukeneyo zolwimi kwiBanga 7 - 9 ziiveki ezingama-36 ngonyaka. Iiyure ezine zezeemviwo - iiveki ezimbini zezikaJuni, ezimbini zezikaDisemba.

Isicwangciso sexesha masivumele iiphiriyodi ezimbini ezilandelelanayo ngeveki. Kumjikelo weeveki ezimbini kucetyiswa olu lwabiwo lwexesha lwezakhono zeelwimi ezahlukeneyo.

**Ixesha elicetyiswayo loLwimi lokuFunda nokuFundisa**

IZAKHONO	UKWABIWA KWEXESHA NGOKOMJIKELO WEEVEKI EZIMBINI (IIYURE)		
	IBANGA LESI-7	IBANGA LESI-8	IBANGA LESI-9
Ukuphulaphula nokuthetha (I-oral)	Iiyure ezi-2		
Ukufunda nokubukela	Iiyure ezi-3 nemizuzu engama-30 (Iyure e-1 nemizuzu engama-45 yokufundela ukuqonda neyure e-1 imizuzu engama-45 yeetekisi zoncwadi)		
Ukubhala nokunikezela	Iiyure ezi-4 nemizuzu engama-30		
Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi	Iiyure e-1		
	<b>Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi</b> nendlela ezisetyenziswa ngayo zinxulunyaniswe kwixesha elabelwe ezinye izakhono zolwimi ezine. Kukwakho ixesha elabelwe ukuiqhelanisa okusesikweni. Izakhono zokucinga nokuqiqa zinxulunyaniswe nezakhono neendlela ezifunekayo zokuphulaphula nokuthetha, ukufunda nokubukela nokubhala nokunikezela.		

### 2.3 IZIXHOBO ZOKUXHASA UKUFUNDA NOKUFUNDISA

Abafundi mababe noku kulandelayo kuLwimi lokuQala oloNgezelelweyo kwibanga lesi-7 ukuya kwele-9:

IBANGA LESI-7 - 9	
IZIXHOBO EZINGUNDOQO	
Iincwadi zolwimi ezimiselweyo	√
Inoveli	√
Amabali amafutshane	√
Uncwadi lwemveli	√
Idrama	√
Isihobe	√
Isichazi-magama	√
EZOKUSASAZA IINDABA	
Amaphephandaba	√
Iimagazini	√
Iinkqubo zikanomathotholo/iidrama	√
Iinkqubo zikamabonakude/iidrama/iidotyhumentari	√

Ootitshala boLwimi lokuQala oloNgezelelweyo mababe nezi zinto zilandelayo:

- Inkcazelo yepolisi yekharithyulam nokuhlola
- ILanguage in Education Policy* (ipolisi yokufundisa iilwimi)
- Iincwadi ezimiselwe zolwimi ukusetyenziswa ngabafundi nezo zinguvimba ukongeza kwezo zichongiweyo.
- Isichazi-magama (esolwimi olunye, eselwimi ezimbini, ezininzi, ithesarasi ne-ensayiklophidiya)
- Iintlobo zoncwadi ezimiselweyo
- Iindidi zemathiriyeli yokusasaza iindaba: amaphephandaba, iimagazini, iibrowusha
- Babe nethuba lokufumana izixhobo eziviwayo/ezibonwayo ukuze zisetyenziswe eklasini
- Ezinye izixhobo zokusasaza (iintlobo zamaphephandaba, iimagazini neebhrowutsha)

#### Izixhobo zokufundisa eklasini

- Uluhlu lweetekisi ezibandakanya amanqanaba okufunda awohlukileyo umz. iincwadi zokufunda ezikhethiweyo zeklasini ezineekopi ezineetekisi ezaneleyo kwinqanaba ngalinye
- Iintlobo ngeentlobo zemathiriyeli eneetekisi ezibonwayo umz: amaphephandaba, iimagazini, ibrowutsha, iiflaya, izibhengezo, iipowusta, izaziso, njalo njalo.
- Izixhobo eziviwayo/ezibonwayo

## ICANDELO LESI-3: UMXHOLO NEZICWANGCISO ZOKUFUNDISA IZAKHONO ZOLWIMI

### 3.1 AMAGQABANTSHINTSHI EZAKHONO ZOLWIMI - IINKQUBO NEENDLELA ZOKWENZA, IINTLOBO NOBUDE BEETEKISI

#### 3.1.1 Ukuphulaphula nokuthetha

**Ukuphulaphula nokuthetha** ngundoqo ekufundeni kuzo zonke izifundo. Ngokuphulaphula nokuthetha okuyimpumelelo, abafundi baqokelela baphicothe ulwazi, bakha ulwazi, basombulula iingxaki bavelise izimvo neembono zabo. Izakhono zokuphulaphula ngokunzulu zenza abafundi baqonde izithethe neendlela zokucinga ezikwiitekisi batsho bakwazi nokucela umngeni ulwimi olunomdla othambekele ecaleni noluhathayo. Ukuphulaphula nokuthetha zizakhono ezahlukeneyo kodwa esinye sixhomekeke kwesinye. Zozibini ezi zakhono zenziwa ngokungekho sesikweni eklasini ngethuba abafundi befumana ulwazi bekwaxoxa ngalo. Ukuphulaphula nokuthetha okusesikweni kweentlobo ezithile, umzekelo, ingxoxo-mpikiswano, kufuna ukufundiswa okungqalileyo. Ukuphulaphula nokuthetha okusesikweni nokungekho sesikweni kunxulunyaniswa nokufunda, ukubhala nokuziqhelanisa nolwimi, yaye ukuthetha kunokunika itekisi ebhaliweyo ngohlobo lomlomo (umzekelo, ukufunda ngokuvakalayo).

#### Inkqubo neendlela zokuphulaphula

Ukufundiswa kokuphulaphula kudla ngokuquka ukusebenza ngeziqanaqwana zenkqubo yokuphulaphula. Lo ngumsebenzi onamanqanaba amathathu abonisa iindlela zokuphulaphula ezizimeleyo ukwenzela ukucazulula nokuqonda intetho kunye nezinye iintlobo eziphulaphulwayo. Akuyi kusoloko kulandelwa onke amanqanaba enkqubo. Umzekelo, ukuba abafundi baphulaphule ingcaciso erekhodiweyo kuya kufuneka ukuba benze umsebenzi **phambi kokuba baphulaphule** obenza bafune ukuthi qwa balindele ukuphulaphulisisa, ubancede ukuba banxulumanise oko bakuphulaphuleyo namava abo. Imisebenzi **yangexesha bephulaphule** ingabanceda bakhumbule iinkcukacha baze baphonononge umyalezo. **Emva kokuphulaphula** kungabandakanywa abafundi ekuphenduleni ngokuxoxa malunga naloo nto bayivileyo.

Imisebenzi nokuhlolwa kwezicatshulwa eziphulaphulwayo kunika ithuba lokufundisa abafundi indlela yokuphulaphula.

Okwenziwa **phambi kokuphulaphula** kungenisa abafundi kwimeko yokuphulaphula. Kuvumela abafundi kuba bazikhumbuze ngolwazi abasele benalo malunga neso sihloko, baze balungiselele ukuphulaphula.

- Ukuhlupheza/ukuvuselela ulwazi abasele benalo phambi kokuba baphulaphule
- Ukuqikelela ukuba itekisi inokuba ithetha ngantoni ngokujonga isihloko
- Ukujongana nesigama esiphambili abanokuba abasiqhelanga abafundi
- Utitshala unokuseta imibuzo yaphambi kokuphulaphula ukwenzela ukubuyisa umdla wabafundi.
- Abafundi mabazilungiselele ngokubonakalayo ngokuthi, umzekelo, babe nepenlothe nencwadana yokubhalela

**Ngeli xesha bephulaphule** - babuza imibuzo, baqaphela okuthile, bayathelekisa, babhala amanqaku, batolika abakuphulaphuleyo

- Bahlalutya
  - Umyalezo,
  - Isithethi kunye
  - Nobungqina besithethi
- Badibanisa okuthethwayo nabakwaziyo ezingqondweni
- Bakhangela intsingiselo
- Babuza imibuzo
- Bayaqikelela baze baqinisekise oko bebekuthelekelele
- Bacinga ngezimvo abazibekileyo baze baphonononge.

Okwenzeka **Emva kokuphulaphula** kulandelela amava okuphulaphula. Abafundi

- Babuza imibuzo
- Bancokola malunga nokuthethwe sisithethi
- Baphonononga amanqaku abawabhale phantsi
- Bashwankathela intetho ngomlomo
- Badlulisa ulwazi obeluthethwa ngomlomo lube kwimo yokubhalwa, umzekelo, ukusebenzisa olo lwazi ukufaka iinkcukacha kumzobo
- Bahlalutya baze baphonononge ngokunzulu oko bakuvileyo
- Baphicotha ulwazi olutsha besebenzisa ulwazi abasele benalo
- Bafikelela ezigqibeni; baphonononge; banike ezabo izimvo; baphendule ngokunzulu

<b>IINTLOBO EZAHLUKENEYO ZOKUPHULAPHULA</b>	
<b>Ukuphulaphulela ukufumana ulwazi oluthile</b>	<p>Ukuphulaphula, kunokuva nje, ngundoqo wokujongana ngengqiqo nayo nayiphi na imeko ohlangana nayo koko kukungqongileyo. Kwilizwe apho kusetyenziswa khona ubuchwepheshe (iteknoji) obufana nezandi, amazwi, umculo, nokuthetha, kubalulekile ukufunda ukuphulaphula loo nto inentsingiselo kuphela. Okuninzi koku kudweliswe apha ngezantsi, kunokungaqheleki kubafundi kwesi sigaba, yaye ootitshala kufuneka basebenze kuphela kwezo nkqubo bafumanisa ukuba kusafuneka begxininise kuzo.</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukujonga ulwazi abanalo kuqala phambi kokuba baphulaphule</li> <li>• Ukuqondisisa injongo yesithethi</li> <li>• Ukuphulaphula ngenyameko loo msebenzi uwunikiweyo ubonisa umdla</li> <li>• Ukukhangela intsingiselo</li> <li>• Ukujonga ukuba umyalezo uyavakala na ngokuthi unxulumanise, uqikelele uze ungqinise olo qikelelo, uthatha izigqibo, uphonononge, ucingisise ze ucinge kwakhona malunga nokuvileyo</li> <li>• Ukuthabatha amanqaku anentsingiselo ugqabaza, ubonisa icala eya ngakulo intetho, uyibeka ngohlobo oluthile, ushwankathela, usenza iitshekhilisti, ubeka intetho ngamazwi akho, ubalisa kwakhona, ucacise</li> <li>• Ukukhangela umyalezo wesithethi</li> <li>• Ukuqwalasela unxulumano phakathi kwemeko, uchongo-magama kunye nemo</li> <li>• Ukukhetha/ukuchonga, ukucacisa ze uphonononge imiyalezo</li> <li>• Ukuphulaphula imiyalelo, ukhangela indlela emephini ukwalandela nemigaqo ebekiweyo</li> <li>• Ukufumana iingcinga ezingundoqo nezixhasayo</li> <li>• Ukusebenzisa ulwazi ngokuthelekisa, ukuphulaphula imiyalelo, ukuvala izikhewu, ukuqwalasela umahluko, ukukorekisha imiba ethile (kwitshekhilisti), ukudlulisa ulwazi, ukulandelelanisa, ukuyelelanisa, kunye nokucacisa intsingiselo</li> <li>• Ukulandelela loo ntetho ibisenziwa ngokuphendula imibuzo, ukuqwalasela kwakhona amanqaku akho obuwabhalile, ukuhlela iingcinga, ukushwankathela, ukucacisa, ukucingisisa, ukuthetha okanye ubhale</li> </ul>
<b>Isicatshulwa esiphulaphulwayo nokuthetha</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukubalisa ibali ngokutsha</li> <li>• Ukukhumbula iinkcukacha ezithile ezikwitekisi</li> <li>• Ukucingisisa malunga nezithethe nemiyalezo ekwitekisi</li> <li>• Ukucingisisa malunga neengcinga ezingeyonyani ezibethelelekileyo kunye nezinomkhethe</li> <li>• Ukuxoxa ngabalinganiswa, umxholo nesimo sentlalo</li> <li>• Ukubeka izimvo zakho</li> <li>• Ukucacisa imibuzo</li> </ul>
<b>Ukuphulaphulela ukuhlalutya nokuphonononga</b>	<p>Uninzi lwezi nkqubo zidweliswe apha ngezantsi ziluncedo ekufundeni iitekisi zoncwadi, kwizibhengezo namaxwebhu ezopolitiko. Emva komsebenzi wokuphulaphula, ootitshala badla ngokuvulela amathuba okuxoxa, kodwa kuluncedo ukuba emva kwengxoxo benze umsebenzi obhaliweyo. Kungacatshulwa indawana kwingoma yefilim, umzekelo, isetyenziselwe ukuqala isincoko esibalisa. (“Yintoni kanye le uyivayo? Khangela intsingiselo yayo.”). Ukukhethwa kwamagama ‘achukumisayo’ kwintetho, okanye kumbongo ofundwayo kungaqakwa ekubhaleni okuhambelana naloo meko okanye loo nto ubhala ngayo. Quka amagama kwintetho ephikisanayo naleyo ithethwa sisithethi; okanye usebenzise la magama kumbongo wakho ukuze ulwazi lwakho lwamagama lucaze.</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Khetha uchaze intsingiselo yokusetyenziswa kolwimi olulukhlayo noluqhathayo, olunika ingcinga ecalanye nedlelelelayo, ingcinga ebethelelekileyo engeyonyani</li> <li>• Yahlula phakathi kwenyani noluvo</li> <li>• Bonakalisa ulwazi malunga nethoni, isantya nokusetyenziswa kolwimi</li> <li>• Phendula kwisimbo, ithoni nerejista uphonononge ngendlela efanelekileyo</li> <li>• Kwazi ukulandelelanisa ulwazi ngokufanelekileyo</li> <li>• Thatha isigqibo ze unike ubungqina</li> <li>• Yenza ingqikelelo ze uthelekelele iziqhamo/iziphumo zoko</li> <li>• Phendula ngokusetyenziswa kolwimi, uchongo lwamagama, ifomathi, ukubizwa kwamagama.</li> </ul>

**IINTLOBO EZAHLUKENEYO ZOKUPHULAPHULA**

<b>Ukuphulaphulela ukuncoma nokuxoxa</b>	<p>Le misebenzi yokuphulaphula yenzeka ngokulula kwiingxoxo-mpikiswano, iingxoxo zamaqela amancinci, nakuyo nayiphi na ingxoxo elungiselelweyo. Ukubukela iikliphu zefilim kungaba luncedo kakhulu ekuhlahleleni ezi mpawu zidweliswe apha ngezantsi:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukuphendula kwiimeko ngeemeko zoqhagamshelwano</li> <li>• Ukusebenzisa imigaqo yokunika amathuba xa nincokola</li> <li>• Ukuthethelela icala olikhethileyo</li> <li>• Ukubuza imibuzo ukwenzela ukuqhubela phambili incoko.</li> <li>• Ukuphendula kulwimi, izijekulo, ukunamathelisa iliso nokusebenzisa amalungu omzimba.</li> <li>• Ukuboninsa ukuzalana phakathi kolwimi nenkcubeko ngokubonakalisa intlonipho kwizenzo zenkcubeko.</li> <li>• Ukuphendula kwimigangatho yobuhle beetekisi zomlomo, umzekelo, isingqi, isantya, ii-ifekthi zesandi, umfanekiso-ngqondweni</li> </ul>
--	---

**Ubude beetekisi ezisetyenziswa njengezicatshulwa eziphulaphulwayo**

UMSEBENZI	IBANGA LESI-7	IBANGA LESI-8	IBANGA LESI-9
<b>litekisi zezicatshulwa eziphulaphulwayo ezide, umzekelo, ibali, udliwano-ndlebe, imidlalo, iindaba</b>	Amagama ali-130-180/ukuya kwimizuzu emi-5	Amagama angama-180-230/ kwimizuzu emi-5	Amagama angama-230-280/ kwimizuzu emi-5
<b>litekisi zezicatshulwa eziphulaphulwayo ezimfutshane, umzekelo, izaziso, iitekisi zolwazi, imiyalelo, izalathisi</b>	Amagama angama-50-60/ umzuzu om-1-2	Amagama angama-60-70/ umzuzu om-1 - 2	Amagama angama-70-90/ umzuzu om-1 - 2
<b>Isicatshulwa esifundwayo/ iitekisi ezifundwa ngokunzulu</b>	Amagama ali-130 - 180	Amagama angama-180 - 230	Amagama angama-230-280

**Ukuthetha**

KwisiGaba esiPhezulu abafundi mabafundiswe okanye balungiselelwe ukuthetha ngokulula nangokuqhabalaka nanjengoko le iyeyona nto ixabisekileyo ebomini babo, bobuqu nobomsebenzi. Ukudala oku kuzithemba kubaluleke ngaphezu kwayo nayiphi indlela okanye icebo lokuthetha esidlangalaleni. Kufuneka abafundi bazi ukuba xa bethetha abazi kuhlekwa okanye bangxoliswe, yaye kufuneka baqiniseke ngenkxaso epheleleyo nenkuthazo katitshala ngawo onke amaxesha.

Abafundi besiGaba esiPhezulu mabafundiswe ezona ndlela zisisiseko zokwenza udlwabevu lwentetho. Kusenokuboniswa unyamezelo oluthile kubafundi xa kujongwa indlela ukuthetha nabantu ngomlomo okunezinto ezininzi okuzifunayo ngayo.

**Inkqubo nemigaqo (iindlela) yokuthetha**

Ukufundiswa kokuthetha makuquke ulwazi lwenkqubo neendlela zonxibelelwano (ukukhangela ngokutsha, ukubeka ngawakho amazwi, ukubeka olunye ulwazi endaweni yolunikiweyo, ukubonisa, ukusebenzisa izangotshe, ukulinganisa ungasebenzisi mazwi, izandi nokucela uncedo). Inkqubo yokuthetha yenziwa ngala manqanaba alandelayo:

- Ukucwangcisa, ukuphanda nokulandelelanisa ngokufanelekileyo
- Ukwenza intetho

**Ukucwangcisa - ukuphanda nokulandelelanisa ngokufanelekileyo**

Abafundi mabakwazi ukubonakalisa izakhono zokucwangcisa, zokuphanda, nokulandelelanisa izimvo ngokufanelekileyo ukulungiselela intetho yomlomo:

- Ngokusebenzisa irejista, isimbo, ilizwi ngokwabantu abalungiselelwayo, injongo, imeko nomongo
- Ukusebenzisa ulwimi olwamkelekileyo (ukhetho lwamagama):
  - Ngokusetyenziswa kwezenzi, iintlobo zeziphawuli kunye nezihlomelo ukunika iinkcukacha nengcaciso ecacileyo xa kuthethwa, umzekelo, ukwenza intetho, ukubalisa ibali kunye nengxoxo-mpikiswano
  - Ukusetyenziswa kolwazi lwezithethantonye nezichasi, oomabizwafane, oomabizwahluke kunye nokubhala ibinzana lamagama ngegama elinye
  - Ukusebenzisa amagama amatsha nawemboleko
  - Ukusebenzisa isigama esinongiweyo (izafobe, izaci, amaqhalo), ithoni, isimo okanye uhlekiso
  - Ukusebenzisa izifinyezo
  - Ukusebenzisa iingcambu, izimaphambili kunye nezimamva
  - Ukusebenzisa isini, isininzi kunye nezinciphiso
  - Ukusebenzisa iziphawuli kunye nezihlomelo
- Ukubonisa ulwazi olunzulu lolwimi:
  - Ngokunika iinyani nokuvelisa izimvo
  - Ukuvelisa intsingiselo yentsusa, eyongezelelweyo kunye necingelwayo
  - Ukuchaza nokubonisa izithethe neendlela abacinga ngazo, ulwimi olulukhlayo/oluqhathayo, izimvo ezicalanye nezidlelelwayo, iingcinga ezibethelelekileyo ezingeyonyani, ulwimi olucengayo nolulukhlayo, umz. Intetho elukhlayo nokukwazi ukuyisebenzisa
- Ukusetyenziswa kwezixhobo ezifana nezichazi-magama neethesarasi ukukhetha awona magama afanelekileyo nachanekileyo ukuze bakwazi ukwenza intetho besebenzisa amanqaku abhaliweyo (iinowuthsi) nezincedisi zaseqongeni, ezibonwayo kunye/okanye neziviwayo; iigrafu zokuncedisa ekwenzeni intetho ibe nomdla yaye ichaneke.

**Ukuziqhelisa kunye nokwenza intetho**

Abafundi mabakwazi ukubonakalisa izakhono zabo zokwenza intetho yomlomo ngolu hlobo:

- Ukuthetha ngqo nababukeli/abaphulaphuli
- Ukusebenzisa izixhobo ezininzi ukuqokelela ulwazi
- Ukudibanisa uluhlu lwamanqaku okuzixhasa nokunika imizekelo ngokwemfuno zomsebenzi

- Ukusebenzisa intshayelelo edlwengula umxhelo nodlwabevu lwesiphelo (umz. Ukucaphula kokubhaliweyo, iimbali ezimfutshane ezihlekisayo, nokusetyenziswa kweencwadi ezigunyazisiweyo)
- Ukukhulisa ingcinga nengxoxo - ngokunikezela ngentetho emxholo wayo ungebiwanga ndawo, unika umdla, undindeneyo, ubonakalisa ukukhula kwengqiqo nemiba yengxoxo, imizekelo nezimvo ezilandelelana ngokufanelekileyo
- Ukusebenzisa imiba yentetho (umz. Intshayelelo, umhlathi wokuqala nowesibini, isiqu, isiphelo) ekwakheni ingxoxo ebonakalisa ingqiqo nokusebenzisa isakhono sokulukuhla nokwenza ingxoxo-mpikiswano
- Ukusebenzisa izakhiwo zokulungelelanisa intetho ezifana nezi zilandelayo: ukulandelelana kweziganeko, umba osematheni, unobangela nesiphumo, ukuthelekisa nokuchasanisa, isisombulolo sengxaki, ukunika ulwazi nokulukuhla
- Ukusebenzisa imvakalozwi eyamkelekileyo
- Ukunikezela nokukhulisa ingxoxo ecacileyo nokukhetha ubungqina obusemgangathweni (umz. linkcukacha-manani, ubungqina, iimeko ezithile) kuquka into ekholelekayo, eyinyani, engqinekayo nefanelekileyo
- Ukusebenzisa iindlela zokuthetha nabantu ezifanelekileyo okanye uphindaphindo: manene nani manenekazi; ndifuna ukugxininisa ukuba ...
- Ukusebenzisa izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi eyamkelekileyo efana nale:
  - Izakhi zezenzi kunye neentsiza-senzi ukubonakalisa ngokuchanekileyo ixesha nohlobo
  - Ukusebenzisa izigaba zentetho ukubonakalisa unxibelelwano lomlomo lwemihla ngemihla
- Ukusebenzisa imibuzo buciko, ukunqumama nophinda-phindo
- Ukusebenzisa ubuchule obuthethwa ngomlomo nobungathethwayo (umz. Usetyenziso lwethoni/imvakalozwi, ukunyuka nokuhla kwelizwi, ukuvakalayo ngokufanelekileyo, isithuba/isingqi, ukubekwa kwamazwi entetho, unamathelo lwamehlo, iintshukumo zobuso, izijekulo neentshukumo zomzimba) ngokuchanekileyo xa kusenziwa intetho.



<b>IINTLOBO ZEETEKISI ZOKUPHULAPHULA NOKUTHETHA</b>	
<b>Intetho elungiselelweyo</b>	<p>Ukwazisa/ukucenga/ukwabelana nokuthethelela uluvo okanye icala olithathileyo.</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukuchonga isihloko sophando esifanelekileyo <ul style="list-style-type: none"> <li>- Makubonakale uphando oluthile</li> <li>- Makube nesakhiwo (intshayeleyo, isiqu nesiphelo)</li> </ul> </li> <li>• Makubekho unxulumaniso olucacileyo lwezimvo nesihloko <ul style="list-style-type: none"> <li>- Ingxoxo okanye uluvo maluxhokonxe iingqondo zabanye</li> </ul> </li> <li>• Iingcinga mazibhalwe cacileyo zibonakalise ukuqonda injongo yentetho kunye nabaphulaphuli</li> </ul>
<b>Intetho engalungiselelwanga</b>	<p>Ukwenza intetho ungakhange uqale uzilungiselele/ukuyilandelelanisa ngoko nangoko/ ukusebenzisa iindlela zokuthetha ngethutyana elingephi</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Mayibe nesakhiwo esifanelekileyo (intshayeleyo, isiqu nesiphelo)</li> <li>• Mayifanele injongo</li> <li>• Sebenzisa ithoni, ilizwi, isantya, ukunamathelisa iliso, indlela yokuma nezijekulo</li> <li>• Ulwimi nethoni mazifanele abaphulaphuli</li> <li>• Sebenzisa isigama nezakhi zolwimi ezifanelekileyo nezifezekileyo</li> <li>• Mayibe mfutshane kodwa iyifezekise injongo</li> </ul>
<b>Ukufunda okulungiselelweyo (Ukufunda ngokuvakalayo)</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukuqondwa komhlathi kuyabonakaliswa</li> <li>• Umhlathi ufundwa ngotyibiliko</li> <li>• Ukuhla nokunyuka kwelizwi makuvakale</li> <li>• Amagama makabizwe ngokucacileyo</li> <li>• Ukunqumama makusetyenziswe ngendlela eyiyo</li> <li>• Makugcinwe umdla wabaphulaphuli/abaphulaphuli mabagcinwe bekhululekile</li> <li>• Ubude besicatshulwa mabubafanele abaphulaphuli</li> </ul>
<b>Ukufunda okungalungiselelwanga (ukufunda ngokuvakalayo)</b>	<p>Ukwabelana nabanye ngetekisi azibhalele ngokwakhe okanye ebhalwe ngomnye umntu; esenzela ukonwabisa</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukuqondwa komhlathi kuyabonakaliswa</li> <li>• Umhlathi ufundwa ngotyibiliko</li> <li>• Ukuhla nokunyuka kwelizwi makuvakale</li> <li>• Amagama makabizwe ngokucacileyo</li> <li>• Ukunqumama makusetyenziswe ngendlela eyiyo</li> <li>• Makugcinwe umdla wabaphulaphuli/abaphulaphuli mabagcinwe bekhululekile</li> <li>• Uchongo lwesicatshulwa maluthathele ingqalelo abaphulaphuli</li> <li>• Ubude besicatshulwa mabufaneleke</li> </ul>

<b>IINTLOBO ZEETEKISI ZOKUPHULAPHULA NOKUTHETHA</b>	
<b>Ingxoxo-mpikiswano</b>	<p>Ukuphikisana malunga nesihloko esikhethiweyo nimele amacala amabini ohlukileyo. Le yindlela esesikweni yentetho yomlomo eqhutyelwa ibukelwe esidlangaleni.</p> <p><b>Indlela yokuqhuba ingxoxo-mpikiswano:</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Amaqela amabini ezithethi, adla ngokuba nabantu abathathu eqeleni, axoxela okanye aphikisa isindululo esibekiweyo. Ezi zindululo zibanga okanye ziphakamisa okuthile, umzekelo, 'Indebe yehlabathi ilusebenzele uqoqosho lwethu', endaweni yokuthi nje 'Indebe yehlabathi'.</li> <li>• Ukuqhuba kwengxoxo-mpikiswano kulawulwa ngusihlalo othi: <ul style="list-style-type: none"> <li>- Azise isindululo anike amagqabantshintshi ngaso</li> <li>- Wazisa isithethi ngasinye</li> <li>- Ugcina ucwangco</li> <li>- Ubamba ixesha - izithethi zisikelwa ixesha elithile</li> <li>- Ulawula ingxoxo xa isindululo sibekiwe savulwa (jonga apha ngezantsi)</li> <li>- Ulawula ukuvota (jonga apha ngezantsi)</li> </ul> </li> <li>• Usihlalo wazisa isindululo aze acele isithethi sokuqala esivumelana nesihloko (iqela elixoxela isindululo) ukuba sithethe.</li> <li>• Isithethi sokuqala esivumelana nesihloko sibeka ingxoxo yaso sixhasa isindululo.</li> <li>• Isithethi sokuqala sabo baphikisana nesihloko (abo bachasene nesindululo) sibeka ingxoxo yaso sichasa isindululo yaye sisenokugadlela (sihlasele) ingxoxo yesithethi sokuqala.</li> <li>• Isithethi sesibini esivumelana nesihloko siyibeka elubala ingxoxo yeqela laso, size neengxoxo ezintsha, size sihlasele izimvo ezibekwe sisithethi esidlulileyo.</li> <li>• Nesithethi sesibini esiphikisana nesihloko senza njalo.</li> <li>• Isindululo sivulelwa wonke umntu (abaphulaphuli) ukuba baxoxe ngaso babuze nemibuzo</li> <li>• Emva kwengxoxo kawonke-wonke iqela eliphikisayo lishwankathela kuqala. Isithethi sesithathu siphinda ingxoxo engundoqo yeqela laso size sizame ukujika iingqondo zabaphulaphuli ukuba bavote ngokuchasene nesindululo, sinika nezizathu. Esi sithethi sinokuhlasela iingxoxo ezidlulileyo.</li> <li>• Nesithethi sesithathu seqela elivumelana nesihloko senza njalo.</li> <li>• Ingxoxo inokugqitywa zize iziphumo ezifunyenwe ngeendlela ezahlukeneyo, umzekelo ngokuhlolwa kweentetho (kunikwa amanqaku) yijaji, okanye kuvotelwe isindululo.</li> </ul>
<b>Ingxoxo yababini</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Ibonisa incoko phakathi kwabantu ababini okanye nangaphezulu.</li> <li>• Ukuqala uqhube incoko</li> <li>• Ukusebenzisa imigaqo yokunikana amathuba, ugcine incoko</li> <li>• Ukusimela isigqibo osithathileyo ngokuzixhasa kwincoko</li> <li>• Ukuphulaphulana nithetha-thethane</li> <li>• Ukuvala izikhewu xa nincokola ukhuthaza lowo uncokola naye ukuba aqhube nencoko</li> <li>• Imiba ekuxoxwa ngayo mayicaciswe</li> <li>• Ukuthetha ngeembono namava akho ubonise ulwazi lwemiba enincokola ngayo</li> </ul>

<b>IINTLOBO ZEETEKISI ZOKUPHULAPHULA NOKUTHETHA</b>	
<b>Udliwano-ndlebe</b>	<p>Ukufumana ulwazi okanye uluvo lomntu okanye lwepaneli</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukusebenzisa izakhono zokubuzisa imibuzo, zokutshintsha iingqondo zabantu, ukubhala amanqaku, ukushwankathela nezijekulo ngokufanelekileyo</li> <li>• Ukucwangcisa uzilungiselele: qaphela injongo, ulwazi lwangaphambili, amagqabantshintshi, imibuzo, ixesha, indawo, ukulandelelana kwemiba nobunjani bendawo (jonga iimpawu zokubhala)</li> <li>• Ukusebenzisa iindlela zokuqhuba udliwano-ndlebe ezibekwe ngokwamabinzana: <ul style="list-style-type: none"> <li>- Intshayelelo (ukuzazisa; ukunika injongo)</li> <li>- Ukwenza umbuzwa azive ekhululekile</li> <li>- Imibuzo (buza uqala ngemibuzo ephangaleleyo usiya kuleyo ingqalileyo, imibuzo efanelekileyo; sebenzisa ulwimi lwabantu abadala, olucingelayo, oluhloniphekileyo nolubuyisela ingqondo kule nto ithethwayo; phulaphulisisa; phonononga impendulo, phendula ngokwanelisayo ukubonisa ukuba uyayazi le nto uthetha ngayo)</li> <li>- Isishwankathelo (bhala phantsi iimpendulo ngokubhala amanqaku; shwankathela; landelelanisa iimpendulo neenkukacha ezibalulekileyo)</li> <li>- Ukuvala (bulela umbuzwa; nika iinkukacha zoqhagamshelwano)</li> </ul> </li> </ul>
<b>Ingxelo (elungiselelweyo nengalungiselelwanga)</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukunika impendulo echanekileyo ngemeko ekuyiyo, umz. Ingozi, nezinye iziphumo</li> <li>• Ukubonisa isihloko, intshayelelo (ingabula zigcawu, injongo kunye namagqabantshintshi ngesihloko), isiqu (Kwenzeke ntoni? Isenziwa ngubani? Nini? Phi? Njani?), isiphelo, iingcebiso, imithombo yokwandisa ulwazi, izihlomelo</li> <li>• Ukucwangcisa: qokelela ulungise ulwazi uze unike ulwazi oluyinyani</li> <li>• Ukusebenzisa ulwimi olukhokelela kolusesikweni nolungekhosesikweni kunye nesimbo</li> <li>• Sebenzisa <ul style="list-style-type: none"> <li>- Ixesha langoku (ngaphandle kwengxelo yembali)</li> <li>- Izibizo gabalala</li> <li>- Umntu wesithathu</li> <li>- Inkcazelo eyinyani</li> <li>- Amagama namabinzana asetyenziswa kwimeko ethile</li> <li>- Ulwimi oluvumelekileyo lungabhekisi mntwini (okanye olungangqalanga)</li> </ul> </li> </ul>
<b>Ukunika izalathisi</b>	<p>Ukuxelela umntu indlela yokuya endaweni ethile</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Sebenzisa <b>izalathisi</b> xa uyalela umntu ukuze afike kwindawo aya kuyo.</li> <li>• Ukusetyenziswa kohlobo lokuyalela/isiyaleli</li> <li>• Ukusetyenziswa komntu wesibini ukumela unxibelelwano phakathi kwesithethi nomphulaphuli.</li> <li>• Qaphela oku kulandelayo xa unika izalathisi: <ul style="list-style-type: none"> <li>- Sebenzisa izivakalisi ezifutshane nezicacileyo</li> <li>- Sebenzisa izalathisi ngokokulandelana kwazo</li> <li>- <b>Khangela indawo eqaphelekayo</b></li> <li>- <b>Nika uqikelelo lomgama</b></li> <li>- <b>Nika uqikelelo lwenani lezitalato eziza kudlulwa ukuze kufikelelwe kwindawo ekuyiwa kuyo</b></li> <li>- <b>Nika ulwazi ngeempawu eziqaphelekayo ecaleni kwendlela</b></li> <li>- <b>Sebenzisa amagama abonisa indawo</b></li> <li>- Sebenzisa amagama abonisa icala ekuyiwa kulo</li> <li>- Sebenzisa amagama ukubuzisa indlela</li> <li>- Sebenzisa amagama ukubonakalisa umbulelo</li> </ul> </li> </ul>

<b>IINTLOBO ZEETEKISI ZOKUPHULAPHULA NOKUTHETHA</b>	
<b>Imiyalelo</b>	<p>Ukucacisa indlela yokusebenzisa isixhobo esithile, ukupheka ukutya, ukulungisa umonakalo, njalo njalo.</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Cacisa <b>ukusebenza</b> okanye ukusetyenziswa kwaso nasiphi na isixhobo; ukusebenzisa umatshini wokuhlamba impahla, njalo-njalo.</li> <li>• Cwangcisa ulungiselele (jonga iimpawu zokubhala) <ul style="list-style-type: none"> <li>- Ukuqonda iimeko <b>nokuba siza kuba yintoni isiphumo sokunika imiyalelo/sokubonisa</b></li> <li>- Ukucacisa <b>ukusebenza okanye ukusetyenziswa kwaso nasiphi isixhobo sokusebenza</b></li> <li>- Ukubonisa cacileyo, nachanekileyo ukulandelelana kwemiyalelo.</li> <li>- Ukusebenzisa incwadana esisikhokelo (imanyuwali), imiyalelo, nendlela zokwenza</li> <li>- Ukuthathela ingqalelo isigama, ulwimi olusetyenziswayo xa kuyalelwa ngesixhobo eso sisetenziswayo, intetho kunye namabinzana amagama anokusetyenziswa</li> </ul> </li> <li>• Ukunikezela</li> </ul>
<b>Ukunikezela ngentetho yomlomo/ingxelo yomlomo</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukunika intetho yomlomo ngeziganeko eziphuma kunomathotholo okanye kumabonakude okanye ngeziphumo zodliwano-ndlebe olwenziweyo</li> <li>• Cwangcisa ulungiselele <ul style="list-style-type: none"> <li>- Yithi gqaba gqaba malunga nokuba yintoni efuneka njengemveliso/isiphumo sentetho yomlomo</li> <li>- Qikelela isigama, ulwimi nentetho enokusetyenziswa,</li> <li>- Phanda ukufumana ulwazi oluchanekileyo kwisithethi nolwimi olufunekayo ukucacisa ulwazi</li> <li>- Nikezela; jonga oku kulandelayo: <ul style="list-style-type: none"> <li>o Uphando malube nobungqina</li> <li>o Isakhiwo setekisi masime ngolu hlobo (intshayelelo, isiqu nesiphelo)</li> <li>o Itekisi mayibe nonxulumano olucacileyo nesihloko ze iveze izimvo ezizizo zibekwe ngendlela efanelekileyo.</li> <li>o Ingxoxo okanye uluvo maluxhokonxe iingqondo zabanye</li> <li>o Iingcinga mazibhalwe cacileyo zibonakalise ukuqonda injongo yentetho kunye nabaphulaphuli; mazinikezelwe ngendlela efanelekileyo, engathathi cala, esebenzisa irejista efanele abaphulaphuli</li> <li>o Sebenzisa ulwimi olungakhethi cala (ulwimi olucacileyo nolwakhayo) ze usebenzise irejista efanele abo bantu ujllose kubo.</li> <li>o Sebenzisa intsukumo yomzimba efanelekileyo. Musa ukusebenzisa izijekulo ezibaxekileyo.</li> </ul> </li> </ul> </li> <li>• Lungiselela intetho yomlomo ngokwala manqanaba mathathu alandelayo: <ul style="list-style-type: none"> <li>- <b>Intshayelelo:</b> Bamba umdla wabaphulaphuli; phendula imibuzo enjengale Ngubani? Intoni? Phi? Nini?</li> <li>- <b>Isiqu:</b> Lungisa iingongoma eziphambili zengxelo ngokulandelelana kwazo. Sebenzisa ulwazi oluchanekileyo; xhasa ingongoma ephambili ngolwazi olufumene kuphando; sebenzisa iinkcukacha kunye nezivakalisi ezichazayo ukwenza ingxelo enomdla.</li> <li>- <b>Isiphelo:</b> Shwankathela uze udlulise eyona ngongoma ibalulekileyo. Bhala isiphelo ngokufutshane. Qukumbela uphinde ubeke ingongoma ephambili ngenye indlela. Caphula kwiingongoma eziphambili wenze olwakho uluvo ngokubhekiselele kwisihloko sengxelo</li> </ul> </li> <li>• Sebenzisa izixhobo ezibonwayo, ezinjengeepowusta okanye amacwecwe eprojekta (<i>overhead transparencies</i>) uziqhelise ukuzisebenzisa ngethuba usazilungiselela.</li> <li>• Sebenzisa amanqaku (iinowuthsi) ukwenza amagqabantshintshi ngengxelo</li> <li>• Sebenzisa amanqaku (iinowuthsi) xa unikezela ingxelo</li> </ul>

<b>IINTLOBO ZEETEKISI ZOKUPHULAPHULA NOKUTHETHA</b>	
<b>Ingxoxo yeforam/ yephaneli</b>	<p>Ukwabelana ngezimvo ezahlukeneyo okanye ulwazi oluphuma kwimithombo eyahlukeneyo Izithethi mazenze oku kulandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukuphonononga ukuthontelana kweengcinga</li> <li>• Ukuphulaphulana</li> <li>• Ukuvuma iingongoma xa kuyimfuneko</li> <li>• Ukungaziphazamisi ezinye izithethi</li> <li>• Makubekho unxibelelwano phakathi kweengongoma</li> <li>• Ingxoxo mayihlale emxholweni</li> <li>• Ukuzama ukufaka abantu kwingxoxo</li> <li>• Ukuphazamisa ngendlela efanelekileyo kwingxoxo</li> <li>• Ukubonakalisa izimvo zixhase ngezizathu</li> <li>• Isithethi ngasinye sibeka uluvo oluthile ngesihloko eso</li> <li>• Ukusetyenziswa kwamabinzana aqhelekileyo</li> <li>• Imisebenzi kasihlalo: <ul style="list-style-type: none"> <li>- Ukugcina ucwangco</li> <li>- Ukugcina ixesha</li> <li>- Ujonga ukuba kulandelwa i-ajenda</li> <li>- Ukhuthaza ukuthathwa kwenxaxheba</li> <li>- Akathathi cala</li> <li>- Ubiza iziphakamiso okanye abanike ithuba lokuvota</li> </ul> </li> </ul>
<b>Ukulinganisa</b>	<p>Abafundi banikwa imeko, edla ngokuba yingxaki okanye isehlo, ekufuneka bejongene naso ngokudlala indima ethile. Ukwenziwa kwalo mdlalo kunokuba kungalungiselelwanga, okanye umfundi aziswe kancinci ngaloo ndawo aza kuyidlala. Indlela yokuhlola apha yevulelekileyo yaye ixhomekeke kumntu ngamnye.</p>
<b>Ingxoxo engalungiselelwanga/ incoko</b>	<p>Ukwabelana ngezimvo, iingcinga neembono namaqela azimelelo</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukuqala uze uhlale encokweni</li> <li>• Ukusebenzisa imigaqo yokunikana amathuba</li> <li>• Ukusimela isigqibo osithathileyo</li> <li>• Ukuthetha-thethana</li> <li>• Ukungenelela encokweni ngenjongo yokukhuthaza isithethi</li> <li>• Ukwabelana ngeengcinga namava nibonakalisa ingqiqo</li> </ul>
<b>Ukwaziswa kwesithethi</b>	<p>Ukunika abaphulaphuli ulwazi malunga nesithethi/undwendwe</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukufumana iinkcukacha ezifanelekileyo kwisithethi</li> <li>• Ukusebenzisa ulwimi olusesikweni</li> <li>• Ukudala umdla nomnqweno kubaphulaphuli, umzekelo, ngokuxelela abaphulaphuli malunga neenkukacha zaso ezifanelekileyo neempumelelo zaso</li> <li>• Ukwakha umnqweno ngokuthi, umzekelo, umana unqumama umana uguqula ilizwi</li> <li>• Gqibezela ngodlwabevu nangokuzithemba</li> </ul>
<b>Ilizwi lombulelo</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukubulela isithethi emva kokwenza intetho kubaphulaphuli</li> <li>• Sebenzisa ulwimi olusesikweni</li> <li>• Siphulaphule ngenyameko isithethi, ukwenzela ukuthi gqaba gqaba ngemiba ebalulekileyo kwintetho yaso</li> <li>• Thetha ngemiba ebalulekileyo kwintetho yaso</li> <li>• Gqibezela ngodlwabevu nangokuzithemba</li> </ul>

## Ubude obucetywayo beetekisi eziza kuveliselwa intetho yomlomo

IITEKISI	UBUDE IBANGA 7 - 9
Iincoko, iingxoxo-mpikiswano, iingxoxo zeforam/zeqela/ zephaneli	Imizuzu eli-15 - 20
Ingxoxo yababini	Imizuzu emi-4 - 6
Izalathisi nemiyalelo	Imizuzu emi-2 - 4
Udliwano-ndlebe	Imizuzu esi-8 - 10
Ukufunda okulungiselelweyo	Imizuzu emi-2 - 3
Intetho elungiselelweyo, ingxelo, irivyu	Imizuzu emi-2 - 3
Intetho engalungiselelwanga	Imizuzu emi-2 - 3
Ukubalisa ibali	Imizuzu emi-5 - 7
Intlanganiso nemigaqo	Imizuzu esi-8 - 10

## Intetho ezisetyenziswayo kwincoko - Uluhlu olubonisayo

<p><b>UKUCELA IMVUME/UKWENZA IZICELO</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ndinga..... ?</li> <li>• Kungenzeka ukuba ndi..... ?</li> <li>• Ingaba kulungile ukuba..... ?</li> <li>• Kungakuhle ukuba..... ?</li> <li>• Ungakhathazeka ukuba ndinga..... ?</li> <li>• Ndicela undivumele ndi.....</li> <li>• Ungavuma uku..... ?</li> </ul>	<p><b>UKUPHAZAMISA</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ndicela uxolo, ndinga..... ?</li> <li>• Uxolo, ndinga..... ?</li> <li>• Uxolo, uyazi ukuba..... ?</li> <li>• Ndicela uxolo ngokukuphazamisa, ungandanceda? (esesikweni).</li> </ul>
<p><b>UKUNIKA UNCEDO</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ndingakunceda?</li> <li>• Kukho into oyikhangelayo?</li> <li>• Ingaba ufuna uncedo kusini na?</li> <li>• Ungathanda ukuncediswa?</li> <li>• Ndingakwenzela ntoni namhlanje?</li> </ul>	<p><b>UKUFUNA UNCEDO</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ndingancedisa nge..... ?</li> <li>• Ungandanceda ukuba ndi..... ?</li> <li>• Ndifuna uncedo.....</li> <li>• Nceda undincedise..... (esesikweni).</li> <li>• Nceda undincedise nge.....</li> </ul>
<p><b>UKUXOLISA</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Uxolo.</li> <li>• Ndicela uxolo ngoku.....</li> <li>• Ndiyaxolisa.....</li> <li>• Ndicela undixolele ngoku.....</li> <li>• Ndiyaxolisa ngoku.....</li> <li>• Ndicela uxolo.</li> <li>• Ndixolele.</li> <li>• Ndicela undixolele.</li> </ul>	<p><b>UKUKHALAZA</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ndicela uxolo ngokuthetha oku kodwa.....</li> <li>• Ndicela uxolo ngokukuphazamisa, kodwa.....</li> <li>• Mhlawumbi ulibele uku.....</li> <li>• Ndinga unokuba ulibele uku.....</li> <li>• Ndicela uxolo bekungafanelekanga ukuba nditsho, kodwa.....</li> <li>• Ndinga ukuba asiqondananga ngokuba.....</li> <li>• Ungandivi kakubi, kodwa.....</li> </ul>

<p><b>UKUNIKA INGCEBISO</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Andiqondi ukuba kufanele ukuba u.....</li> <li>• Kufanele ukuba u.....</li> <li>• Akufanelekanga ukuba u.....</li> <li>• Ukuba bendinguwe, bendinga.....</li> <li>• Ukuba bendikule ndawo ukuyo, bendinga.....</li> <li>• Ukuba bendisezihlangwini zakho, bendinga.....</li> <li>• Kungangcono ukuba u.....</li> <li>• Akufanelekanga ukuba u.....</li> <li>• Nokuba wenzani, musa uku.....</li> </ul>	<p><b>UKUXELA OKUTHANDAYO</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ndingathanda ukuba u.....</li> <li>• Kungangcono ndi.....</li> <li>• Kutheni singa..... ?</li> <li>• Ngoko ke, ndingathanda..... Ucinga ntoni?</li> <li>• Ucinga ukuba sifanele senze ntoni?</li> <li>• Ukuba bekuya ngokwam bendinga.....</li> <li>• Ndingcinga ukuba kufanele ukuba si.....</li> </ul>
<p><b>UKUQIKELELA, UKUZIGQIBELA NGENTO</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ndingathi sele eza kulungela uku.....</li> <li>• Ingafuna i.....</li> <li>• Ingangu.....</li> <li>• Ibonakala ngokungathi.....</li> <li>• Mhlawumbi ufuna.....</li> <li>• Mhlawumbi bafuna.....</li> <li>• Kunzima ukutsho, kodwa ndingathi.....</li> <li>• Andiqinisekanga ncam, kodwa ndicinga ukuba.....</li> </ul>	<p><b>UKUNIKA INGCOMBOLO YOLWAZI ENGACACANGA</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Zimalunga.....</li> <li>• Ziqikeleleka ukuba zimalunga.....</li> <li>• Zininzi kakhulu ii..... Kuqikeleleka ukuya kutsho kwezi.....</li> <li>• Ithande ukufana ne.....</li> <li>• Ludidi lwe.....</li> <li>• Zithande ukufana.....</li> <li>• Kunzima ukutsho, kodwa ndingaqikelela ndithi.....</li> <li>• Andiqinisekanga ncam, kodwa ndicinga ukuba.....</li> </ul>
<p><b>UKUVALELISA</b></p> <p><b>Ihambo ezinde, iiholide, iihambo ezimfutshane</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Uhambe kakuhle.</li> <li>• Uyonwabele iholide yakho.</li> <li>• Uzonwabele iiholide zakho.</li> <li>• Wonwabe!</li> <li>• Ube nexesha elimnandi e (indawo efana nendawo yokutyela)</li> <li>• Ube nexesha elimnandi e (igama ledolophu)</li> </ul> <p><b>UKUBULISA EMVA KOHAMBO</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ibinjani iholide yakho..... ?</li> <li>• Ubulonwabele ixesha lakho e (kuloo ndawo) ?</li> <li>• Belunjani uhambo lwakho?</li> </ul>	<p><b>UKUZIPHONONONGA</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Oku kusebenze kakuhle kakhulu kuba.....</li> <li>• Ndikwenze kakuhle oku kuba.....</li> <li>• Bekuya kuba ngcono ukuba bendi.....</li> <li>• Oku kungaphucuka ngoku.....</li> <li>• Ikhona inkqubela phambili kuba.....</li> <li>• Oku kuyaphumelela kuba.....</li> </ul>

**3.1.2 Ukufunda nokubukela**

Izakhono eziphuhlisekileyo **zokufunda nokubukela** ngundoqo ekufundeni kuzo zonke izifundo. Abafundi bakhulisa ukufunda nokubukela ngokuqiniseka uluhlu olubanzi lweetekisi zoncwadi nezingezizo ezoncwadi, kuquka neetekisi ezibonwayo. Abafundi baqaphela indlela uhlobo lwetekisi kunye nolwimi ezithi zibonise ngayo injongo, abaphulaphuli kunye nomxholo weetekisi. Abafundi bayaqqa bacinge nzulu ngokuthi bafunde eklasini naxa befunda ngokuzimeleyo.

Ukufunda/ukubukela kudibanisa imiba emibini: 1) ukufunda nokusebenzisa iindlela zokucazulula nokuqonda itekisi 2) ukufunda nokusebenzisa ulwazi lweempawu zetekisi. Yomibini le miba kufuneka ibe khona kumyalelo wokufunda/ wokubukela iitekisi zoncwadi nezingezizo ezoncwadi.

Umxholo wokufunda/wokubukela ulungelelaniswe:

- 1) ekufundeleni ukuqonda
- 2) ekufundeleni ukufunda okusesikweni (uncwadi olumiselweyo) kunye
- 3) nokuzifundela uwedwa okwandisiweyo.

### **Inkqubo nobuchule bokufunda**

Umyalelo wokufunda unokubandakanya amanqanaba amathathu awandisa ukuqondisisa itekisi. La manqanaba ale nkqubo akayi kusetyenziswa ngalo lonke ixesha kufundwa. Umzekelo, xa abafundi befunda udidi lwetekisi okanye loncwadi olungaqhelekanga kubo okanye abaqalayo ukudibana nalo kuya kufuneka benze umsebenzi **waphambi kokufunda** obabonisa iimpawu eziphambili zolu hlobo lwetekisi, loo nto ibancedisa ekunxulumaniseni oko kubhaliweyo kwitekisi namava abo. Imisebenzi **yangexesha lokufunda** ixhobisa abafundi ukuba bakwazi ukuhlalutya isakhiwo sayo kunye neempawu zolwimi ngokunzulu. **Umsebenzi wasemva kokufunda** usenokhuthaza abafundi ukuba babhale ngokwabo udidi loncwadi ngetekisi ebhaliweyo abaziyilele ngokwabo.

- Inkqubo yaphambi kokufunda
- Inkqubo yangeli xesha ufundayo
- Inkqubo yasemva kokufunda

### **Inkqubo yaphambi kokufunda**

Abafundi bangalungiselelwa ukufunda itekisi ngeendlela ezininzi kuxhomekekwe kuhlobo lwetekisi kunye nomgangatho wokuqqa womfundi. Ivuselela unxulumano nolwazi lwangaphambili.

- Abafundi bakhuthazwa ukuba baxoxe ngabakulindeleyo kwitekisi ngokubhekiselele kulwazi oluhambisana nemifanekiso okanye iifoto, uhlobo lwetekisi, uyilo, iphepha elibhalwe isihloko nombhali wencwadi, isiqulatho, izahluko, uluhlu lweenkcazelo magama olusetyenzisiweyo, isalathiso sencwadi, isihlomelo, iingcaciso eziba sekupheleni kwephepha.
- Ukufunda ngokukhawuleza nangokukrwaqula iimpawu zetekisi, umz: isihloko setekisi, izahluko, izahlukwana, iinkcukacha zezinto ezibonakalayo nemizobo, umz. Ifonti nokudwelisa ngamanani, isalathiso, imizobo, itshathi, ingcaciso yemifanekiso, imibhalo ebhalwe ngqindilili, imibhalo ekekeleyo, izihloko, izihlokwana, nezinye iimpawu ezifumaneka kwitekisi ngokwahlukana, iimephu, iimenyu ezivela zisehla wakuzicofa ekhompuyutheni, ukukhangela ngegama elingundoqo (ekhompuyutheni) njalo njalo.
- Ukukrwaqula nokubalekisa amehlo ukhangela iindawo ezithile zencwadi, umz. Isihloko, isalathiso, izahluko, uluhlu lwamagama, i-indeksi, isihlomelo, iingcaciso eziba sekupheleni kwephepha
- Ukufunda ngokukrwaqula ingcinga ephambili, nokunika izimvo zakho kwingxoxo yaphambi kokufunda
- Ukufunda ngokukhawuleza ukufumana izimvo ezixhasa uluvo oluphambili.
- Ukuqikelela usebenzisa iinkcukacha ozifumene ngethuba ufunda ngokukhawuleza



**Inkqubo yangeli xesha ufundayo**

- Ukuqikelela intsingiselo yamagama angaqhelekanga nemifanekiso ngokusebenzisa izakhono zokufunda amagama amatsha nomxholo
- Ukuphinda ufunde kwakhona/ukuphonononga
- Ukuzoba umfanekiso ngqondweni
- Ukuqonda intsingiselo (uzalwano, umxholo, ulwakiwo lwamagama, njl-njl.)
- Ukubuza nokuphendula imibuzo
- Ukuthatha amanqaku (ingcinga ephambili kunye neengcinga ezixhasayo)
- Ukushwankathela ingcinga ephambili neengcinga ezixhasayo ngokwamanqaku/ngokomhlathi ngokobude obulindelekileyo.
- Ukucacisa umcimbi ekufundwa ngawo
- Ukwenza ingqikelelo ngokubhaliweyo
- Ukuchaza/ukuphonononga iingqikelelo zombhali nokubeka izigqibo malunga netekisi

**Inkqubo yasemva kokufunda**

- Ukuphendula imibuzo emalunga netekisi ukususela kwelula ukuya kwenzima
- Ukubeka izigqibo/izimvo zakho malunga netekisi
- Ukuphonononga/ukuxoxa ngeendlela ezahlukeneyo evakala ngazo itekisi
- Ukuthelekisa nokuchasanisa
- Ukuphicotha/ukubhala isishwankathelo
- Ukusebenzisa itekisa ukufunda ulwimi nesigama, umz. Ukubhala itekisi ngokutsha usebenzisa elinye ixesha, njengexesha elizayo
- Ukuzakhela olwakhe uhlobo loncwadi (apho kunokwenzeka)
- Ulwazi olunzulu lolwimi:
  - Ukwahlula phakathi kolwazi oluyinyani noluvo
  - Intsingiselo ngqo nebekwe ngokumayana
  - Intsingiselo eyiyo necingelwayo
  - Ulwazi oluthile lwezentlalo nopolitiko kunye nezenkcubeko olumalunga neetekisi kunye nombhali
  - Ifuthe lokukhethwa nokushiywa kokuthile kwintsingiselo
  - Unxulumano phakathi kolwimi namagunya

- Ulwimi olunovakalelo nolulukuhlayo, olunomkhethe, olubonisa ukuthanda icala elithile, olunocalu-calulo, olusekelwe kwizimvo ezibethelelekileyo, iilwimi zengingqi, iingqikelelo, iingxoxo, injongo yokufaka okanye ukungafaki ulwazi oluthile
- Ukwenza iitekisi ezintsha, oko kuthi, ukutshintsha isincoko esibalisayo sibe ngumdlalo, ingxoxo; sebenzisa itekisi ukufunda ulwimi nesigama, umz: ukubhala ngokutsha usebenzisa elinye ixesha.

#### **Ukufumana intsingiselo kwiitekisi ezibonwayo** (uluhlu lweetekisi eziyimizobo nezibonwayo):

Abafundi abaninzi bafumana ulwazi ngokuphanda kwiintanethi endaweni yencwadi. Ilitherasi yokubonwayo yinkalo ebalulekileyo yesifundo, yaye ikhompuyutha ngumthombo otyebileyo wolwazi. Qwalasela indlela ebaluleke ngayo indlela ekubhalwa ngayo (olumi ngayo ulwazi) kwiwebhusayithi ezithandwayo; indlela abafaki bezibhengezo abawutsala ngayo umdla; indlela ukuhamba-hamba nombala ezidlala ngayo indima ephambili ekukulukuhleleni ukuba uye kwezinye iwebhusayithi.

- Izakhono zokucenga: ulwimi oluchukumisayo, olucengayo, oluthambekele bucala/oluqhathayo
- Indlela ulwimi nemifanekiso eziveza zithundeze ngayo izithethe neendlela zokucinga, imifanekiso nolwimi olunocalu-calulo ngokwesini, ngokobuhlanga, ngokobudala okanye oluxhomekeke ekuhlutshezweni ziingcinga ezingeyonyani kodwa esele zibethelelekile ezingqondweni ngakumbi kwizibhengezo
- Ifuthe lokusetyenziswa kweendidi zeefonti nobungakani bazo, izihloko nengcaciso yemifanekiso.
- Ukuhlalutya, ukufumana intsingiselo nokuphendla uluhlu lweekhathuni/izicwili ezihlekisayo.

#### **Imisebenzi yokufunda nohlobo lomfundi olindelekileyo**

##### **Ukufunda okulungiselelweyo (Ukufunda ngokuvakalayo)**

- Ukusetyenziswa kwethoni, ukunyuka nokuhla kwelizwi, isantya, ukujonga abaphulaphuli, indlela yokuma nezijekulo/iintshukumo zomzimba
- Ukubiza amagama ngendlela engayitshintshiyo intsingiselo

##### **Ukufunda okungalungiselelwanga (ukufunda ngokuvakalayo)**

- Ukufunda ngokutyibilika ngokwenjongo enikiweyo
- Ukubiza amagama ngendlela engatshintshi ntsingiselo
- Ukusetyenziswa kwethoni, ukunyuka nokuhla kwelizwi, isantya, ukujonga abaphulaphuli, indlela yokuma nezijekulo/iintshukumo zomzimba

**Ukufundela ukuqonda**

- Ukufunda itekisi ngocoselelo nangokunzulu (ukufundela ukuqonda)
- Ukuqonda itekisi ngokupheleleyo - iimpawu zetekisi - izihloko zeetekisi, imizobo, iigrafu, iitshathi, imizobo, izihloko ezingaphakathi, izihlokwana, ukulandelelana ngokwamanani, iingcaciso zemifanekiso, izihloko eziphambili, isakhiwo, umzekelo, iikholam zamaphephandaba, njalo njalo
- Ukubonisa ukufunda ngokuzimeleyo (ukufunda gabalala ufundela ukuzonwabisa, ulwazi nokufunda kwasesikolweni (*learning*))
- Ulwazi olunzulu lolwimi (ukwazi ngentsingiselo ecacileyo nefihlakeleyo yamagama nokuba ineentsingiselo nemiyalezo efihlakeleyo, umzekelo, izimvo ezibethelekileyo kodwa ezingeyonyani, umdla neenjongo ezithambekele ecaleni zesithethi)

**UKUFUNDA NGOKUNZULU****a) Ukufunda ngokunzulu iitekisi ezimfutshane ezibhaliweyo usenzela UKUQONDA kwizinga legama**

**Abafundi basebenzisa iindidi ngeendidi zeendlela zokucazulula iitekisi. Bakha isigama ngokusebenzisa amagama athile nokufundisa ngawo.**

- Ukusebenzisa izichazi-magama, iithesarasi neminye imithombo yokwandisa ulwazi ukuqaphela intsingiselo, upelo nokuphinyiselwa (ukubizwa) kwamagama nesigaba sentetho zamagama angaqhelekanga.
- Ukuchonga intsingiselo yezimaphambili nezimamva.
- Ukuqaphela intsingiselo yamagama neempawu eziwafaka kumaqela athile amagama usebenzisa ulwazi lweengcambu, izimamva nezimaphambili eziqhelekileyo.
- Ukusebenzisa umxholo wetekisi (umzekelo, iintsingiselo zezivakalisi), iimpawu zokubhala (umzekelo, iziphumlisi, iimpawu zocaphulo) iimpawu zokubhala ezibhalwe ekhompuyutheni (umzekelo, ukubhala ngqindilili) ukukhangela intsingiselo yamagama angaqhelekanga.
- Ukuqaphela usingiselo nokusetyenziswa kwezaci namaqhalo.
- Ukwahlula phakathi kwentsingiselo ecingelwayo nentsingiselo ecacileyo yentsusa.
- Ukuchonga imvelaphi yamagama nokusetyenziswa kwamagama amatsha umz iziyelelane, isitsotsi, amagama emboleko.
- Ukwahlula phakathi kwamagama ekulula ukuwabhidanisa: Oomabizwahluke, oomabizwafane, izithethantonye.
- Ukuqaphela uluhlu olubanzi lwezishunqulelo, umz iiakhronimi (amagama akhiwe ngoonobumba bokuqala bamanye amagama), oonobumba bokuqala bamagama abantu (*initials*)
- Ukusebenzisa ulwazi lwegrama ukucazulula intsingiselo. Jonga izakhiwo zolwimi - Uluhlu olubonisayo ngasezantsi.

**b) Ukufunda ngokunzulu iitekisi ezimfutshane usenzela UKUQONDA kwizinga lesivakalisi nelomhlathi**

**Abafundi basebenzisa ulwazi abanalo lolwimi ukuqonda isakhiwo sesivakalisi nokucwangciswa kweetekisi. Ukufunda itekisi kweli zinga kunika ithuba lokufundisa izakhi zolwimi ngokuhlangeneyo.**

- Ukuchonga, ukucacisa nokuhlalutya intsingiselo nemisebenzi yezakhi zolwimi nemigaqo kwiitekisi. Jonga Izakhi zolwimi - Uluhlu olubonisayo ngasezantsi.
- Ukuchonga isakhiwo seetekisi ezisetyenziswa kwiinjongo ezahlukeneyo (umzekelo, ingcaciso, inkcazelo, unobangela nefuthe) kwikharithulam xa iyonke ngokunxulumene namagama aguqu-guqukayo/ izibandakanyi, umz. Kwelinye icala, okokuqala, kuba). Jonga ekubhaleni/ekunikezeleni ngeendidi zetekisi ezifanelekileyo.

**c) Ukufunda ngokunzulu iitekisi ezimfutshane ezibhaliweyo usenzela UKUQONDA kwizinga letekisi epheleleyo**

**Abafundi basebenzisa ulwazi abanalo ngeentlobo nakufundo lwetekisi esesikweni ukwenzela ukuqonda intsingiselo, injongo nefuthe letekisi yonke.**

- Ukuzalanisa itekisi namava abo.
- Ukuchonga uhlobo lwetekisi nenjongo yayo, umzekelo, ingxoxo elukuhlayo.
- Ukuchonga nokucacisa ingcinga yombhali neenjongo.
- Ukulungelelanisa amacandelo eetekisi okanye iitekisi ezipheleleyo ukwenzela ukufikelela kwizigqibo.
- Ukufikelela esigqibeni; ukuveza nokuxhasa uluvo lwakho

**d) Ukufunda ngokunzulu iitekisi ezimfutshane usenzela UKUSHWANKATHELA NOKUTHABATHA AMANQAKU.**

**Abafundi basebenzisa ulwazi abanalo ngeempawu zetekisi ukushwankathela itekisi. Jonga ezi ndlela zokufunda zingasentla.**

- Ukukrwaqula nokubalekisa amehlo kwiingongoma eziphambili nomxholo.
- Ukuhluzza iingongoma eziphambili kwiinkcukacha ezizixhasayo.
- Ukubhala iingongoma eziphambili ngamazwi akho.
- Ukulandelelanisa izivakalisi nokusebenzisa izibandakanyi neziqhagamshelanisi ukuzidibanisa zenze itekisi

**e) Ukufunda ngokunzulu kwiitekisi ezimfutshane usenzela ULWAZI OLUNZULU LOLWIMI.**

**Abafundi basebenzisa ulwazi abanalo ngendlela ulwimi olunokudala lumilisele ngayo ulwalamano phakathi komvelisi wetekisi nomfundi. Bahlalutya uluvo oluthile oluvela kwitekisi ebhaliweyo.**

- Ukuchonga nokuxoxa/ukuphonononga ulwimi oluchukumisayo noluqhathayo.
- Ukuchonga, nokuxoxa/ukuphonononga ulwimi olucalanye, oludlelelayo noluqulathe iingcinga ezibethelekileyo.

- Ukuchonga, nokuxoxa/ukuphonononga iingqikelelo nokucacisa ifuthe lazo.
  - Ukuchonga nokuxoxa ngentsingiselo ecingelwayo nokuzigqibela.
  - Ukuchonga nokuxoxa ngentsingiselo ecacileyo nefihlakeleyo
  - Ukucebisa ngenjongo yokuqkwa nokwahlulwa kolwazi
  - Ukuqaphela uluvo lombhali/lomvelisi
- f) Ukufunda ngokunzulu IITEKISI EZINEEMO EZININZI KUNYE NEETEKISI EZIBONWAYO (Iitekisi ezineemo ezininzi zisebenzisa imathiriyeli ebonwayo nebhaliweyo kwitekisi nganye, umzekelo, izibhengezo, iikhathuni. Oku kungadityaniswa nolwimi oluthethwayo nezijekulo).

Abafundi basebenzisa ulwazi abanalo ngemifanekiso nezibonwayo ukuqonda indlela ezincedisa ngayo ekubhaleni iitekisi zemalithimidiya. Abafundi basebenzisa ulwazi olunzulu lolwimi lweefilim ukuqonda nokuqwalasela izinto zetekisi ezibonwayo nefuthe lazo.

- Ukuchonga nokuxoxa ngendlela izinto ezibonwayo ezihlanganiswe ngayo kwitekisi ebhaliweyo kwiitekisi zemalithimidiya, umzekelo, inkangeleko, imifanekiso, ingcombolo yolwazi.
- Ukuchonga nokuxoxa ngenjongo nomyalezo kwiitekisi ezibonwayo ukhangela ulwazi, umzekelo, iigrafu, iithebhile, iidotyumentari, iitshathi, iimephu.
- Ukuchonga nokuxoxa ngomyalezo nokusebenza ngokukuko kwezinto ezibonwayo zezibhengezo nobudlelwane phakathi kwezinto ezibhaliweyo nezibonwayo.
- Ukuchonga nokuxoxa ngenjongo nomyalezo kwiitekisi ezibonwayo ezibonisa ulwalamano, umzekelo, ubungqina boyilo, imizobo, iiphayi-tshathi, iimephu, izicwangciso.
- Ukuchonga nokuxoxa ngenjongo, iimpawu zobugcisa noyilo lweetekisi ezibonwayo ezenzelwe iinjongo ezithile zoyilo, umzekelo, iifoto, ifilim, uyilo.
- Ukuchonga nokuxoxa ngenjongo nomyalezo kwiitekisi ezibonwayo kusenzelwa ukuzonwabisa nokuziyolisa, umzekelo, ifilim, iikhathuni, iividiyo zomculo, izicwili ezihlekisayo.
- Ukuchonga nokuxoxa ngomyalezo nokusebenza ngokukuko kweetekisi ezibonwayo ezixhasa ukuthetha, umzekelo, iipowusta, imizobo, idatha projektha.
- (Kufundo lokuzixhobisa lweefilim kuphela) Ukuchonga, ukuqonda, ukuhlalutya nokuphonononga ulwalamano phakathi kwesandi, intetho, isiganeko nezinto ezibonwayo kwifilim nezinye iisimo zokuviwa-kubonwa

#### **UKUFUNDA OKUSESIKWENI KWEETEKISI ZONCWADI**

**Abafundi bafunda, baphonononge baze baphendule ngeempawu zobugcisa kwitekisi yoncwadi. Basebenzisa ulwazi lwabo olunzulu ngesigama esisetyenziswa xa kuthethwa ngoncwadi ukwenzela ukuba babe nolwazi olunzulileyo ngeetekisi zoncwadi.**

**QAPHELA: Ugxininiso kufundo lwetekisi esesikweni luza kutshintsha ngokuxhomekeke kwiincwadi ezimiselayo/itekisi echongiweyo.**

- Ukuqonda iimpawu eziveleleyo zeemo ezahlukeneyo zoncwadi, umzekelo, umbongo uneempawu ezahlukeneyo kwezo zenoveli.
- Ukuchonga nokucacisa izafobe nezingantshe zokubhala ngokweetekisi ezahlukeneyo, umzekelo, isifaniso, isikweko, isihlonipho, isimntwiso, imfanozandi, izifanadumo, ubaxo/ubabazo/ugqithiso, uhasaniso, isigqebel, impoxo, ukudodobala kobushushu bovuthondaba, imiqondiso, ukudlala ngamagama.
- Ukuchonga nokuxoxa ngenjongo yombhali okanye umvelisi.
- Ukucacisa ngochongo nokusebenza kwesigama **kwisihobe** nezinto ezixhasa umxholo waso. Oku kungaquka izigaba zentetho, imifanekiso-ntelekelelo, isakhiwo nezigaba zentetho ezixhomekeke kwisandi, umz. Isingqi, isingqisho, imfano-zandi.
- Ukucacisa ngochongo nokusebenza kwesigama **kwidrama** nendlela esiwuxhasa ngayo umxholo. Ukongeza kwizigaba zentetho nemifanekiso-ntelekelelo, kungaqukwa isakhiwo esihambelana nomxholo, uvuthondaba, ukuzotywa kwabalinganiswa, izalathisi zeqonga, isigqebel, isimo-sentlalo.
- Ukucacisa ngochongo nokusebenza kwesigama **kumabali amafutshane/kwiinoveli/kwiifilim** nezinto ezixhasa umxholo waso. Ukongeza kwizigaba zentetho nemifanekiso-ntelekelelo, fakela indima kanobalisa, izakhiwo, umzekelo, isakhiwo, ingabula-zigawu, ukukhula kwempixano, impixano, uvuthondaba, ukuhla kovuthondaba, utyhilo-ndaba/isisombululo, isimo sentlalo.

**UKUFUNDA/UKUBUKELA NGOKUZIMELEYO OKONGEZELELWEYO**

**Abafundi basebenzisa iindlela ebezisenziwa ngexesha befunda ngokunzulu nezikwitekisi esesikweni efundwayo elungiselelwe ukufunda ngokuzimeleyo ngenjongo yokuzonwabisa nokuphanda. Kubalulekile kakhulu ukuba utitshala abancedise abafundi koku kulandelayo ngasezantsi:**

- Ukufikelela kwithala leencwadi nokwazi ngemigaqo yokugcina iincwadi.
- Ukunika ubungqina bokufunda/bokubukela okongezelelweyo kwiintetho, kwiingxoxo nakwiirivyu zencwadi/zefilim/zenkqubo.
- Ukufunda/ukubukela uluhlu olubanzi lwetekisi ezipheleleyo, umzekelo, iincwadi, iimagazini, amaphephandaba, iwebhusayithi, iifilim, iidotyumentari, amabali aqhubekayo kamabonakude ngexesha leklasi nasemva kwexesha leklasi.

**Imizekelo yeendidi zemibuzo**

Imibuzo engolwazi	<i>Kwenzeka ntoni emva koko..... ? Xela igama..... Chaza okwenzekayo..... Ngubani othethe no..... ? Ithini intsingiselo..... ?</i>
Imibuzo yokuvavanya ukuqonda	<i>Ngubani umlinganiswa ophambili..... ? Nika umzekelo..... Cacisa oko ngawakho amazwi.....</i>
Imibuzo engokusebenzi-sa ulwazi	<i>Ukhona omnye umzekelo ongacinga ngawo apho..... ? Uyakhumbula ukuba besikhangela izihlonipho - ungasicacisa njani isihlonipho ezikulo mqolo?</i>
Imibuzo yokuhlalutya	<i>Oku kufana njani..... ? Oku kwahluke njani..... ? Nguwuphi umxholo ongundoqo apha..... ? Ucinga ntoni..... ?</i>
Imibuzo yoluphicotha	<i>Kuninzi esikufundileyo malunga nomlinganiswa oyintloko - khawukudibanise ucacise lo mlinganiswa. Ngumntu onjani?</i>
Imibuzo yokuphonononga	<i>Kuluncedo kanjani..... ? Ikhona enye indlela engcono..... ? Uthanda eyiphi imibongo kule mibini? Kuba kutheni?</i>

**Ukukhetha uhlobo lwetekisi okanye loncwadi**

Ootitshala kufuneka baqiniseke ukuba abafundi bafunda uluhlu lweetekisi neentlobo zoncwadi apha enyakeni. Kufuneka kubekho uhambelwano phakathi kweetekisi ezimfutshane nezinde naphakathi kokufundela iinjongo ezahlukeneyo, umzekelo, ukufundela ukuxabisa (ukufunda itekisi ngokusesikweni xa kufundwa uncwadi) iitekisi ezisasazwa ngokubanzi kumajelo osasazo, iitekisi ezibonwayo ezilungiselelwe ukonwatyelwa (Jonga “itekisi ezityenziswayo ekufundiseni izakhono ezidityanisiweyo zolwimi”).

<b>IINTLOBO ZEETEKISI EZIFUNDWAYO</b>	
<b>Isihobe</b>	<p>Mibini imibuzo afanele ukuzibuza yona umfundi xa efunda isihobe: Kuthethwa ngantoni? Ndazi kanjani? Umbuzo wesibini wongeza kulo wokuqala, owokuqala ukuxhobisa ngokuza kuvezwa ngowesibini. Bonke ababhali boncwadi babhala kuba benento yokuthetha - into enomtsalane nebalulekileyo kwelo qela labantu balibhalelayo. Itekisi siyifundela ukuxhasa, ukucacisa, ukutyhila oko umbhali akuthethayo kuthi. Lo msebenzi uquka ukujonga ukusetyenziswa kolwimi, ukwakhiwa kwezivakalisi, iivesi nemibongo ngokubanzi, ukukhethwa kwemifanekiso, isingqisho, isandi; seemvakalelo ezivuselelwa yiloo mifanekiso-ngqondweni. Konke oku ziinzame zokufikelela kwisigqibo esibalulekileyo esibonisa ukuba imbongi ifuna ukuthini. Kunqabile ukuba kubekho isigqibo ekufundweni kombongo osemgangathweni.</p> <p>Ezi zinto zidweliswe apha ngezantsi ziza kukwenza ukuba uwazi umyalezo:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Intsingiselo ecacileyo</li> <li>• Intsingiselo efihlakeleyo</li> <li>• Isimo</li> <li>• Umongo nomyalezo</li> <li>• Imifanekiso-ngqondweni</li> <li>• Izafobe, imifanekiso-ntelekelelo, uchongo lwamagama, uhlalutyo, ithoni, imibuzo-buciko, uvakalelo, imiqolo, isigama, izitanza, isingqisho, iimpawu zokubhala, uphinda-phindo, imfanozandi, ienjambamenti</li> </ul>

<b>IINTLOBO ZEETEKISI EZIFUNDWAYO</b>	
<b>Idrama/umdlalo</b>	<p>Idrama ayingomagama nolwimi nje kuphela: yintshukumo, ilizwi, ukukhanya nobumnyama, intsebenziswano nentetho, ukwenziwa komdlalo eqongeni. Indlela oqhubeka ngayo umdlalo ibalulekile, indlela abadlali abadlala ngayo, benza ntoni? Abathethi nini? Inkangeleko yobuso iyitshintsha njani intsingiselo yomqolo? - konke oku kuyalahleka xa umdlalo uwufunda njengenoveli. Noxa kunjalo akulunganga ukubonisa ividiyo yomdlalo ungekayifundisi/abafundi bengakayifundi ngokupheleleyo, bayixoxe ze bayidlale eklasini. Ngaphandle koko ividiyo ingawona (ingawonakalisa) umdlalo, kuncinci okuthi konakalise indlela eqondwa ngayo intsingiselo.</p> <p>Ingqikelelo idlala indima enkulu ekufundweni komdlalo. Ukuba nombono wokuba abadlali banjani, imiqolo mingaphi, isithethi sithetha into eyiyo na, zezona zinto zidlala indima enkulu ekusebenzeni ngedrama eklasini. Isakhiwo nezakhiwana, iindima yabalinganiswa, ukubunjwa kwabo, isimo sentlalo nengabula-zigcawu (kuphela apho iya kuba yimfuneko ukuze uqondwe umdlalo), isantya, ukusetyenziswa kwemiqondiso nemifanekiso-ngqondweni, ubuchule bedrama obufana nokuthetha yedwa komlinganiswa; isigqebelo sedrama, izalathisi zaseqongeni, isihlekiso, ulunqa/ukuxhalaba (<i>tension</i>) intlekele okanye impoxo, zonke izithako zohlalutyo zibalulekile ukuba zifundwe xa kuhlalutya idrama.</p> <p>Oku kulandelayo kukhulisa ulwazi lwabafundi malunga netekisi:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Isakhiwo nesakhiwana (intshayelelo, ukukhula kwempixano, ungqzulwano, uvuthondaba, ukuhla kwempixano/ukusombuluka kwezinto nesiphelo, uphuphelo (<i>foreshadowing</i>) nosingiselo kwisiganeko esiqithileyo (<i>flashback</i>)</li> <li>• Ukuzotywa/ukubunjwa kwabalinganiswa</li> <li>• Indima yombalisi/unobalisa/uluvo lwakhe</li> <li>• Umongo nomyalezo</li> <li>• Imvelaphi nesimo sentlalo - ngokunxulumene nomlinganiswa nomxholo</li> <li>• Isakhiwo sedrama: Isakhiwo, isakhiwana (Intshayelelo/ingabula-zigcawu, ukukhula kwempixano, uvuthondaba)</li> <li>• Isimo nethowuni/imvakalozwi</li> <li>• Isigqebelo/isiphelo esisisothuso (<i>ironic twist/ending</i>)</li> <li>• Izalathisi zaseqongeni</li> <li>• Unxulumano phakathi kwencoko yababini/incoko yoyedwa kunye nesiganeko</li> <li>• Isigqebelo sedrama (<i>dramatic irony</i>)</li> <li>• Ixesha lokulandelelana kweziganeko (<i>timeline</i>)</li> </ul>
<b>Ufundo lwefilim (abafundi bayifundisela ukwandisa ulwazi hayi ukuhlolwa)</b>	<p>Ufundo lwefilim aluyonto inye nokufunda inoveli. Nangona ukufundwa kwefilm kunokuthatha indlela enye nokufundwa kwedrama nenoveli, 'ubuchule bomatshini wokubonisa umboniso bhanya-bhanya' (<i>cinematographic techniques</i>) obudweliswe apha ngaphantsi bufuna uqwalaselo olulodwa. 'Ukufunda' ifilim ngovakalelo nangokuchanekileyo kuxhomekeke ekubeni umbukeli uziqwalasele kangakanani na izinto ezifana nezi: ukuhlela, ukohlula Izitanza (<i>cutting</i>) ukufota (<i>camera shots</i>), indibaniso yeminye imifanekiso ukwenza umfanekiso omtsha (<i>montage</i>), umboniso (<i>mis-en-scene</i>) umculo, isinxibo, ukukhanya kunye nesandi. Ukukwazi ukufunda ifilim kwesi isigaba kukhulisa lowo uyibukelayo: kumthatha kumbeke kumgangatho ongasentla ofana nokwazi ukuba abo bathatha inxaxheba, abafana nomphathi (<i>director</i>), umhleli, benza njani ukulawula uvakalelo lwethu ngaloo nto siyibukeleyo.</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ingxoxo yababini kunye nesenzo nonxulumano kubadlali nomxholo</li> <li>• Umxholo, umxholwana, ukuzotywa kwabadlali, ungqzulwana, injongo yomdlalo, isigqebelo sedrama, isigqebelo esisisothuso nesiphelo</li> <li>• Isakhiwo somdlalo nezalathisi zeqonga</li> <li>• Umyalezo nomxholo nendlela ezithungelana ngayo kwitekisi</li> <li>• Ubuchule bomatshini wokubonisa umboniso bhanya-bhanya (<i>cinematographic techniques</i>) (obubonwayo, obuviwayo nobuviwa-bubonwa) obufana nokusetyenziswa kombala, ukubhalwa kwentetho yesithethi (<i>subtitle</i>), ukwakheka, Ingxoxo yababini, umculo, isandi, ukukhanya, ukuhlela, okuvela emfanekisweni wabadlali (<i>framing</i>), indlela yokufota, ubuchule bekhamera, ukuhambisa ikhamera, ukufotela kufutshane nokufotela kude abadlali okanye indawo ekwifilim.</li> </ul>



IINTLOBO ZEETEKISI EZIFUNDWAYO	
<b>Inoveli, amabali amafutshane, amabali emveli (lintsomi, amabali angamaqhawe, iintsomi ezingembali)</b>	<p>Amabali (inoveli, ibali elifutshane namabali emveli) afuna ukufundwa, ukuxoxwa nokonwatyelwa. Ukufunda itekisi ngokuvakalayo eklasini kunexabiso elikhulu ngakumbi xa abafundi bengakuthandi okanye besonqena ukufunda. Funda ngokukhawuleza ugcine umdla ngokulinganisa okanye ngokuthelekelela, ukujongisisa nokuxabisa. Imisebenzi elula efana nesishwankathelo esiqikelelwayo (ukushwankathela ibali ngokwale ndawo sele ifundiwe, ushwankathela umhlobo ngamagama alinani elithile; ukugcina umzobo obonwayo apho eklasini; ukuvula ifayile yabalinganiswa abaphambili) ibenza abafundi baliqonde ngokukhawuleza ibali. Emva kokuyifunda okokuqala incwadi, abafundi kufuneka bazi umahluko phakathi kokubalisa (<i>kwenzekani</i> emva koku?) nesakhiwo (<i>kutheni</i> kwenzeke oku?); ukuze bacinge ngeentsingiselo ezilindelekileyo nokuhlalutywa kwebali; bajonge indlela umbhali alusebenzise ngayo ulwimi ukuzoba abalinganiswa (ingcaciso nentetho ngqo); indlela abaphethene ngayo abalinganiswa; isimo sentlalo (ulwimi oluchazayo, ukrobiso olwenzeka kwinoveli); nokuzama ukujonga iimbono, iingcinga neendlela zokucinga ezifihlakeleyo esekwe phezu kwayo inoveli xa iyonke. Zonke iinkcubeko, noninzi lwabantu, ziphila ubomi obuzele ngamabali. Nokuba wenzani utitshala ngenoveli namabali eklasini, okubalulekileyo kukuba abafundi mabalonwabele ukuze lihlale lihleli ezingqondweni zabo.</p> <p>Oku kulandelayo kukhulisa ulwazi lwabafundi malunga ngetekisi:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Uhlobo loncwadi neendidi</li> <li>• Isakhiwo nesakhiwana (intshayelelo, ukukhula kwempixano, uvuthondaba, nesiphelo, uphuphelelo (<i>foreshadowing</i>), usingiselo kwisiganeko esigqithileyo (<i>flashback</i>))</li> <li>• Impixano</li> <li>• Abalinganiswa</li> <li>• Ukuzotywa/ukubunjwa kwabalinganiswa</li> <li>• Indima yombalisi/kanobalisa</li> <li>• Imiyalezo nemixholo</li> <li>• Imvelaphi nesimo sentlalo ngokunxulumene nomlinganiswa nomxholo</li> <li>• Ukuhlalutywa, Isimo, isigqebeliso/isiphelo esisisothuso</li> <li>• Ulunqa nezothuso</li> </ul>
<b>Ezinye iitekisi ezifundwayo</b>	lipowusta, iitshathi, iimephu, iigrafu, iikhathuni, iimagazini, amaphephandaba, iwebhusayithi, iifilim, iidotyumentari, uchunge-chunge lomdlalo kamabona-kude ngexesha lesikolo nasemva kokuphuma kwesikolo.

UBUDE BEETEKISI EZIFUNDWAYO			
ITEKISI	IBANGA LESI-7	IBANGA LESI-7	IBANGA LESI-7
<b>litekisi zokufunda ngokuvakalayo</b>	Izivakalisi ezi-5 - 6 Umhlathi om-1	Izivakalisi ezi-5 - 8 Imihlathi emi-2	Izivakalisi ezi-5 - 10 Imihlathi emi-3
<b>litekisi zokufundela ukuqonda/ ukufunda ngokunzulu</b>	Amagama angama-300-350	Amagama angama-350-400	Amagama angama-400-450
<b>Ukufunda ngokuzimeleyo</b>	Isihobe, ibali elifutshane, uncwadi lwemveli, inoveli nedrama - ngaloo ndlela ibekwe yiCAPS kunye neetekisi ezingezizo ezoncwadi	Isihobe, ibali elifutshane, uncwadi lwemveli, inoveli nedrama - ngaloo ndlela ibekwe yiCAPS kunye neetekisi ezingezizo ezoncwadi	Isihobe, ibali elifutshane, uncwadi lwemveli, inoveli nedrama - ngaloo ndlela ibekwe yiCAPS kunye neetekisi ezingezizo ezoncwadi
<b>Isishwankathelo</b>	Amagama angama-60-70 kwitekisi enamagama angama-240	Amagama angama-60-70 kwitekisi enamagama angama-250	Amagama angama-60-70 kwitekisi enamagama angama-270

**IITEKISI EZISETYENZISWAYO EKUFUNDISENI IZAKHONO EZIDITYANISIWEYO ZOLWIMI KWISIGABA ESIPHEZULU (IBANGA LESI-7 - 9)**

Ukongeza kwiitekisi zoncwadi zokufunda okusesikweni, iindidi zoncwadi eziya kufundwa ukususela kwiBanga 7 - 9 ziquka iitekisi ezibhaliweyo, ezibonwayo nezemalithimidiya ezineenjongo ngeenjongo. Ezinye iitekisi ziya kufundelwa umgangatho wokonwabeleka kwazo; ezinye iitekisi zifundwe njengemizekelo yeendidi zoncwadi nangezikhokelo (iimodeli) zokubhala.

<p><b>litekisi zoncwadi zokufunda okusesikweni. Uluhlu ekufuneka lufundwe kwisigaba esiphezulu xa sisonke</b></p> <p><b>lindidi zoncwadi ezimiselweyo</b></p> <p><b>Isihobe</b> (ibanga lesi-7 - imibongo esi-5-8) (ibanga lesi-8 - imibongo eli-8-10) (ibanga le-9 - imibongo eli-10-12)</p> <p><b>Inoveli</b> (ibanga lesi-7 - amaphepha angama-30 - 40) (ibanga lesi-8 - amaphepha angama-40 - 50) (ibanga le-9 - amaphepha angama-50 - 60)</p> <p><b>Amabali amafutshwane</b> (ibanga lesi-7 - amabali ama-4 - 5 - amaphepha ama-3 - 5 kwibali ngalinye) (ibanga lesi-8 - amabali ama-5 - 7 - amaphepha ama-3 - 5 kwibali ngalinye) (ibanga le-9 - amabali asi-7 - 10 - amaphepha ama-3 - 5 kwibali ngalinye)</p> <p>Uncwadi lwemveli (ibanga lesi-7 - amabali ama-4 - 5 - amaphepha ama-3 - 5 kwibali ngalinye) (ibanga lesi-8 - amabali ama-5 - 7 - amaphepha ama-3 - 5 kwibali ngalinye) (ibanga le-9 - amabali ama-7 - 10 - amaphepha ama-3 - 5 kwibali ngalinye)</p> <p><b>Idrama</b> (ibanga lesi-7 - Umdlalo ondima-1 - 2 - amaphepha ali-10 - 20) (ibanga lesi-8 - Umdlalo ondima-2 - 3 - amaphepha angama-20 - 30 pages) (ibanga le-9 - Umdlalo ondima-3 - 5 - amaphepha angama-30 - 50)</p> <p><b>Ezokwandisa ulwazi</b> lifilim Amabali akhethiweyo aqhubekayo kamabonakude/iidotyumentari Imidlalo yerediyo Izincoko</p>	<p><b>litekisi ezibhaliweyo zolwazi</b> Izichazi-magama Iiensayiklophidiya Izicwangciso zamaxesha Iincwadi zeminxeba Iincwadi zabafundi zokufunda / zolwimi Iithesarasi Iithayimtheyibhile Izikhokelo zeenkqubo zikamabonakude</p> <p><b>litekisi ezibhaliweyo zemidiya</b> Amanqaku eemagazini Amanqaku amaphephandaba Eziya kumhleli Izaziso Izibhengezo</p> <p><b>litekisi eziviwayo ezibhaliweyo</b> Iingxoxo zababini Iintetho Iingoma Iziqhulo</p> <p><b>litekisi ezibhaliweyo zoqhagamshelwano nonxibelelwano</b> Iileta Iidayari Izimemo Ii-imeyile Imiyalezo ebhalwayo yefowuni (ii-sms), <i>itwitter</i> Amanqaku abhaliweyo (iinowuthsi) Iingxoxo</p> <p><b>litekisi ezibhaliweyo zokuthetha nabantu kushishino</b> Iileta ezisesikweni I-Ajenda nemizuzu</p>	<p><b>litekisi zemalithimidiya/iitekisi ezibonwayo zolwazi</b> Iitshathi, iimephu Iigrafu, iithebyibhile, iiphayi-tshathi Izazobe zokucinga (imephu yengqondo), imizobo Iipowusta Iiflaya, iiphamflethi, iibrowutsha Izalathisi (<i>signs</i>) neesimboli Iidotyumentari zikamabonakude Iiwebhupheyiji, iisayithi zeintanethi, iiblogu <i>Ifacebook</i> nezinye iinethiwekhi zonxibelelwano Uboniso lwedatha eludongeni (<i>Data projection</i>) Amacwecwe eprojektha (iitransparensi)</p> <p><b>litekisi zemalithimidiya/iitekisi ezibonwayo ezenzelwa ukuxabisa</b> Iifilim Iifoto Imizobo</p> <p><b>litekisi zemalithimidiya/iitekisi ezibonwayo ezenzelwa ukwandisa ulwazi nokuzonwabisa</b> Iifilim Iinkqubo zikamabonakude Iividiyo zomculo Iikhathuni, <i>iicaricature</i> Izicwili zezihlekiso / iikhathuni Iziqhulo (ezizotyweyo) Imizobo ekroliweyo (<i>iigraffiti</i>)</p> <p><b>litekisi eziphulaphulwayo</b> Iinkqubo zerediyo Ukufundwa kweedrama Ukufundwa kweenoveli namabali amafutshane Iintetho ezirekhodiweyo</p> <p><b>Izibhengezo zerediyo, zikamabonakude, zamaphephandaba nezeemagazini</b></p>
--	--	---

### 3. 1. 3 Ukubhala nokunikezela

**Ukubhala** sisixhobo esinamandla sonxibelelwano esivumela abafundi ukuba bayile baze badlulise ulwazi neengcinga ngokundineneyo. Ukusoloko befumana ithuba lokubhala kuluhlu lwemixholo, imisebenzi nezifundo kwenza abafundi bakwazi ukunxibelelana ngokusebenzayo nangokunobugcisa. Ukubhala okwenziwa ngokwamazinga ngamazinga (kuqalwa kokulula kuye kungenwa kokunzima) kusetyenziswa izakhelo zokubhala (ngelo xesha zifuneka ngalo), kukhupha ababhali ababalaseleyo, nabanokubhala ngemiba ngemiba nabaya kukwazi ukusebenzisa izakhono zabo ukuphuhlisa nokunika iitekisi ezifanelekileyo, ezibonwayo nezemaltimidiya ezilungiselelwe uluhlu lweenjongo.

Ukubhala kubalulekile kuba kwenza abafundi bakwazi ukucinga ngegrama nopelo. Kukhuthaza abafundi ukuba bacingisise malunga nolwimi, kukhawulezisa ukuqondwa kolwimi kukwandisa ukuchaneka kokusetyenziswa kolwimi. Kwizigaba ezidlulileyo abafundi bafunde ukubhala uluhlu lweetekisi zoyilo nezolwazi, besebenzisa izakhelo zokubhala njengenxaso. Abafundi besigaba esiphezulu kulindeleke ukuba babhale iintlobo ezithile zeetekisi ngokuzimeleyo. Baya kuphinda basebenzise nenkqubo yokubhala ukwenzela ukuvelisa iitekisi ezilungelelaniswe kakuhle, ezisebenzisa igrama ngokuchanekileyo.

#### **Inkqubo neendlela zokubhala/ubuchule bokubhala**

Ukubhala ngokukuko sisakhono esifuna ukuphuhlisa sixhaswe. Nangona ukufunda kungumthombo obalulekileyo wokufakwa kolwazi engqondweni, kusetyenziswa ukubhala ukuphuhlisa isakhono sokubhala. Umyalelo wokubhala uya kuquka ukusebenza ulandela inkqubo yokubhala. Noko kunjalo, akunyanzelekanga ukuba kusetyenziswe onke amanqanaba enkqubo yokubhala ngalo lonke ixesha. Umzekelo, ukuba umfundi ubhala uhlobo lwetekisi alwaziyo, akuyi kufuneka ukuba asihlalutye kakhulu isakhiwo sayo neempawu zolwimi. Kusenokubakho amaxesha apho ootitshala kuya kufuneka bajonge kakhulu kulwakhiwo lwezivakalisi okanye ukubhalwa kwemihlathi, okanye abafundi babhale iitekisi ezingenazidrafti xa belungiselela uviwo. Inkqubo yokubhala inala manqanaba alandelayo:

- Ukucwangcisa/phambi kokubhala
- Ukuyila/Ukwenza iidrafti
- Ukuhlaziya
- Ukuhlela
- Ukulungisa iziphene
- Ukunikezela

#### **Ukucwangcisa/phambi kokubhala**

- Ukuhlalutya isakhiwo, iimpawu zolwimi nolwimi olusetyenzisiweyo kuhlobo lwetekisi olukhethiweyo
- Thatha isigqibo malunga nenjongo kunye nabaphulaphuli betekisi eza kubhalwa kunye/okanye iyilwe
- Ukugqala iimfuno zesakhiwo, indlela yokubhala, icala elithatyathwayo okanye uluvo malunga noko abhala ngako
- Ukujula izimvo usebenzisa, umzekelo, izazobe zokucinga (imephu yengqondo), izintlu zeewebhu-sigcawu, iiflowu-tshathi okanye izintlu
- Ukuphanda kwimithombo efanelekileyo, uchonge ulwazi olufanelekileyo onokulusebenzisa

**Ukuyila/Ukwenza iidrafti**

- Ukusebenzisa izimvo ezingundoqo nezixhasayo ozifumene ngoku ubucwangcisa
- Ukwenza idrafti yokuqala uthathele ingqalelo injongo, abafundi bayo, isihloko nohlobo loncwadi
- Ukuqaphela uchongo lwamagama ngokusebenzisa amagama, amabinzana neentetho ezifanelekileyo, ezichazayo nezivuselelayo ukwenza loo nto uyibhalileyo icace yaye ichaneke
- Ukubonisa uluvo lwakho ngokucacisa izithethe, iinkolelo namava
- Ukukhangela uluvo nohlobo lokubhala ngokulungiselela ulwimi nethoni eza kufanela abo baza kufunda loo nto ibhaliweyo kunye nenjongo yokubhala
- Ukufunda iidrafti ngokunzulu nokufumana izimvo zabanye (oogxa bakho baseklasini) malunga naloo nto uyibhalileyo;
- Ukubhala iinkcukacha ezichanelekileyo zaloo tekisi ifunekayo (usebenzisa ucaphulo ukuxhasa izimvo zakho)

**Ukuhlaziya, ukuhlela, ukulungisa iziphene nokunikezela ngokubhaliweyo**

- Ukusebenzisa imilinganiselo emiselweyo ukuphendla umsebenzi wakho nowabanye usenzela ukuwuphucula.
- Ukuphucula uchongo lwesigama, isakhiwo sezivakalisi nemihlathi (ukufaka ulwazi olongezelelweyo nokusebenzisa amagama afanelekielyo)
- Ukusebenzisa ulandelelana nokudityaniswa kwemihlathi
- Ukususa ubumbolombini, isigama esingongezi ntsingiselo, uphinda-phindo olungafuneki nganto, ulwimi olungafanelekanga nolwimi oluthukayo
- Ukuphonononga umxholo, indlela yokubhala nolwimi olufanelekileyo
- Ukusebenzisa iimpawu zokubhala, upelo negrama ngokuchanelekileyo nangokufanelekileyo
- Ukubhala idrafti yokugqibela equka ukuma okufanelekileyo, umzekelo izihloko neefonti
- Ukungenisa itekisi oyibhalileyo

**Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi kwinkqubo yokubhala**

Abafundi baza kufunda indlela **olusetyenziswa ngayo** ulwimi, baze bafunde ulwimi olusetyenziswa xa kuthethwa ngolwimi ('ulwimi olucacisa ulwimi'), ukwenzela ukuba bakwazi ukuphonononga iitekisi zabo nezinye ngokunzulu ngokwentsingiselo, ukufaneleka nokuchaneke. Baza kukwazi nokusebenzisa olu lwazi ukuziqhelanisa nolwimi ekwakheni intsingiselo ukususela kwinqanaba lamagama, elezivakalisi ukuya kweletekisi xa iyonke, kunye nokujonga ukuba itekisi izalana njani nomxholo wetekisi. Ngokusebenza ngoluhlu lweetekisi, abafundi bandisa ukusebenzisa kwabo isigama nokusebenzisa kwabo abakuqondayo malunga **nezakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi**.

Ulwazi lwezakhi nemigaqo yolwimi luya kwenza abafundi bakwazi ukuvelisa iitekisi ezindindeneyo nezilulilima. Izakhi zolwimi kufuneka zifundiselwe ukwakha iitekisi ngokusemholweni wokusetyenziswa kwazo. Ukusetyenziswa kwezakhi zolwimi makungaphelele ekuhlalutyeni izivakalisi ezizimeleyo. Kufuneka kucacise indlela izivakalisi

ezakhiwa ngayo izivakalisi nokwakha iitekisi ezipheleleyo ezifana namabali, izincoko, iileta neegxelo abafunda ukuzifunda nokuzibhala abafundi esikolweni.

### **Imigaqo yolwimi (Iimpawu zokubhala nopelo)**

- Ukusebenzisa izithuba, oonobumba abakhulu, iziphumlisi (iikoma), iimpawu zocaphulo, ikholoni, ukrwelelo lwamagama, ubhalo ngokukekeleyo, iqhagamshela, ubhalo ngokungqindilili, iisemikhholoni, iideshi, izimeli-nobumba, izibiyeli
- Ukusebenzisa ulwazi lweendlela nemigaqo yokupela amagama ngokukuko nangokuchanekileyo:
  - Ulwazi ngokuma nemvelaphi yamagama.
  - Ulwazi ngeengcambu, izimaphambili nezimamva.
  - Ulwazi lwamalungu amagama.
- Ukusebenzisa izichazi-magama nezixhobo zokungqinisa upelo.
- Ukusebenzisa iimo zofinyezo noshuqulelo loonobumba ngokufanele uhlobo lobhalo nabantu ababhalelwayo

### **Uchongo/ukhetho lwamagama**

- Ukusebenzisa iindidi zezenzi, zezichazi nezihlomelo ukunika inkcukacha epheleleyo kunye nenkcazelo evakalayo xa ubhala, umz, isincoko esibalisayo nesichazayo.
- Ukusebenzisa izithethantonye, izichasi, oomabizwafane, oomabizwahluke, igama elinye kwibinzana ukuvakalisa ingqiqo ethile.
- Ukusebenzisa ulwimi olusesikweni kunye nolungekho sikweni ngokufanelekileyo.
- Ukusebenzisa amagama emboleko nalungiseleweyo asuka kwezinye ilwimi.
- Ukuxela okuyinyani wandule uvakalise izimvo zakho.
- Ukuvakalisa intsingiselo ecacileyo, efihlakeleyo nebhekisa kokuthile/enxulumene nemeko ethile.
- Ukuzenza umbhali ngokwendlela ogqithisa ngayo umyalezo.
- Ukuvakalisa izimvo zakho malunga neendlela zokuphila (izithethe), iindlela zokucinga, obona ngayo izinto, olusetyenziswa ngayo ulwimi olucalanye, oluvakalisa izimvo ezibethelelekileyo, oluchukumisayo, olulukhlayo kunye noluhathayo, umz, kwiitekisi ezicengayo ezinjengezincoko ezixoxayo namanqaku amaphephandaba.
- Ukubonisa imbeko nentlonipho ngokusebenzisa amagama athile xa ubhala iitekisi, umz. Kwingxoxo yababini nodliwano-ndlebe.
- Ukusebenzisa oovimba bolwazi abanjengezichazi-magama nethesarasi ukuchonga isigama esicacileyo nesivakalayo.

**Irejista esetyenziswayo, isimbo sokubhala nelizwi lombhali**

- Ukusebenzisa irejista echanekileyo: esisekweni, esingekho sikweni, umz. Ukusebenzisa isimbo sencoko/ esingekho sikweni nomntu wokuqala kwileta yobuhlobo, ulwimi olusesikweni kwileta yaseburhulumenteni.
- Ukusebenzisa isigama esinongiweyo (izafobe, izaci namaqhalo), ithoni, Isimo okanye uburharha ngokufanelekileyo.
- Ukuthetha ngqo nomfundi ngendlela eyodwa nefanelekileyo.
- Ukubhala ngokukholelekayo nangokuzithemba; musa ukubonakalisa ukungaluqineli uluvo lwakho.
- Ukusebenzisa izimvo/iimbono ezahlukeneyo xa kukho imfuneko

**Ukwakhiwa kwezivakalisi ngokuchanekileyo**

- Ukubhala iindidi zezivakalisi ezahlukeneyo ngokobude.
- Ukusebenzisa izigaba zentetho ngokukuko.
- Ukusebenzisa intloko, isenzi, injongosenzi, iindidi zamaxesha, iimo zezenzi, izilandulo, intetho ngqo, ingxelo-ntetho, izixando.
- Ukusebenzisa imibuzo.
- Ukusebenzisa iindidi ezahlukeneyo zezivakalisi umz, isivakalisi esixelayo, umbuzo, izivakalisi ezifutshane, ezimbaxa, ezixananazileyo, ezixananazileyo zimbaxa
- Ukusebenzisa izibandakanyi, izimelabizo, izihlomelo, ukudibanisa izivakalisi zakho ngokukuko.
- Ukusebenzisa iindidi ezahlukeneyo zezimelabizo ukwenzela ukubonisa into ekujoliswe kuyo, ugxininiso, injongosenzi nokunciphisa uphinda-phindo olungeyomfuneko.
- Ukucwangcisa uze ulandelelanise amagama kwizivakalisi ngokukuko.
- Ukusebenzisa izivumelanisi ngokuchanekileyo

**Ukubhalwa kwemihlathi ngokukuko**

- Ukubhala ngokwamalungu ohlukeneyo omhlathi: isivakalisi esiyintloko, iingongoma ezingundoqo nezixhasayo, intshayelelo eyiyo, isiqu nesiphelo nesivakalisi sokuvala.
- Ukubhala imihlathi neetekisi ezahlukeneyo usebenzisa amagama namabinzana afana nala alandelayo:
  - Ukulandelelana kweziganeko: okokuqala, okwesibini, okwesithathu, phambi, emva, nini, de, okulandelayo, emva koko, kutshanje.
  - Ingcaciso/unobangela nefuthe: ngoko ke, ngenxa yesi sizathu, emva koko, ukusukela, ngenxa, kungenxa, kulandela, ukuba kuthe...kuya kuthi....
  - Umgaqo olandelwayo: okokuqala, okwesibini, okwesithathu.
  - Ukuthelekisa/ukuchasanisa: iyafana, yahlukile, incinci kule, inkulu kule, nangona, kodwa.

- Ukubeka ngokokubaluleka: rhoqo, ekugqibeleni.
- Ucwangciswa ngokobume bendawo: ngaphezulu, ngaphantsi, ngasekhohlo, ngasekunene, njalo njalo.
- Ukubhala ngokuthe gabalala: ngeliphandle, elokugqiba.
- Umhlathi obonakalisa izinto ozikhethayo: ngokokubona kwam, inkolelo, uluvo, ukuqonda, ndicinga ukuba, ndikhetha, ndikholelwa ukuba, kubonakala ngathi, ndikhetha/ndithanda/andithandi/ndithemba/ndibona ngathi.
- Umhlathi ocalulayo: ingohlulwa ngolu hlobo, luhlobo lwe..., ingena kwii..., yeyee..., ingena phantsi kwe... izalana ne..., inxulumene ne...
- Umhlathi ochazayo: ucaciswa kuthiwe luhlobo lomhlathi olucacisa uluvo ngendlela ebonakalisa ukungazibandakanyi kwesithethi.
- Umhlathi ophononongayo: entle/embi, echanekileyo/engachanekanga, evumelekileyo/engavumelekanga, elungileyo/egwenxa, ibalulekileyo/ayinamsebenzi, ukucebisa, ukuphakamisa isindululo, ukuxoxa
- Umhlathi ocacisayo: ucaciswa kuthiwe luhlobo lomhlathi ocacisa uluvo ngokungakhethe cala
- Umhlathi wokuvala: ukuvala ndingathi ..., ukuqukumbela..., ngelishwankathelayo..., ngokufutshane ..., kucacile ukuba ..., kuyabonakala ukuba ....

<b>IINTLOBO ZEETEKISI EZIBHALWAYO</b>	
<b>IZINCOKO</b>	
<b>Isincoko esibalisayo</b>	<p>Amaxesha amaninzi ukubhala okubalisayo kukubekwa koluhlu lwezehlo ngendlela ethile evakalayo. Ezi zilandelayo ziimpawu zezinye zeempawu zesincoko esibalisayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukubhala ngebali/ngesiganeko esenzekileyo/isiganeko esiqwetyiweyo.</li> <li>• Ukubhala ibali elidlwengula umxhelo nelikholelekayo.</li> <li>• Kumaxesha amaninzi kusetyenziswa ixesha elidlulileyo / eladlulayo</li> <li>• Umhlathi wokuqala oyintshayelelo mawubhalwe ngendlela edlwengula umxhelo.</li> <li>• Qiniseka ngoluvo ozama ukuluveza</li> <li>• Qinisekisa ukuba isiphelo sesinika umdla nesingaqhelekanga</li> <li>• Qinisekisa ngokugcina umdla womfundi ngokusebenzisa isimbo, izafobe nentshukumo</li> <li>• linkcukacha ezibalulekileyo mazigqanyiswe</li> <li>• Sebenzisa isigama esichazayo</li> </ul>
<b>Isincoko esichazayo</b>	<p>Ukuchaza kudla ngokusetyenziswa kakhulu ukwakha imeko nemo: iifilim zikwenza oku ngemifanekiso, ababhali bakwenza oku ngamazwi, apho ukhetho lwamagama lugqalwa kakhulu yintsingiselo efihlakeleyo ngaphezu kokuchaneka kwawo nentsingiselo yawo ecacileyo.</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Chaza umntu/into ukwenzela ukutsala umdla nokudlwengula umxhelo womfundi ngesihloko.</li> <li>• Sebenzisa amagama ukudala umfanekiso.</li> <li>• Chonga amagama ngobunono ukwenzela ukufezekisa isiphumo sokubhalayo.</li> <li>• Sebenzisa imifanekiso-ntelekelelo yokubonwayo, okuvakalayo, okungcamlwayo nokuphathwayo.</li> <li>• Sebenzisa izigaba zentetho ngokukuko</li> </ul>



<b>IINTLOBO ZEETEKISI EZIBHALWAYO</b>	
<b>Izincoko ezixoxayo</b>	<p>Isincoko esixoxayo singamacala amabini aphikisanayo ('kutheni ndikholelwa ukuba oomama banamandla ngaphezu kootata').</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• <u>Isincoko esixoxayo</u> sidla ngokutyekela kwicala elinye; kubakho ukuxhaswa okanye ukuchaswa koluvo oluthile olukhabana nolunye kwaye oluvo ngalunye luxolelwa ngokupheleleyo. Nangona kunjalo, umbhali uphetha ethathe icala elithile apho adandalazisa khona icala awela ngakulo nesizathu sokuba enze oko.</li> <li>- Ukubonisa uluvo/iingcinga ethile uze uxhase uthethelele isigqibo sakho</li> <li>- Ukugcina uluvo lwakho kude kube sekugqibeleni</li> <li>- Ukuzama ukukhuthaza umntu ofunda esi sincoko ukuba aveze olwakhe uluvo</li> <li>- Ukuqala ngoluvo lombhali malunga nesihloko esi ngendlela ebonakalisa intsusa nexhwila umdla</li> <li>- Ukunika uthotho lwezimvo ukuxhasa nokubethelela uluvo</li> <li>- Ukugxininisa kwimiba exhasa OKANYE echasa uluvo othetha ngalo</li> <li>- Ukubonakalisa izimvo zakho ezomeleleyo</li> <li>- Ukusebenzisa izafobe ezahlukeneyo neendlela zokulukhla</li> <li>- Ukusebenzisa ulwimi oluchukumisayo</li> <li>- Ukuqokumbela ngenkcazelo eyomeleleyo, ecacileyo neyanelisayo ebonakalisa uluvo lombhali.</li> </ul>
<b>Isincoko esivelela amacala amabini</b>	<p>Isincoko esivelela amacala amabini sona sixoxa ngamacala amabini akhabanayo ngokulinganayo kodwa umbhali uye alundandalazise olwakhe uluvo ekugqibeleni ('Ngaba oomama banamandla ngaphezu kootata? Kunjalo kuphinde kungabinjalo, kodwa mna ndithi kunjalo'). Isincoko esivelela amacala mabini sithanda ukulungelelaniswa kwaye kuvelwa zonke iinkalo xa kuxoxwa ngomba othile; isakhiwo saso sicwangciswa ngobunono sicacisisiwe; injongo yoko kukuba umbhali angathathi cala lithile nangona enokuluvakalisa olwakhe uluvo; kunokusetyenziswa ilwimi oluchukumisayo, iingxoxo ezinkqenqeza phambili apha zezo zixoxelwe ngokuvokothekileyo nangokuvakalayo. Isiphelo esisulungekileyo simshiya umfundi engenantandabuzo ngoluvo lombhali.</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukuqinisekisa ngokunika uluvo olungekho calanye noluzinzile kumacala omabini engxoxo</li> <li>• Ukucinga ngemiba eyahlukeneyo yesihloko ekuxoxwa ngaso</li> <li>• Ukuika izimvo ezikhabanayo ungathathi cala</li> <li>• Ingxoxo mayilingane macala omabini, elixhasayo nelichasayo</li> <li>• Ubhalo malube sezingqondweni luqiqeke lungakhethe cala</li> <li>• Ukunika iinkcazelo eziqiqisiweyo nezixhaswe ngokupheleleyo</li> <li>• Ukusebenzisa ithoni engachukumisiyo nekhuthazayo ungadanga wabajongela phantsi abaphulaphuli</li> <li>• Ukuqokumbela ngokubeka uluvo oluthile</li> </ul>
<b>Isincoko esicamngcayo</b>	<p>Isincoko esicamngcayo sisekelwe kuthotho lweengcinga neembono anazo umbhali malunga nesihloko esithile akukho cala lixoxelwayo kula macala mabini. Isincoko esicamngcayo simalunga nezimvo, iimbono, iingcinga neemvakalelo zombhali malunga nesihloko esithile, esidla ngokuba sisihloko avakalelwayo ngaso. Umbhali uvakalisa uluvo lwakhe. Kufuneka sibe nesakhiwo esibunjwe ngobunono nangona kungekho mfuneko yokuba isiphelo sibe sesicacisiweyo. Singasesinika umdla okanye esinobunzizingizingi.</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukucamngca ngomba othile</li> <li>• Ukubonisa izenzo novakalelo oluchukumisayo</li> <li>• Ukubonisa icala ongakulo apho uvakalelo lwakho luthatha indawo</li> <li>• Ukuzama ukutyala imo novakalelo lombhali kulowo ufunda isincoko</li> <li>• Ukuvakalisa izimvo, iingcinga okanye uvakalelo oluphuhlisa ukunyaniseka nokuzibandakanya</li> </ul>



<b>IINTLOBO ZEETEKISI EZIBHALWAYO</b>	
<b>Isincoko esicacisayo (sesokwandisa ulwazi)</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Sidlulisa izimvo okanye ulwazi ngendlela eqiqisisiweyo</li> <li>• Sicacisa izimvo okanye sinike imiba ngendlela elandelelanayo</li> <li>• Kuphandwa izimvo zize zixhaswe ngeenyani namanani</li> <li>• Sicacisa imiba engaqhelekanga</li> <li>• Silungelelaniswa ngokufanelekileyo size siqale koko akwaziyo umfundi simse nakoko angakwaziyo</li> <li>• Sithanda ukubhalwa ngexesha langoku</li> </ul>
<b>Iitekisi eziyimihlathi (zonxibelelwano)</b>	
<b>Ileta yaseburhulumenteni/ esesikweni</b>	<p>Kulindeleke ukuba babhale iileta ezichanekileyo ezisesikweni, xa kusenzeka bazithumele balindele impendulo. Iileta ezicela ulwazi oluthile malunga neemveliso, iiyunivesithi, ezohambo, ezemisebenzi, xa zithe zathunyelwa ngokuchanekileyo zinokuphendulwa.</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Abafundi baqhelanise nokubhala iindidi ezahlukeneyo zeeleta ezisesikweni, umzekelo, ileta yokucela umsebenzi, ileta eya kumhleli wephepha-ndaba, ileta yesikhalazo, njalo njalo.</li> <li>• Mabanamatehe kwimfuno ezahlukeneyo zeeleta ezisesikweni njengesimbo sokubhala nesakhiwo.</li> <li>• Mababhale ngolwimi oluvakalayo nolusulungekileyo.</li> <li>• Kufuneka bakhumbule ngabantu abababhalelayo ukuncedisana nokuba oko babhale ngako kuqondwe lula.</li> <li>• Indlela ababhala ngayo mayivakale, iyondelelane, icace, ibe semxholweni.</li> <li>• Mayibe nentshayeleyo, isiqu nesiphelo.</li> <li>• Mayibe needilesi ezimbini, eyombhali neyombhalelwa</li> <li>• Mayibe nesibuliso esifanelekileyo esilandela idilesi yombhalelwa</li> <li>• Mayibe nomqolo wesihloko olandela isibuliso yaye ukrwelelwe umgca ngaphantsi</li> <li>• Mabasebenzise ulwimi olwamkelekileyo.</li> <li>• Isiphelo esichanekileyo silandelwa yifani noonobumba-magama bombali.</li> </ul>
<b>Ileta yobuhlobo/ engekho sesikweni</b>	<p>Nangona ukubhalwa kweleta yobuhlobo/engekho sesikweni sele kungenelelwe ziindlela zonxibelelwano lweteknoloji, umzekelo, i-imeyile, ifeksi, umyalezo obhalwayo wefowuni (i-sms), xa sibalula ezimbalwa, kusabalulekile ukuba abafundi bafundiswe ukubhalwa kweleta. Abafundi Uluhlu lokubhalwayo kufuneka kusukele kwiileta eziqhelekileyo eziya kwizihlobo zabo zegazi nabahlobo ukuya kwiileta zobuhlobo eziya kumajelo eendaba, umzekelo.</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Mababhalele abantu ababathandayo, umzekelo abahlobo, usapho, njalo njalo</li> <li>• Mayibhalelwe ukuvakalisa uvakalelo, umz. Ukuvuyisana, ukuvelana, ukucebisa, njalo njalo.</li> <li>• Mabasebenzise ulwimi olungekho sikweni ukuya kolusesikweni.</li> <li>• Mababhale ngolwimi oluvakalayo, olusulungekileyo nolutsala umdla.</li> <li>• Mabacwangcise ngokukuko baxoxe ngokukuko.</li> <li>• Ileta mayiqulathe intshayeleyo, isiqu nesiphelo.</li> <li>• Mayiqulathe idilesi enye, umbhali, umhla ebhalwe ngawo ngasezantsi kwayo.</li> <li>• Mayibandakanye isibuliso esichanekileyo esilandela idilesi yombhali</li> <li>• Akukho mgaqo uthile ulandelwayo ncam malunga nesiphelo kodwa silandelwa ligama lokuqala lombhali.</li> </ul>

<b>IINTLOBO ZEETEKISI EZIBHALWAYO</b>	
<b>I-ajenda yentlanganiso</b>	<p>Imemorandam, i-ajenda nemizuzu mazibhalwe ngokuvakalayo. Eyona indlela iphucukileyo yokufundisa abafundi ngoku kungasentla kukuba babukele ividiyo yakho okanye bazimase intlanganiso yokwenyani bathathe imizuzu, benze i-ajenda yayo bandule bathelekise i-ajenda yabo nemizuzu yabo abayenzileyo neyentlanganiso leyo yokwenyani. Xa kungenzeki oku, abafundi mabakufundiswe oku kusetyenziswa ingqikelelo yabo. Bhala i-ajenda yentlanganiso yekomiti, wandule uyalele abafundi ukuba babhale imizuzu eqikelelweyo yale ntlanganiso banamathele kwi-ajenda yakho.</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Xela okuza kuxoxwa entlanganisweni.</li> <li>• Kuthumele oko kubantu abamenyiweyo ukuba bazimase intlanganiso.</li> <li>• Imiba yengxoxo idla ngokubekwa ngusihlalo nonobhala, bona ke eminye imisebenzi yabo <ul style="list-style-type: none"> <li>- Kukujonga imizuzu yentlanganiso egqithileyo, ukulungiselela ukubeka imivuka</li> <li>- Ukudwelisa nokuqokelela imiba enokufuna ukuxoxwa entlanganisweni</li> </ul> </li> <li>• Cwangcisa imiba ekuza kuxoxwa ngayo ngokokubaluleka kwayo.</li> <li>• Umba ngamnye wabele ixesha</li> </ul>
<b>Imizuzu</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Makubhalwe okwenzeka entlanganisweni.</li> <li>• Kwintlanganiso elandelayo makwamkelwe imizuzu njengeyinyani nebophelelayo, yaye kuya kuhlala kunjalo de kuvele into entsha</li> <li>• Mayibonise oku kulandelayo: <ul style="list-style-type: none"> <li>- Igama lequmrhu</li> <li>- Umhla, indawo nexesha lentlanganiso</li> <li>- Ubhaliso lwamagama abakhoyo.</li> </ul> </li> <li>• Caphula uze ubhale izindululo ezithathiweyo ngobunjalo bazo.</li> <li>• Nika isishwankathelo sezindululo ezenziweyo nekugqitywe kuko.</li> <li>• Ungazibhali ezinye izinto ezivana nezinto ebekuqhulwa ngazo.</li> <li>• Sebenzisa ixesha elidlulileyo.</li> <li>• Iba luxwebhu olusemthethweni yakuba ityikitywe yafakwa umhla ngusihlalo, emva kokuba iye yafundwa yavunywa kwintlanganiso elandelayo</li> </ul>
<b>Intetho</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Qala uze ulungise isimbo oza kusisebenzisa, ixesha, indawo, isizathu (injongo), abaphulaphuli noko oza kuthetha ngakho</li> <li>• Indlela oqala ngayo intetho mayitsale umdla</li> <li>• Kulisa amanqaku owabekayo yaye uzinxweme ekusebenziseni iintetho esele zisetyenziswe kakhulu kangangokuba zidike.</li> <li>• Gqiba malunga nokuba uza kunqumama phi uzisebenzise phi izijekulo (ngendlela eyiyo nengabaxwanga) uzisebenzisela yiphi injongo. (Jonga abaphulaphuli.)</li> <li>• Sebenzisa izivakalisi ezifutshane ezikhatshwa ziingcingane ezilula, usebenzisa imizekelo eqhelekileyo</li> <li>• Lungelelanisa izigxeko zakho nezincomo onazo</li> <li>• Isiphelo sakho siqiqisise. Shiya abaphulaphuli benento abaza kuyetyisa</li> <li>• Sebenzisa izincedis ezibonwayo okanye eziphathekayo kodwa ibe ngamazwi eyona nto itshotsh' entla</li> <li>• Sebenzisa ulwimi olubonakalisa ukuvuthwa kwengqondo, izithethe nemvelaphi ecacileyo</li> </ul>

<b>IINTLOBO ZEETEKISI EZIBHALWAYO</b>	
<b>I-imeyile/umyalezo obhalwayo wefowuni (i-sms)</b>	<p>Yenzelwa ukwazisa ngokuthile nokugcina ubudlelwane</p> <p>Idilesi yomthunyelelwa - edla ngokuba ligama lomthunyelelwa kunye neseva, ngokunjalo nelizwe ekulo iseve. Umzekelo, Moloqi (<i>igama</i>) @ webmail. (<i>iseva</i>) za (<i>ilizwe</i>). <u>Moloi. q@webmail.co.za</u></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Abakotshelwa (CC): aba ngabanye abathunyelelwa ekufuneka beyibonile i-imeyile.</li> <li>• Isihloko: Esi sisishwankathelo somxholo we-imeyile.</li> <li>• Umyalezo</li> <li>• Igama lomthumeli.</li> </ul> <p>Qaphela: Idilesi yomthumeli iyazibonakalela xa ifunyanwa i-imeyile. Umthumeli usenokukhetha ukunika ezinye iinkcukacha ekupheleni. Oku kubizwa ngokuba lutyikityo (isignitsha)</p>
<b>Udliwano-ndlebe</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Buza umlingwa (umbuzwa) imibuzo</li> <li>• Bonisa amandla, iitalente, ubuethethe, bomlingwa, njalo njalo</li> <li>• Nika amagama esithethi kwicala elisekhohlo ephepheni</li> <li>• Beka ikholoni emva kwegama lesithethi</li> <li>• Ukwahlula phakathi intetho yesithethi neyesinye, shiya umgca</li> </ul>
<b>Ingxelo (esesikweni nengekho sesikweni)</b>	<p>Ingxelo luxwebu olusesikweni kwaye oko kuqulethwe kuzo kufanele kube yinyani kubafundi. Iyabakruqula kakhulu abafundi into yokubhalwa koosinga-ngxelo okanye iingxelo ezingesihloko abangenamda kuso.</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Nika iinkcukacha ezichanekileyo ngesiganeko, umzekelo ingozi, nayo nantoni na ephandiweyo.</li> <li>• Bhala isihloko, intshayelelo (ingabula zigcawu, injongo nokuma kwayo), iesiqu (Ngubani? Owenze ntoni? Nini? Phi? Njani? Kuba kutheni?), isiphelo, izindululo, izalathisi, izihlomelo.</li> <li>• Cwangcisa: qokelela uze ucwangcise ingcombolo yolwazi; bhala iingongoma.</li> <li>• Sebenzisa ulwimi olungekho sikweni ukuya kolusesikweni.</li> <li>• Sebenzisa: <ul style="list-style-type: none"> <li>- Ixesha langoku (ngaphandle ngokuba yingxoxo yababini emalunga nezinto ezadlulyo)</li> <li>- Izibizo gabalala</li> <li>- Umntu wesithathu</li> <li>- Ingcaciso egqibeleleyo</li> <li>- Amagama namabinzana abhekiswe kwimeko ethile (enjengobugcisa)</li> <li>- Ulwimi olusesikweni nolungakubandakanyiyo</li> </ul> </li> </ul>
<b>Isivi (Sivi)</b>	<p>Nanjengoko kule mihla uninzi lwabantu lusebenzisa iithempleyithi ukwenza iisivi zabo, kungaluncedo ukukhangela ukuba eyona thempleyithi ifanelekileyo yenantoni na, nendlela yokulungisa uyizalise ngokufanelekileyo. Kubalulekile ukuqaphela ukuba isivi kufuneka ijongane nemeko ethile, uzekele isivi yomsbenzi othile kufuneka icacise ukubandakanyeka ombhali kwelo cala.</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Zazise kangangoko unako elizweni usebenzisa le sivi yakho.</li> <li>• Zazise njengomntu owuqondayo umcimbi ekungawo kunjalonje njengokhuthuleyo nokhathalayo.</li> <li>• Ingcombolo yolwazi oyinikayo mayicace, ivakale kwaye ingakhethi cala lithile.</li> <li>• Isivi yakho mayigxininise kweso sikhundla somsebenzi sibhengeziweyo usifunayo.</li> <li>• Nika: <ul style="list-style-type: none"> <li>- Iinkcukacha ngawe buqu</li> <li>- Izinqinisekiso zemfundo onazo</li> <li>- Amava onawo ngomsebenzi (xa unawo)</li> <li>- Abantu abanokwenza ingxelo ngokuziphatha kwakho</li> </ul> </li> </ul>

<b>IINTLOBO ZEETEKISI EZIBHALWAYO</b>	
<b>Ungeniso kwidayari</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Idayari kukubonisa amava akho buqu.</li> <li>• Ubhala uphononongo lwakho losuku okanye lomcimbi</li> <li>• Ubhala izimvo zakho, ukubalisa usebenzisa umntu wokuqala kokona kufanelekileyo</li> <li>• Ulwimi olusetyenziswayo lulula yaye lungqalile.</li> <li>• Ithoni iya kuxhomekeka kuloo nto uyibhalayo</li> </ul>
<b>Ukwalathisa</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• <b>Ukwalathisa</b> kusetyenziswa xa uxelela umntu indlela eya endaweni ethile.</li> <li>• Kubhalwa kwisiyaleli.</li> <li>• Kusoloko kusetyenziswa umntu wesibini kwisinye ('u-') xa isithethi sithetha nalowo simyalelayo.</li> <li>• Qaphela oku kulandelayo xa usalathisa umntu indlela: <ul style="list-style-type: none"> <li>- Thetha ngokucacileyo nokungqalileyo</li> <li>- <i>Izalathisi</i> masilandelelane ngokufanelekileyo</li> <li>- <b>Soloko ukhomba kwicala elithile</b></li> <li>- <b>Nika uqikelelo lomgama</b></li> <li>- <b>Nika uqikelelo lwezitalato</b> eziza kweqiwa/kuwelwa ukuya apho</li> <li>- <b>Nika iinkcukacah malunga nezinto eziqaphelekayo</b> aza kudibana nazo apha endleleni</li> <li>- Sebenzisa amagama abonisa indawo</li> <li>- Sebenzisa abonakalisa icala emakuyiwe kulo (umz. Nyuka, yihla, thambeka)</li> <li>- Sebenzisa amagama abonakalisa ukubulela.</li> </ul> </li> </ul>
<b>Ukunika imiyalelo</b>	<p>Ukuchaza okanye ukuyalela ngendlela emayenziwe ngayo into okanye isixhobo, ukwenza ukutya, ukulungisa into eyonakeleyo:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukuchaza ukusebenza okanye umsebenzi wento nganye xa isetyenziswa; ukulungisa izitya/ukupheka ukutya; ukulungisa into eyonakeleyo; njalo njalo</li> <li>• Ukucwangcisa nokulungiselela (jonga iimpawu zokubhala) <ul style="list-style-type: none"> <li>- Qonda imeko/iimeko ze wazi ukuba imveliso yokunika imiyalelo/imiboniso iza kuba njani okanye kuza kwenzeka ntoni</li> <li>- Cinga ngokucacileyo, ngokufanelekileyo ze ulandelelenise ngobuchule bokuqeqisa imiyalelo</li> <li>- Sebenzisa iimanyuwali, imiyalelo nemisebenzi</li> <li>- Cinga ngesigama, ulwimi/igrama, iimbonakalo, ubuchule/ubugcisa bolwimi, namabinzana anokusetyenziswa</li> </ul> </li> <li>• Ukunikezela</li> </ul>
<b>Isibhengezo</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Bamba ugcine umdla womfundi - uqinisekisa ukuba ayagqama amagama asebenzayo.</li> <li>• Lukuhla umntu ukuba athenge into okanye inkozo ethile.</li> <li>• Tsala umdla womfundi - uqiniseke ukuba amagama azizenzi ngawona agqamileyo.</li> <li>• Thathela ingqalelo oku kulandelayo xa uyila: <ul style="list-style-type: none"> <li>- Abantu ekujoliswe kubo (esenzelwe bona isibhengezo)</li> <li>- Indawo esibekwa kuyo (siza kuvela phi, nini kwinkqubo okanye ndawoni kwimagazini okanye iphepha-ndaba?)</li> <li>- Ngaba sinika umdla (sinika umdla njani?)</li> <li>- Ukuma kwaso nobungakanani befonti.</li> <li>- Uhlobo lwengcinga eveliswayo (nokuba yenyani sekileyo okanye hayi) kunye nothelekiso phakathi kwenyani noluvo.</li> <li>- Ifuthe lokukhethwa kwemibala esetyenziswayo okanye engasetyenziswayo</li> <li>- Ulwimi olusetyenziswayo (nokuba ulwimi olunomdintsi kuba kukudala lusetyenziswa, oluphinda-phindayo, olunezafobe, njalo njalo)</li> </ul> </li> </ul>

<b>IINTLOBO ZEETEKISI EZIBHALWAYO</b>	
<b>lipowusta/iiflaya</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Ingaziintlobo ngeentlobo</li> <li>• Isebenzisa iziqubulo (izilogani) neelogo</li> <li>• Indla ngokusebenzisa imbonakalo ethile (iba noyilo oluthile)</li> <li>• Isebenzisa ubuchule bokubhengeza</li> <li>• Isebenzisa uyilo ukwenza isibhengezo sakho sitsale umdla simile ezingqondweni zabantu</li> <li>• Isebenzisa isigama esinongiweyo nezafobe zisetyenziselwa ukudala ifuthe</li> <li>• Yenza ulwimi luhlale lunkenteza ezingqondweni zabantu, umzekelo, isikweko, isifaniso, imfanozandi, uphindaphindo, imvano-siphelo, isingqisho</li> </ul>
<b>Ukugcwalisa ifomu</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Ifomu igcwaliselwa izizathu ezininzi, umz. Ukufaka isicelo somsebenzi okanye ikhefu emsebenzini, ukungenela ukhuphiswano okanye oonobuhle, njalo njalo.</li> <li>• Nika iinkcukacha ezifunwa lelo ziko iya kulo ifomu.</li> <li>• Bhala loo nto ifunekayo, ulandelise ngekhloni, umz. Ifani.</li> <li>• Yigcwalise ngokuchanekileyo</li> </ul>
<b>I-obhitshuwari</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Igama nefani yalo mntu uswelekileyo, umhla awazalwa ngawo, indawo awazalelwa kuyo, amagama abazali bakhe;</li> <li>• Imfundo yakhe neendawo aphangele kuzo;</li> <li>• Izinto ezibalulekileyo ezimalunga nobomi bakhe ezifana nokutshata (ukuba kuyangena);</li> <li>• Unobangela wokusweleka kwakhe: ukuba ugulile, imbali yokugula kwakhe ukuza kuthi ga ngomhla wokusweleka kwakhe;</li> <li>• Abantu abashiya ngasemva, umz. Inkosikazi/umyeni, abantwana, njalo njalo;</li> <li>• Amazwi okumkhapha, mhlawumbi nezibongo zesiduko sakhe;</li> <li>• Sebenzisa ulwimi oluhloniphayo nolundilisekileyo, umz. 'usishiye' endaweni yokuthi 'usweleke'.</li> </ul>
<b>Isivumelwano (ikhontrakthi)</b>	<p>Sisivumelwano esibophelelayo esiphakathi kwamaqela amabini nangaphezulu. Injongo yesivumelwano kukudala imeko yokuzibophelela. Isivumelwano sinokwenziwa nangomlomo (sibe sesomlomo siphinde sibhalwe nokubhalwa ukubonisa umonakalo nendlela onokulungiswa ngayo)</p> <p>Imiba yesivumelwano</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Amagama (Okwelinye icala lesivumelwano, nokwelinye, amangqina)</li> <li>• Izigqibo neemeko (izinto ezibandakanyekayo) (okungaphakathi kwisivumelwano - kuquka inkonzo eza kunikwa, ixesha nemali ukuba kuza kubakho intlawulo)</li> <li>• Utyikityo (lwabo bonke abachaphazelekayo)</li> <li>• Umhla nendawo (apho sityikityelwe khona isivumelwano)</li> </ul>
<b>Umyolelo/Isingqinisiso</b>	<p>Umyolelo uthatha isigqibo okanye ubeka ukuba kuya kwenzeka ntoni kwizinto zomntu emva kokusweleka kwakhe. Umyolelo uqinisekisa ukuba iminqweno yomfi iyafezekiswa emva kokusweleka kwakhe. Kufuneka umyalelo ugcinwe ungashiywanga lixesha yaye ube sendaweni ekhuselekielyo.</p> <p>Kufuneka ube nezi zinto zilandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Amagama omnini-myolelo</li> <li>• Umhla owenziwe ngawo umyolelo</li> <li>• Imali, impahla nezinto anazo</li> <li>• Abashiyelwa ilifa</li> <li>• Oza kuqinisekisa ngokulandelwa komyolelo (umhlobo, ilungu losapho, igqwetha)</li> </ul>

<b>IINTLOBO ZEETEKISI EZIBHALWAYO</b>	
<b>Umgaqo-siseko nepolisi</b>	<p>Ubeka imithetho-siseko okanye ipolisi okanye imithetho elawula iqumrhu, umzekelo, ilizwe, umasingcwabane, umbutho wolutsha, umgalelo, iklabhu yebhola ekhatywayo.</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Kufuneka kuvunyelwane ngemigaqo ngabo bachaphazelekayo</li> <li>• Imigaqo iyabophelela</li> <li>• Inokuhlaziywa</li> <li>• Isakhiwo kufuneka siquke igama lequmrhu okanye iziko, ubulungu, imiba ekuthethwa ngayo, umhla ovunywe ngawo, utyikityo, njalo njalo.</li> </ul>
<b>IITEKISI ZONCWADI NEZEMIDIYA</b>	
<b>Ibali ngawe</b>	<p>Ukubalisa ngebali elingawe.</p> <p>Isikhokelo: ukubonakalisa isimo sentlalo okanye ukumilisela umxholo, umzekelo, <i>kwangungexesha leeholide, kuvalwe izikolo</i>.</p> <p>Ibali ngeziganeko ezenzekileyo ngokulandelelana kwazo ngamaxesha, umzekelo, <i>'Ndiye kwatumelo... emva koko...</i></p> <p>Enye inkcukacha eyongezelelweyo malunga nesiganeko ngasinye, umzekelo, <i>'Waye mangalisiwe kukundibona'</i>.</p> <p>Amazwi okuvala - inkcazelo evalayo enokuquka ingcaciso, umzekelo, <i>'Ndiyathemba ndizakuchitha ixesha elide notumelo. Besonwabile'</i>.</p> <p>Libaliswa ngomntu wokuqala okanye wesithathu.</p> <p>Kusetyenziswa izihlanganisi zexesha, umzekelo, <i>Okokuqala, emva koko, ekugqibeleni, phambi koko, ngeli xesha</i></p> <p>Lidla ngokubhekisa kumntu okanye abantu abathile</p> <p>Isimbo sokubalisa ingaseso singekho sikweni</p>
<b>Ingxoxo yababini</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Yincoko ephakathi kwabantu ababini nangaphezulu</li> <li>• Bhala le ncoko njengoko isenzeka, amazwi ezithethi uwabhala njengoko enjalo</li> <li>• Bhala amagama abalinganiswa ngasekhohlo</li> <li>• Sebenzisa ikholoni emva kwagama lomlinganiswa othethayo</li> <li>• Shiya umgca, ukwahlula phakathi kwentetho yesithethi neyesinye</li> <li>• Cebisa abalinganiswa (okanye abafundi) ngendlela yokuthetha okanye yokwenza ngokufakela umyalelo lowo kwizibiyeli phambi kokuba amagama athethwe</li> <li>• Banike omkhomba-ndlela wokuza kuthethwa ngako phambi kokuba ubabhalise</li> </ul>
<b>Irivyu</b>	<p>Irivyu ayilandeli ndlela ithile yokubhalwa. Akukho mfuneko yokuba kuchatshazelwe imiba ethile encwadini, kwifilim okanye i-CD leyo kwenziwa irivyu yayo. Abantu abenza irivyu bajolisa kuloo nto benza irivyu yayo nakulowo ubandakanyekayo kuyo, bakugqiba bafakele nantoni na abayithandayo. Irivyu eyiyo yengathathi cala nengadleleli bani, kodwa irivyu engeyiyo kuba lapho umntu adandalazisa nje uluvo lwakhe ngokuthile. Ezinye irivyu ziba nezihlekiso: Abanye ababhali bazo lolona phawu balusebenzisayo olo lwesihlekiso kwiirivyu zabo. Yenza irivyu eziphuma kwimithombo yolwazi eyahlukeneyo ukubonisa abafundi indlela eyahluke ngayo le ndlela yokubhala.</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Iveza imbono yakho buqu ngomsebenzi wobugcisa, ifilim, incwadi, umsebenzi othile, njalo njalo.</li> <li>• Dandalazisa indlela owubona ngayo loo msebenzi uphambi kwakho.</li> <li>• Lowo ufunda irivyu akunyanzelekanga ukuba avumelane nalowo ubeyibhala</li> <li>• Irivyu zithabatha icala elithile. Bangababini abantu abenza irivyu ngomsebenzi omnye kodwa bavakalise izimvo ezahlukeneyo ngomsebenzi lowo.</li> <li>• Nika iingongoma eziphambili nezichanekileyo, umzekelo, igama lombhali/umvelisi/igcisa, isihloko sencwadi/somsebenzi, igama lompapashi/lenkampani yokuvelisa, kunye nexabiso (xa likhona)</li> </ul>

<b>IINTLOBO ZEETEKISI EZIBHALWAYO</b>	
<b>Itekisi yesihobe</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Sibhala malunga nokuqapheleyo namava               <ul style="list-style-type: none"> <li>- Abantu</li> <li>- Indalo</li> <li>- Imiba yasekuhlaleni</li> <li>- Iteknoloji, njalo njalo</li> </ul> </li> <li>• Silandela isakhiwo               <ul style="list-style-type: none"> <li>- Isihloko</li> <li>- Izitanza</li> </ul> </li> <li>• Sisebenzisa izafobe</li> <li>• Sibonisa ukukhululeka kombhali, umzekelo ukungasetyenziswa kweempawu zokubala okanye izakhi zolwimi eziqhelekileyo</li> </ul>
<b>Inqaku lephephandaba</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Chaza ngokufutshane umba obhala ngawo kodwa ucece gca.</li> <li>• Gqithisa umyalezo wakho uvakale kulowo umbhalelayo.</li> <li>• Shwankathela ngokucacileyo ungayigqwethi into eyinyani.</li> <li>• Nika isihloko esicacileyo nesivakalayo uze wongeze nesihlokwana esicacileyo.</li> <li>• Qala ngokona kubaluleke kakhulu: umzekelo, ngubani, yintoni, nini, phi, kutheni kangakanani</li> </ul>
<b>Inqaku lemagazini</b>	<p>Kwinqaku lemagazini kufanele umbhali andandalazise izinto azithandayo nangazithandiyo yena buqu, oku kufanelwe kukhuthazwe kubafundi esikolweni. Kufuneka babhale amanqaku emagazini anomhluzi navakalayo ngayo nantoni na edla umzi, kananjalo banokubhala amanqaku emagazini ahlekisayo nangaso nasiphi na isihloko abasikhethileyo. Uninzi lwamanqaku eemagazini ezifundwa ngabafundi zilolu hlobo luchazwe ngasentla.</p> <p>Amanqaku emagazini amaninzi afumaneka kwi-intanethi nangona ebhalwe ngesingesi, kodwa aqulethe okuninzi yaye ungawasebenzisa ukuzixhobisa. Ukukhuthaza ukusetyenziswa kwe-intanethi ngabafundi, Bangabhala iiblogu zabo beqwalasela ukuba babhalela bani, okuqulethwe yiblogu nemvakalozwi yayo.</p> <p>Ungasebenzisa oku kulandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Isihloko masitsale umdla, sibe sesidlwengula umxhelo.</li> <li>• Indlela yokubhala mayibe yevela kuwe, uthethe ngqo nomfundi.</li> <li>• Isimbo sokubhala singaba sesichazayo nesikhathshwa zizafobe, ukutsala umdla wabafundi.</li> <li>• Amagama, iindawo, amaxesha, ubume bendawo kunye nezinye iinkcukacha ezifunekayo mazifakwe kwinqaku elo.</li> <li>• Makungabhalwa imihlathi emide kakhulu.</li> <li>• Inqaku malitsale umdla womfundi.</li> <li>• Sebenzisa ifonti efundeka lula nengatyhafisiyo</li> </ul>
<b>Idotyumentari</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Luphando olucacileyo lobomi besihloko eso, umzekelo, iqhawe (lezemidlalo, lemfundo, lezenkolo), kunye nengxelo yokufunyanisiweyo.</li> <li>• Oku kungaquka izinto ezibalulekileyo kunye nemingeni lowo kuphandwa ngaye athe wahlangana nayo phambi kokuba afikelele encotsheni.</li> <li>• Amagama, iindawo, amaxesha, izikhundla kunye nazo naziphi ezinye iinkcukacha eziyimfuneko kufuneka zifakwe kwidotyumentari.</li> <li>• Qala ngeyona miba ibalulekileyo: ukuba ngubani, yintoni, njani, nini, phi, njani nakangakanani</li> </ul>



UBUDE BEETEKISI LOKUQALA ZOLWIMI OLONGEZELWEYO (EZIZA KUVELISWA NGABAFUNDI)			
UMSEBENZI	IBANGA LESI-7	IBANGA LESI-8	IBANGA LE-9
<b>Umhlathi</b> • Amagama • Izivakalisi	Amagama ali-100 -110	Amagama ali-110 - 120	Amagama ali-120 - 140
	Izivakalisi ezisi-7 - 9	Izivakalisi ezisi-7 - 10	Izivakalisi ezisi-8 - 10
	Imihlathi emi-3 - 5	Imihlathi emi-4 - 7	Imihlathi emi-4 - 8
<b>Isincoko</b>	Amagama ali-130 - 180	Amagama angama-180 - 210	Amagama angama-210 - 250
	Imihlathi emi-3 - 5	Imihlathi emi-4 - 7	Imihlathi emi-4 - 8
<b>Umbongo</b>	Izitanza ezi-2	Izitanza ezi-2 -3	Izitanza ezi-3 -6
<b>Ibali elifutshane, kuquka namabali emveli</b>	Iphepha eli-1	Amaphepha ama-2	Amaphepha ama-3
	Imihlathi emi+/-6	Imihlathi eli+/-10	Imihlathi engama+/-20
<b>Ingxoxo yababini (umdlalo ondima-nye)</b>	Iphepha eli-1	Amaphepha ama-2	Amaphepha ama-3
<b>Iitekisi eziyimihlathi (zonxibebelelwano) ezinde, umz. lileta</b>	Amagama ali-110 -120	Amagama ali-120 -140	Amagama ali-140 -160
<b>Iitekisi ezimfutshane</b>	Amagama angama-70 - 80	Amagama angama-80 - 90	Amagama ali-90 - 100
<b>Isishwankathelo</b>	Amagama angama-40 - 50 kwitekisi enamagama angama-220	Amagama angama-50 - 60 kwitekisi enamagama angama-240	Amagama angama-50 - 60 kwitekisi enamagama angama-260

UBUDE BEETEKISI ZOLWIMI LOKUQALA OLONGEZELWEYO (EZIZA KUSETYENZISWA NGABAFUNDI)			
UMSEBENZI	IBANGA LESI-7	IBANGA LESI-8	IBANGA LE-9
<b>Iitekisi zezicatshulwa eziphulaphulwayo ezinde, umzekelo, ibali, udliwano-ndlebe, imidlalo, iindaba</b>	140 - 180/ukuya kutsho kwimizuzu emi-5	180 - 200/ukuya kutsho kwimizuzu emi-5	200 -220/ukuya kutsho kwimizuzu emi-5
<b>Iitekisi zezicatshulwa eziphulaphulwayo ezimfutshane, umz. Izaziso, iitekisi zolwazi, imiyalelo, izalathisi</b>	Amagama angama-50 - 60/ umzuzu om-1 - 2	Amagama angama-60 - 70/ umzuzu om-1 - 2	Amagama angama-70 - 90/ umzuzu om-1-2
<b>Iitekisi zokufundela ukuqonda/ukufunda okunzulu</b>	Amagama ali-130 -180	Amagama angama-180 -230	Amagama angama-230 -280

Ubude beetekisi zokufunda okwandisiweyo akumiselwanga nanjengoko kuxhomekeke kuhlobo lwetekisi, ubunzima bolwimi kunye nezinga lokufunda labafundi.

### 3.1.4 Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi

Izakhi nemigaqo yolwimi zibhekisa kwimigaqo elawula ukusetyenziswa kweempawu zokubhala, oonobumba abakhulu, oonobumba, izandi, amagama, izivakalisi, imihlathi kumsebenzi womlomo nobhaliweyo. Le migaqo iquka upelo, indlela yokubiza amagama, igrama, ulwanzi olunzulu lolwimi, njalo njalo.

Izakhono zokuphulaphula, ukuthetha, ukufunda nokubhala azinakwenziwa zingaziwa izakhi zolwimi nokuziqhelisa ukuzisebenzisa. Abafundi bakwafuna isigama esibanzi, nto leyo mhlawumbi ingowona mba ubalulekileyo wokwenza umntu anxibelelane ngokukuko. Isigama esibanzi siyimfuneko kuzo zonke izakhono zolwimi, kodwa nangakumbi ekufundeni nasekubhaleni. Eyona ndlela isebenzayo yokuba abafundi baphucule ulwazi lwabo lwegramu bandise nesigama sabo kungokufunda ngokunzulu ngaphakathi nangaphandle kweklasi.



Abafundi baya kufunda indlela **izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi** ezisetyenziselwa ngayo, batsho bakhulise ulwimi abanokwabelana ngalo xa bethetha ngolwimi ('ulwimi olusetyenziswa xa kuthethwa ngolwimi'), ukwenzela ukuba baphonononge ngokunzulu iitekisi abazibhaleleyo nezibhalwe ngabanye bejonga intsingiselo, ukufaneleka nokuchaneka kwazo. Baza kukwazi nokusebenzisa olu lwazi ukusebenza ngolwimi ukwakha intsingiselo ukusukela kwinqanaba lokusebenza ngamagama nelesivakalisi ukuya kutsho kweletekisi iyonke, nokubona ukuba iitekisi izalana njani nomxholo. Ngokusebenza ngoluhlu lweetekisi, abafundi bandisa ukusebenzisa kwabo isigama baze basebenzise ngokuchanekileyo ulwazi lwabo **lwezakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi**.

Kulindeleke ukuba izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi ifundiswe ngokusemholweni xa kufundiswa kukhuliswa ezinye izakhono zolwimi. Izicwangciso zokufundisa zinoluhlu lwezakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (izigaba zentetho) ezinokufundiswa kwibanga ngalinye. Xa ukhetha iitekisi zokuphulaphula nokufunda kwisithuba seeveki ezimbini, qiniseka ukuba zinezigaba zentetho ofuna ukuzifundisa. Yila imisebenzi enxulumene nezi tekisi eya kwenza abafundi basebenzise ezi zigaba zentetho ngokusemholweni. Ngokufanayo, iitekisi zokubhala ezibhalwa ngabafundi ziya kuquka ezinye zezi zigaba zentetho. Khokela abafundi ngendlela efanelekileyo nechanekielyo yokusetyenziswa kwezi zigaba zentetho. Khetha ezinye zezi zigaba zentetho abanengxaki kuzo uze ubanike ithuba baziqhelanise nazo ngokusesikweni. Kwisigaba esiphezulu, iyure enye ngeeveki ezimbini ibekelwe bucala ukuba abafundi bafundiswe baqhelanise nezakhi nemigaqo yolwimi ngokusesikweni.

Le theyibhile ingezantsi ibonisa izakhi nemigaqo yolwimi ekulindeleke ukuba abafundi bazifunde ngethuba lenkqubo yokuphulaphula, ukuthetha, ukufunda nokubhala. Ezi zakhi mazifundiswe ngokusemholweni ngokudityanisiweyo kusetyenziswa iitekisi zomlomo, ezibonwayo nezibhaliweyo. Kufuneka zifundiswe ngokungqalileyo kubekelwe bucala ixesha ngokuyimfuneko.

<b>UMZEKELO WEZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI</b>	
<b>Iimpawu zokubhala</b>	<p>Iqhagamshela (-)</p> <p>Iikhholoni (:)</p> <p>Isemikhholoni (;)</p> <p>Isimeli-nobumba (')</p> <p>Iimpawu zocaphulo ("...")</p> <p>Izibiyeli [ ( ) ]</p> <p>Uphawu loshiyelelo lwamagama okanye amabinzana kwisivakalisi (...)</p> <p>Isingxi (.)</p> <p>Ikoma (,)</p>
<b>Upelo</b>	lindlela zopelo, imigaqo yopelo, ushunqulelo, ufinyezo-magama, ukusetyenziswa kwesichazi-magama
<b>Izakhi zamagama</b>	Izimaphambili, iingcambu nezimamva
<b>Izibizo</b>	<p>Izibizo ezakhiwe kwizenzi</p> <p>Izibizo ezakhiwe kwezinye izibizo</p> <p>Izibizo ezakhiwe kwizichazi</p> <p>Izibizo ezakhiwe kwizifanekisozwi</p> <p>Izibizo ezakhiwe kwizikhuzo</p> <p>Izibizo ezimbaxa</p> <p>Intloko nenjongosenzi</p> <p>Isini</p> <p>Isininzi</p> <p>Izinciphiso</p> <p>Isandiso</p> <p>Izibizo ezakhiwe kwezinye izigaba zentetho</p>
<b>Izimelabizo</b>	<p>Isimelabizo soqobo</p> <p>Isimelabizo soqobo sokugxininisa</p> <p>Isimelabizo sokukhomba</p> <p>Isimelabizo soquko</p> <p>Isimelabizo sochazo</p> <p>Isimelabizo sokukumbi</p> <p>Isimelabizo sokunye</p>
<b>Izichazi</b>	<p>Isiphawuli</p> <p>Isibaluli</p> <p>Isimnini</p> <p>Esoquko</p> <p>Esokukumbi/esobalo</p>

UMZEKELO WEZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI	
<b>Izenzi</b>	Izenzi namaxesha azo Isilandulo Izixando zezenzi lintlobo zezenzi
	<b>lintlobo zezenzi</b> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Uhlobo lolandelelwano/lokuqoshelisa</li> <li>• Uhlobo lokuyalela</li> <li>• Uhlobo lokungathiza</li> <li>• Uhlobo lokuqondisa</li> <li>• Ihlobo lokuqhubeka</li> </ul> <b>Imo</b> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Imo evumayo</li> <li>• Imo elandulayo</li> </ul>
	<b>Amaxesha ezenzi</b> Ixesha langoku Ixesha elizayo Ixesha elidlulileyo
	<b>Izivumelanisi</b> Isivumelanisi sentloko, umz. <i>Abantwana bahambile</i>
<b>Izihlomelo</b>	Iindidi zezihlomelo
<b>Izikhuzo</b>	Ums. Kwekhu! Kowu! Awu! Yhooo!
5-6	<p><b>Ubuchule bokuphulaphula nokuthetha</b></p> <p><b>Ukwenza umdlalo ulinganisa imeko ethili</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Imeko iboniswe kakuhle</li> <li>• Abalinganiswa/abadlali bahlulwe kakuhle</li> <li>• Ulwimi olusetyenzisiweyo luyahambelana nacasana nemeko leyo iboniswayo</li> <li>• Umdlalo ubonisa isenzeko sisenzeka njengoko sinjalo kuloo meko</li> </ul> <p><b>Incoko</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Khethe imeko efanelekileyo nesihloko</li> <li>• Imigaqo yencoko</li> <li>• Ulwimi namandla</li> <li>• Amagama azimeleyo umz. izihlanganisi</li> </ul>	<p><b>Itekisi yoncwadi efana neballi elifutshane/inoveli yolutsha/inoveli</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Iimpawu eziphambili zoncwadi: ezifana: umlinganiswa, intshukumo, ingxoxo yababini, isakhiwo, impixano, imvelaphi, isimo sentlalo, unobalisa, umxholo</li> </ul> <p><b>Inkqubo yokufunda:</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Phambi kokufunda (ukwazisa itekisi)</li> <li>• Ngeli xesha ufundayo (iimpawu zeetekisi)</li> <li>• Emva kokufunda (ukuphendula imibuzo, ukuthelekisa, ukuchasanisa, ukuphonononga)</li> </ul> <p><b>Isihobe</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Iimpawu eziphambili zemibongo</li> <li>• Isakhiwo sangaphakathi sombongo, izigaba zentetho, imifanekiso ngqondweni, imvano-siphelo, isingqisho</li> <li>• Isakhiwo sangaphandle sombongo, imiqolo, amagama, izitanza</li> <li>• Ubuchule bokushicilela/ubuchule bokubhala</li> <li>• Intsingiselo efihlakeleyo</li> <li>• Izafobe</li> <li>• Isimo</li> <li>• Umxholo nomyalezo</li> </ul>	<p><b>Umhlathi/itekisi yonxibelelwano umz iobhithuwari/ungeniso kwidayari/ikhadi lesimemo</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Imo/ifomathi efanelekileyo</li> <li>• Injongo</li> <li>• Izimvo eziphambili nezixhasayo</li> <li>• Ukusetyenziswa kolwimi</li> <li>• Irejista</li> <li>• Ukulandelelana okufanelekileyo kwezivakalisi</li> <li>• Unamathelelwano</li> <li>• Ukusebenzisa iindidi zezivakalisi, ubude nesakhiwo</li> </ul> <p><b>Ukugxininisa kwinkqubo yokubhala</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukucwangcisa/phambi kokubhala,</li> <li>• Ukuyila/ukwenza iidrafiti,</li> <li>• Ukuhlaziya,</li> <li>• Ukuhlela,</li> <li>• Ukulungisa iziphene</li> <li>• Nokunikezela</li> </ul> <p><b>Ukubhala iobhithuwari/ungeniso kwidayari/ikhadi lesimemo ulandela inkqubo elandelwayo yokubhala</b></p>	<p><b>Bethelela igrama efundiswe kwiiveki ezingaphambili</b></p> <p><b>Inqanaba lokusebenza ngamagama:</b></p> <p>Izenzi, izibizo, izimelabizo, izihlomelo, izichazo</p> <p><b>Inqanaba lokusebenza ngezivakalisi:</b></p> <p>Inkcazelo: unobangela nefuthe</p> <p><b>Iimpawu zokubhala nopelo:</b></p> <p>Ukutshintsha kwentsingiselo, ukusebenzisa ulwimi ngenjongo ethile, igama elinye endaweni yebinzana</p> <p><b>Iimpawu zokubhala nopelo:</b></p> <p>Iindlela zopelo</p> <p>Ulwimi ngokusemxeholweni</p> <p>Umsebenzi wokulungisa iimpazamo zegrama kumsebenzi wabafundi</p>

IIVEKI	UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA	UKUFUNDA NOKUBUKELA	UKUBHALA NOKUNIKEZELA	IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI
5-6		<p><b>Ukufunda/ukubukela isicatshulwa:</b> (itekisi ebonwayo okanye eyemalhimidiya efana nekhatshuni okanye isibhengezo)</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukufunda ngokukhawuleza ukwakha umfanekiso ngqondweni</li> <li>• Ukufunda ngokunzulu</li> <li>• Ukuthekelela</li> <li>• Intsingiselo yamagama</li> <li>• Uluvo lombhali</li> <li>• Inyani noluvo</li> <li>• Intsingiselo efihlakeleyo/ecingelwayo</li> </ul> <p><b>Ukubhala umhlathi oshwankathelayo</b></p>		
7-8	<p><b>Ubuchule bokuphulaphula nokuthetha</b></p> <p><b>Uhlaziyo</b></p>	<p><b>Ukubhala nokubukela:</b></p> <p>Uhlaziyo lweempawu eziphambili, imigaqo nezakhi</p>	<p><b>Ukubhala:</b></p> <p>Uhlaziyo lweetekisi ezibhalwayo.</p> <p>Uhlaziyo lwenkqubo elandelwayo yokubhala</p>	<p><b>Inqanaba lokusebenza ngamagama:</b></p> <p>Uhlaziyo</p> <p><b>Inqanaba lokusebenza ngezivakalisi:</b></p> <p>Uhlaziyo</p> <p><b>Iimpawu zokubhala nopelo:</b></p> <p>Igama elinye endaweni yebinzana lindlela zopelo</p>
<b>IMISEBENZI YOKUHLOLA ESESIKWENI NEMVIWO ZOKUPHELA KONYAKA IKOTA YESI-4</b>				
<b>UMSEBENZI 1: I-ORALI</b>				
9-10	<p>Ingxoxo-mpikiswano/udliwano-ndlebe/incoko/intetho elungiselelweyo/intetho engalungiselelwanga/ingxoxo yeforam/ingxoxo yephaneli/ingxoxo yeqela/isicatshulwa esiphulaphulwayo/iinkqubo zentlanganis</p>		<p><b>UMSEBENZI 2: IIMVIWO ZOKUPHELA KONYAKA</b></p> <p>Iphapha 1: I-orali</p> <p>Iphapha 2: Ukubhala (iyure e-1)</p> <p>Iphapha 3: Isicatshulwa nolwimi (iyure ezi-2)</p> <p>Iphapha 4: Ukuphendula ngoncwadi (<i>Response to Literature</i>) (iyure e-1)</p>	

## ICANDELO LESI-4: UKUHLOLA KULWIMI LWASEKHAYA

## 4.1 INTSHAYELELO

Ukuhlola yinqubo eqhubekayo ecwangcisiweyo yokuchonga, ukuqokelela nokutolika ulwazi malunga nendlela abaqhuba ngayo abafundi, usebenzisa iindlela ezahlukeneyo zokuhlola. Oku kubandakanya amanqanaba amane: Ukwenza nokuqokelela ubungqina bokuphumelela komfundi; ukuphonononga obu bungqina; ukurekhoda okufunyanisiweyo nokusebenzisa olo lwazi ukuqondisisa nokuncedisa uphuhliso lwabafundi ukuphucula inqubo yokufunda nokufundisa.

Ukuhlola kufuneka kube kokungekho sesikweni (ukuhlola ulungiselela ukufunda) nokusesikweni (ukuhlola oko sekufundisiwe). Kuzo zombini ezi ndidi abafundi kufuneka banikwe ingxelo ukwenzela ukuphucula ulwazi lwabo.

Ukuhlola kwiilwimi kuyaqhubeka kwaye kuxhasa uhlumo nophuhliso lwabafundi. Luyinto ebalulekileyo kakhulu ekufundiseni nasekufundeni kuba kunika abafundi ingxelo malunga nokufundisa nokufunda. Kufuneka kubandakanywe ekufundiseni nasekufundeni kunokuba kwenziwe kodwa njengento esecaleni. Ngapha koko ukuhlola kufuneka kwenziwe okulunxulumaniso lwemiba eyahlukileyo yolwimi. Umzekelo, singaqalisa ngetekisi efundwayo size senze uvavanyo lwesicatshulwa. Imibuzo yolwazi lolwimi nayo ingenziwa isekelwe kwakule tekisi inye.

Emva kokuba befunde itekisi abafundi bangabhala ileta ngemiba ephakanyiswe kwitekisi okanye bangayila itekisi ebhekisele kumxholo wetekisi. Ukuqokumbela lo msebetyenzana, kungaxoxwa ngeso sihloko kube ngaloo ndlela kuchatshazelwe zonke izakhono zolwimi kumsetyenzana omnye onxulumanisa izakhono.

Ukuhlola izakhono ezahlukeneyo zolwimi makungabonwa njengemisebenzi eyahlukeneyo kodwa njengomsebenzi omnye onxulumeneyo (Ukuhlolwa kwezakhono zolwimi makuhlanganiswe.) Iirubriki zokuhlola kufanele zibonise izakhono zolwimi ezahlukeneyo kumsebenzi wokuhlola.

Izakhono zabafundi *zokuphulaphula, ubuchule bokuthetha ngomlomo (ubuchule beorali), ubuchule lokuphendula imibuzo, ukuthatha inxaxheba kwingxoxo nezakhono zokubhala* apho kukho imfuneko kufuneka ziqwalaselwe imihla ngemihla.

Kukwabalulekile ukuba abafundi bahlolwe *ukuqonda oko bakufundileyo* hayi ulwazi lwabo lokuqonda amagama nokwahlula amagama ngokwezandi. Ukufunda nako makuhlolwe rhoqo kwaye ingabi kokuhlola okwenziwa ngelo xesha kuphela. Ukuhlolwa kokufunda ngoko ke makwenzeke rhoqo kungabi luhlolo olwenzeka kube kanye, makube yinto eqhubekayo. Ukuhlola ukufunda okusesikweni makugqale ekufundeni ngokuvakalayo nakwimisebetyenzana eza kunceda ukuqonda ukuba umfundi uqonde kangakanani, umzekelo, ukuphinda abalise ibali okanye aphendule imibuzo.

Ukuhlolwa komsebenzi obhalwayo kuya kugqala okokuqala kulwazi lomfundi lokunika intsingiselo, nasekubhaleni ngendlela echanelekileyo, umzekelo, ukusetyenziswa kwezakhi nemigaqo yolwimi ngokufanelekileyo, iimpawu zokubhala nopelo. Konke ukuhlola kufuneka kuqaphele ukuba ukufunda ulwimi yinqubo kwaye abafundi abanakuze bavelise umsebenzi owenziwe ngendlela efanelekileyo xa beqala. Ngoko ke amanyathelo ahlukeneyo enqubo yokubhala nawo mawahlolwe.

Xa kunikwa umsebenzi wokuhlola ngokusesikweni, kuya kubakho ugqaliso kwisakhono esithile, umzekelo **ukuphulaphula nokuthetha okanye ukufunda okanye ukubhala**. Naxa kunjalo, ukufunda ulwimi kuyinqubo enxulumeneyo, kuza kusetyenziswa izakhono ezingaphezulu kwesinye. Izakhi zolwimi mazihlolwe ngokusemholweni. Makuqinisekise ukuba ukuhlola akwenziwa njengomsebenzi obhalwayo kuphela, kodwa ukwavumela umsebenzi

owenziwayo nesincoko somlomo. Kubalulekile ukuhlola okuqondwa ngabafundi hayi abakukhumbula ngentloko, ngoko ke makuhlolwe izakhono kwimeko ethile kangangoko umz. Abafundi bangapela onke amagama ngokuchanekileyo kuvavanyo ngoLwesihlanu, kodwa ngaba bayakwazi ukuwasebenzisa la magama enopelo oluchanekileyo xa bebhala/barekhoda iindaba okanye ibali labo?

Ukufundisa nokuhlola iilwimi makunike ithuba lokuquka bonke abafundi, kufunyanwe ubuchule/iindlela zokubanceda bonke ukufumana okanye ukuvelisa iitekisi zolwimi.

Inkqubo yokuhlola ivumela ukuhlola okusesikweni okunokuba luvavanyo okanye uviwo lokuphela konyaka okanye ekupheleni kwekota nganye. Umsebenzi oza kuhlolwa mayibe ngumsebenzi wekota owenziwe wagqitywa. Izinga lezinto eziza kuhlolwa malonyuswe ngokwamazinga okuqonda awohlukileyo ukuqinisekisa ukuba ukuhlola kuhlola oko kufanele ukuba kukuhlole.

## 4.2 UKUHLOLA OKUNGEKHO SESIKWENI OKANYE KWEMIHLA NGEMIHLA

Ukuhlola ulungiselela ukufunda kunenjongo yokuthi gqolo ukuqokelela ulwazi malunga nokuphumelela komfundi ukwenzela ukuba akwazi ukuphucula umsebenzi wakhe wokufunda.

Ukuhlola okungekho sesikweni kusekelwe ekubekeni esweni inkqubela yabafundi yemihla ngemihla. Oku kwenziwa ngokuqwalasela, ngokuxoxa, ngokwenza imisebenzi eboniswayo (yepakthikhali), ngeenkomfa zabafundi nootitshala, incoko zaseklasini ezingekho sesikweni, eklasini, njalo njalo. Ukuhlola okungekho sesikweni kungathetha ukumana unqumamisa isifundo ukuqwalasela indlela abaqhuba ngayo abafundi okanye ukuxoxa nabafundi malunga nendlela ukufunda okuqhubeka ngayo. Ukuhlolwa ubuchule bolwimi buyangema ngolu hlobo: ingqwalaselo, imisebenzi ebhaliweyo, imisebenzi yembali/yomlomo nokunikezela, imvavanyo ezibhaliweyo, ukufunda ngokukwaza nezinye indlela zokuhlola. Ukuhlola okungekho sesikweni makusetyenziselwe ukunika ingxelo kubafundi nokukhokelela ekuxhobiseni isicwangciso sokufundisa kodwa akukho mfuneko yokuba oku kurekhodishwe. Makungabonwa oku njengokwahlukileyo kwimisebenzi yokufunda eqhubeka eklasini kwaye ungasebenzisa imisebenzi yakho emininzi yokufundisa ukuhlola inkqubo yabafundi ngokungekho sesikweni.

Ngamanye amaxesha utitshala angafuna/angathanda ukuseta uhlobo oluthile lomsebenzi wokuhlola ukukhuthaza abafundi ukuba bafunde, umsebenzi ofana novavanyo lopelo olwenziwa rhoqo. Abafundi okanye ootitshala banokumakisha le misebenzi yokuhlola.

Kuyacetyiswa ukuba utitshala asebenzise iiveki ezimbini zokuqala kwekota ukwenza uvavanyo lolwazi abanalo abafundi ngomba othile (*baseline assessment*). Angasebenzisa imisebenzi enikwe kwiveki ezimbini zesisicwangciso sokufundisa ukwenza olu hlolo. Oku kuyakwenza ukuba afumanise ukuba abafundi bafuna oluphi uncedo njengokuba eqhuba ebheka phambili.

Ukuzihlola nokuhlolwa ngumlingane wakho kubandakanya abafundi ekuhloleni. Oku kubaluleke kakhulu kuba kuvumela abafundi bakwazi ukufunda kolu hlolo, bakwazi nokubonakalisa inkqubo yabo. Iziphumo zemisebenzi yokuhlola ngokungekho sesikweni akurekhodishwa ngokusesikweni ngaphandle kokuba utitshala ufuna ukwenza njalo. Kodwa ootitshala abanganqwenela ukugcina iirekhodi ngenkqubo yomntwana othile kwimiba eyahlukileyo yesifundo ukuze oku kumncede ekucwangciseni isifundo nokuqinisekisa ukuba umfundi ngamnye uphuhlisa izakhono ezifunekayo nokuqonda. Iziphumo zemisebenzi yemihla ngemihla azithathelwa ngqalelo ekunyuselweni nasekufumaneni isatifikethi (isiqinisekiso sokupasa).

### 4.3 UKUHLOLA OKUSESIKWENI

Yonke imisebenzi yokuhlola iyinxalenye yenkqubo esesikweni yokuhlola yonyaka ithatyathwa njengokuHlola okusesikweni. Imisebenzi yokuhlola okusesikweni iyamakishwa ize **irekhodishwe ngokusesikweni** ngutitshala elungiselela ukudluliselwa phambili komfundi. Yonke imisebenzi yokuhlola okusesikweni kufuneka iphononongwe/imodareyithwe ngenjongo zokuqwalaselisisa nokuqinisekisa ukuba isemgangathweni ofanelekileyo/umgangatho ofanelekileyo ufikelelwe.

Ukuhlola okusesikweni kuxhobisa ootitshala ngendlela eyondeleleneyo yokuphonononga inkqubela phambili yabafundi kwibanga elo ngakumbi isifundo eso asifundisayo umz isiXhosa. Imizekelo yokuhlola okusesikweni iquka iimvavanyo, iimviwo, imisebenzi yepraktikhali, iiprojekthi, imisebenzi yeorali/yentetho yomlomo, imiboniso, (enjengokubalisa ibali, ukutshatisa izinto), ukulinganisa, izincoko, ukuthatha inxaxheba kwimisebenzi yeorali/yomlomo (njengencoko yababini, iincoko, iingxoxo), imisebenzi ebhaliweyo (njengokugcwalisa uxwebu lokusebenzela, ukubhala imihlathi/iitekisi zonxibelelwano okanye ezinye iindidi zeetekisi), njalo-njalo.

Injongo yokuyila inkqubo yokuhlola kukuqinisekisa ukuba inkqubo yokuhlola ihlola oko ifanele ukuba ikuhlole, iziphumo azinakuguquguquka ukuba zisetyenzisiwe kwakhona, aludleleleli kwaye lwanele ngokuthi lunike isikhokelo esicacileyo kwiindidi zemisebenzi nepesenti enikwe isakhono ngasinye solwimi esikumsebenzi wokuhlola. Ikwabonisa ugqaliso lokuhlola, oko kukuthi indlela imisebenzi yokuhlola mayenziwe ngayo.

Xa kusenziwa ukuhlola ngokusesikweni, makusetyenziswe iimemorandam, iirubriki, iitsheklisti nezikali zokuhlela nezinye izixhobo zokuhlola ezifanelekileyo ukuqwalasela, ukuhlola nokurekhoda umgangatho wabafundi wokuqonda nesakhono. Khetha isixhobo sokuhlola esifanelekileyo ukuhlola loo misebenzi. Umzekelo, irubriki ilungelele kakhulu ukuhlola umsebenzi wokubhala kunememorandam. Imemorandam ilungelele kakhulu ukuhlola upelo okanye umsebenzi wesicatshulwa esifundwayo.

#### 4.3.1 Iimfuno zokuhlola okusesikweni kuLwimi lokuQala oloNgezelweyo

Imisebenzi yokuhlola okusesikweni mayihlola imiba emininzi yezakhono zolwimi ukuze imiba ephambili ihlolwe ebudeni bekota nasebudeni bonyaka. Ootitshala mabaqinisekise ukuba le miba ihloliwe ngokungekho sesikweni, ize ingxelo ngendlela abaqhube ngayo abafundi bayinikwe phambi kokuba bahlolwe ngokusesikweni. Konke ukuhlola kwisigaba esiphezulu kuqhutywa ngaphakathi.

Inkqubo yokuhlola ngokusesikweni yamabanga 7 - 9 iqulathe imisebenzi yokuhlola okusesikweni eli-11 eyenza iipesenti ezili-100. Ukuhlola okwenziwa esikolweni (SBA) kwenza iipesenti ezingama-40, ngelixa okokuphela konyaka kuziipesenti ezingama-60.

Ukuhlola okwenziwa esikolweni (SBA) 40%

IsiGaba esiPhezulu sinemisebenzi yokuhlola okusesikweni eli-10. Imisebenzi yokuhlola okusesikweni icwangciswe ngolu hlobo lulandelayo: -

- IBanga lesi-7: 4 - imisebenzi ye-orali, 2- imisebenzi yokubhala, 3 - iimvavanyo kunye noviwo lukaJuni.
- IBanga lesi-8: 4 - imisebenzi ye-orali, 3 - imisebenzi yokubhala, 2- iimvavanyo kunye noviwo lukaJuni.
- IBanga le-9: 4- imisebenzi ye-orali, 3 - imisebenzi yokubhala, 2 - iimvavanyo kunye noviwo lukaJuni.

Uviwo lokuphela konyaka (60%)

Uviwo lokuphela konyaka luquka imisebenzi ye-orali kunye neyokubhala. Umsebenzi we-orali, oliphepha loku-1, uziipesenti ezingama-20. 8. Le pesenti mayivele kwimisebenzi ye-orali emine eyenziwe ebudeni bonyaka. Imisebenzi ebhalwayo, emayiqhutywe phantsi kweliso elibanzi, iquka amaphepha amabini namathathu ngokufanayo kumabanga elesi-7 nelesi-8 kunye nele-9.

Amabanga lesi-7 nelesi-8

- Iphepha lesi-2: Isishwankathelo, ukusetyenziswa kolwimi noncwadi.
- Iphepha lesi-3: Ukubhala (Isincoko kunye nemihlathi)

Ibanga le-9

- Iphepha lesi-2: Isishwankathelo, ukusetyenziswa kolwimi noncwadi.
- Iphepha lesi-3: Ukubhala (Isincoko kunye nemihlathi)
- Iphepha lesi-4: Impendulo kuncwadi.

#### 4.3.2 Iintlobo zemisebenzi yekota

Iintlobo zokuhlola ezisetyenziswayo kufanele zihambelane nobudala kwanezinga lophuhliseko lwabafundi. Uyilo lwalo msebenzi kufuneka lubandakanye umxholo wesifundo kunye neendidi zemisebenzi ezenzelwe ukufezekisa iinjongo zesifundo. Mayixhomekeke kulwazi nezakhono ezenziweyo kuloo kota. Sebenzisa isicwangciso sekota sebanga ngalinye ukukhetha uhlobo lwemisebenzi kwanengqokelela yezakhono ezifunekayo kwicandelo ngalinye lokuhlola okusesikweni. Umzekelo, xa uhlola umhlathana wobugcisa bokubhala kwibanga lesi-7, ikota yoku-1, kwaye ufuna abafundi babhale umbongo, ungabalindela ukuba 'babhale kuphela izivakalisi zobude obulinganayo ezinemfananzandi', njengoko iyinto obumele ukuba uyifundisile kakade. Ukuba uhlola itekisi yolwazi kwikota yokuqala, baya kubhala besebenzisa Isimo sentlalo esifanelekileyo. Ngokufanayo kukuPhulaphula nokuThetha awunakutsho ukuba abafundi mabenze intetho emfutshane kwibanga lesi-7, kwikota yoku-1, njengoko oku kuza kufundiswa kamva.

Imisebenzi yokuhlola okusesikweni mayilungiselele uludwe lwamazinga okuqonda njengokuba kubonisiwe apha ngezantsi Makusetyenziswe iintlobo ngeentlobo zemibuzo ezifana nemibuzo apho abafundi kufuneka bekhethwe eyona mpendulo ichanekileyo, vala izikhewu, thelekisa, nemibuzo ethe ngqo.



## ITHEYIBHILE YAMAZINGA OKUQIQA

AMAZINGA OKUQIQA	UMSEBENZI	IPESENTI YOMSEBENZI
<p><b>Izinga lokuqonda</b></p> <p><b>usebenzisa intsingiselo</b></p> <p><b>yentsusa/engqalileyo/elisisiseko</b></p> <p><b>(Izinga loku-1)</b></p> <p><b>Ukucwangcisa ngokutsha</b></p> <p><b>(Izinga lesi-2)</b></p>	<p>Imibuzo ejoliswe kwingcombolo yolwazi ecaciswe gca kwitekisi.</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Nika amagama ezinto/abantu/eendawo/eempawu ...</li> <li>• Xela izinto eziyinyani/izizathu/iingongoma/iimbono ...</li> <li>• Chonga izizathu/abantu/izizathu ...</li> <li>• Dwelisa izinto eziyinyani/izizathu/iingongoma/amagama ...</li> <li>• Chaza indawo/umntu/umlinganiswa .....</li> <li>• Balisa isiganeko/isenzeko/amava ...</li> </ul> <p>Imibuzo efuna kuhlalutywe, kuyondelelaniswe okanye kucwangcise ingcombolo yolwazi ecaciswe gca kwitekisi.</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Shwankathela iingongoma eziphambili/iimbono ezingundoqo/izinto eziluncedo/izinto ezingeluncedo ...</li> <li>• Qukanisa imiba engundoqo/iimeko eziphambili ...</li> <li>• Xela izinto ezifanayo/ezahlukeneyo ...</li> <li>• Nika amagqabantshinshi/yithi gqabagqaba.....</li> </ul>	<p><b>Izinga loku-1</b></p> <p><b>nelesi-2: 40%</b></p>
<p><b>Ukuthatha izigqibo</b></p> <p><b>usebenzisa izigqibo/ukuzicingela</b></p> <p><b>(Izinga lesi-3)</b></p>	<p>Imibuzo efuna umfundi acacise imiyalezo engabekwanga ngokuselubala Ngokudibanisa iinkcukacha ezivela kwiindawo ezahlukeneyo zetekisi okanye ngokunxulumanisa izinto ezikrobisa kwimiba ethile ekwitekisi nolwazi asele enalo okanye amava akhe aze athathe izigqibo.</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Cacisa indlela ingongoma ephambili enxulumana ngayo nomxholo/ Nomyalezo ...</li> <li>• Thelekisa iimbono/iindlela zokucinga/iziganeko ...</li> <li>• Ithini injongo yombhali (okanye yomlinganiswa)/ucinga njani/uqhutywa Yintoni/unika sizathu sini ...</li> <li>• Cacisa unobangela/ifuthe ...</li> <li>• Intshukumo/indlela yokucinga/indlela aphawula ngayo (njalo njalo) ityhila ntoni ngombalisi/umbhali/umlinganiswa ...</li> <li>• Isikweko/isifaniso/umfanekiso-ntelekelelo uyichaphazela njani indlela oyiqonda ngayo ...</li> <li>• Ucinga ukuba siza kuba yintoni isiphumo/ifuthe lesiganeko (njalo njalo) lesenzo/lemeko ...</li> </ul>	<p><b>Izinga lesi-3</b></p> <p><b>40%</b></p>

AMAZINGA OKUQIQA	UMSEBENZI	IPESENTI YOMSEBENZI
<p><b>Ukuphonononga (Izinga lesi-4)</b></p>	<p>Le mibuzo ingendlela abona ngayo umfundi ngokunxulumene nexabiso nokubaluleka kwento leyo kuthethwa ngayo. Oku kuquka indlela abona ngayo ngokunxulumene nobunyani, ukukholeleka, into eyinyani nezimvo, ukungqiniseka, ukucinga ngombandela nokuqiqisisa ngayo kunye nemiba efana nokufuneka ndawonye nokwamkeleka kwezigqibo neziganeko ngokwasentlalweni.</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ucinga ukuba okwenzeka apho kokukholelekayo/kuyinyani/Kunokwenzeka ...?</li> <li>• Ingaba ingxoxo yombhali ichanekile/iyakholeleka/igqibelele ...?</li> <li>• Xoxa/Phawula ngokunzulu ngesiganeko/injongo ethile/unobangela/Indlela acinga ngayo/icebo/isiphumo/okucingelwayo ...</li> <li>• Ingaba uyavumelana nolu luvo/inkcazelo/indlela abona ngayo othile?</li> <li>• Ngokoluvo lwakho, ngaba umfundi/unobalisa/umlinganiswa ufanelekile Ukuba acebise kanje/athathe eli cala elithi..... ? (Xhasa impendulo Yakho/Nika izizathu ngempendulo oyinikileyo.)</li> <li>• Ingaba indlela acinga ngayo umlinganiswa/indlela aziphethe ngayo/Intshukumo asenzileyo silungile okanye samkelekile kuwe? Nika izizathu Sempendulo yakho.</li> <li>• Ingaba izenzo/i (i)ndlela yokucinga/izizathu zomlinganiswa ..... zibonisa</li> <li>• Ntoni ngaye ngokwemeko yentlalo?</li> <li>• Xoxa kuvokotheke/Phawula ngokubalulekileyo okukhankanywe kwitekisi oyifundileyo.</li> </ul>	<p><b>Izinga lesi-4 Nelesi-5: 20%</b></p>
<p><b>Ukuncoma ugxeka (Izinga lesi-5)</b></p>	<p>Le mibuzo ijoliswe ekuhloleni ifuthe lezengqondo (lesayikholoji) nempembelelo yothando lobuhle betekisi kumfundi. Kugxininiswa kwiimpembelelo zomfundi ezingemvakalelo ezimalunga nomxholo,</p> <p>Ekuzichongeleni abalinganiswa okanye iziganeko azithandayo nendlela ayibona ngayo indlela alusebenzise ngayo ulwimi umbhali (njengokuchongwa kwamagama nemifanekiso-ntelekelelo).</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Xoxa ngempendulo yakho kwitekisi/kwisiganeko/kwimeko/kwimpixano...</li> <li>• Ingaba uyavelana kusini na nomlinganiswa? Wawunokwenza ntoni ukuba yayinguwe owawunokuzibona ukule meko?</li> <li>• Xoxa/Phawula ngendlela umbhali alusebenzise ngayo ulwimi... Xoxa ngokugqibelela kwesimbo sokubhala sombhali/intshayelelo/isiphelo/imifanekiso-ntelekelelo/izihlonipho/ukusetyenziswa kolwimi lwesihobe/izikrweqe zohlalutyo.....</li> </ul>	

#### 4.4 INKQUBO YOKUHLOLA OKUSESIKWENI

Inkqubo yokuhlola iyilwe ngenjongo yokunabisa imisebenzi yokuhlola okusesikweni kuzo zonke izifundo esikolweni apha enyakeni. Inkqubo yokuhlola okusesikweni kufuneka yenziwe sisikolo ukubonisa imihla eyakuthi yenziwe ngayo imisebenzi.

##### limfuno zesifundo

limfuno zokwenziwa komsebenzi zinikwe ngokwepesenti. Apho kuboniswa khona ama-20 eepesenti kweso sakhono solwimi, kuthetha ukuba ulwabiwo lokugqibela lwamanqaku eso sakhono malube ngama-20 eepesenti yaxa ewonke, ingabi ngamanqaku angama-20. Izikolo azibekelwanga mda kwinqanaba lamanqaku abelwe isakhono solwimi kodwa ke ziqaphele umlinganiselo owabelwe isakhono ngasinye solwimi somsebenzi ngamnye ngokwepesenti eyabelwe

sona kwinkqubo yokuhlola. Umz. Kwibanga lesi-4 uvavanyo lokuqonda lolwimi lungasetelwa amanqaku angama-50 okanye ngaphezulu, kwaye oku kungenziwa ukuba ulwabiwo lamanqaku aluwudluli umlinganiso wokugqibela obekiweyo kwinkqubo yokuhlola.

Kwicandelo lokubhala lenkqubo yokucwangciselela ukubhala okanye inkqubo yonke mayihlolwe ubuncinane kube kanye ngekota. Ubude beetekisi ezibhalwayo njengoko kubonisiwe kwicandelo lwesi-3. 3 kunyanzelekile lulandelwe.

Le theyibhile ilandelayo inika iimfuno zokuhlola okusesikweni zoLwimi lwaseKhaya:

## IITHEYIBHILE ZENKQUBO YEMISEBENZI YOKUHLOLA NGOKUSESIKWENI

### IBANGA LESI-7

IMISEBENZI YOKUHLOLA OKUSESIKWENI KWIKOTA YOKU-1		
Umsebenzi woku-1: I-oral	Umsebenzi wesi-2: Ukubhala	Umsebenzi wesi-3: Uvavanyo loku- 1
Ukufunda okulungiselelweyo/incoko	Isincoko esichazayo/esibalisayo Ileta yobuhlobo/irivyu/ingxoxo yababini	Isicatshulwa nokusetyenziswa kolwimi.
IMISEBENZI YOKUHLOLA OKUSESIKWENI KWIKOTA YESI-2		
Umsebenzi woku-1: I-oral	Umsebenzi wesi-2: Uvavanyo lwesi - 2	Umsebenzi wesi-3
Isicatshulwa esiphulaphulwayo/ ukwenza uphando/ulinganiso/iitekisi ezibonisa inkqubo enemiyalelo	Uncwadi: Imibuzo emifutshane	Uviwo lwaphakathi enyakeni/lukaJuni Iphepha lesi-2: Isicatshulwa ukusetyenziswa kolwimi kunye noncwadi (iiyure ezi- 2) Iphepha lesi-3: Ukubhala: Isincoko esinye kunye nomhlathi (iyure inye)
IMISEBENZI YOKUHLOLA OKUSESIKWENI KWIKOTA YESI-3		
Umsebenzi woku-1: I-oral	Umsebenzi wesi-2: Ukubhala	Umsebenzi wesi-3: Uvavanyo lwesi-3
Isicatshulwa esiphulaphulwayo/ ukufunda okulungiselelweyo/ukufunda okungalungiselelwanga/ingxoxo yababini	Isincoko esichazayo/esibalisayo I-agenda nemizuzu	Isicatshulwa nokusetyenziswa kolwimi OKANYE Uncwadi
IMISEBENZI YOKUHLOLA OKUSESIKWENI NEYOKUPHELA KONYAKA: IKOTA YESI - 4		
Umsebenzi woku-1: I-oral	Umsebenzi wesi-2: Uviwo lokuphela konyaka	
Ingxoxo-mpikiswano/Udliwano-ndlebe/incoko/Intetho elungiselelweyo/Intetho engalungiselelwanga.	Iphepha loku-1: I-oral Iphepha lesi-2: Isicatshulwa, ukusetyenziswa kolwimi noncwadi (iiyure ezi-2) Iphepha lesi-3: Ukubhala (iyure inye)	

## IBANGA LESI-8

IMISEBENZI YOKUHLOLA OKUSESIKWENI KWIKOTA YOKU-1		
Umsebenzi woku-1: I-oral	Umsebenzi wesi-2: Ukubhala	Umsebenzi wesi-3: Uvavanyo loku-1
Ingxoxo yeqela/intetho engalungiselelwanga/Ingxoxo yeforam	Isincoko esibalisayo/esicamngcayo Ingxelo yephephandaba/inqaku lephephandaba	Ulwimi nesicatshulwa
IMISEBENZI YOKUHLOLA OKUSESIKWENI KWIKOTA YOKU-2		
Umsebenzi woku-1: I-oral	Umsebenzi wesi-2: Ukubhala	Umsebenzi wesi-3: limviwo zaphakathi enyakene/zikaJuni
Isicatshulwa esiphulaphulwayo/izalathisi/ingxoxo yeforam/ingxoxo yepaneli	Udliwano-ndlebe/imiyalelo/irivyu yebali	Iphepha loku-1: I-oral Iphepha lesi-2: Isicatshulwa, ukusetyenziswa kolwimi noncwadi (iiyure ezi-2) Iphepha lesi-3: Ukubhala (iyure enye)
IMISEBENZI YOKUHLOLA OKUSESIKWENI KWIKOTA YOKU-3		
Umsebenzi woku-1: I-oral	Umsebenzi wesi-2: Ukubhala	Umsebenzi wesi-3: Uvavanyo loku-1
Ukufunda okulungiselelweyo/incoko	Isincoko esichazayo/esixoxayo Ileta yobuhlobo/Ingxoxo yababini	Isicatshulwa nokusetyenziswa kolwimi
IMISEBENZI YOKUHLOLA OKUSESIKWENI NEYOKUPHELA KONYAKA KWIKOTA YESI-4		
Umsebenzi woku-1: I-oral	Umsebenzi wesi-2: Uviwo lokuphela konyaka	
Ingxoxo-mpikiswano/udliwano-ndlebe/incoko/Intetho elungiselelweyo/Intetho engalungiselelwanga	Iphepha loku-1: I-oral Iphepha lesi-2: Isicatshulwa, ukusetyenziswa kolwimi noncwadi (iiyure ezi-2) Iphepha lesi-3: Ukubhala (iyure enye)	

## IBANGA LE-9

IMISEBENZI YOKUHLOLA OKUSESIKWENI KWIKOTA YOKU-1		
Umsebenzi woku-1: I-oral	Umsebenzi wesi-2: Ukubhala	Umsebenzi wesi-3: Uvavanyo loku-1
Ukufunda okulungiselelweyo/incoko	Isincoko esichazayo/esibalisayo Ileta yobuhlobo/irivyu/Ingxoxo yababini	Isicatshulwa nokusetyenziswa kolwimi
IMISEBENZI YOKUHLOLA OKUSESIKWENI KWIKOTA YESI-2		
Umsebenzi woku-1: I-oral	Umsebenzi wesi-2: Ukubhala	Umsebenzi wesi-3: Uviwo lwaphakathi enyakeni
Ukufunda okulungiselelweyo/incoko	Irivyu/Idotyumentari/Isaziso/I-Ajenda nemizuzu.	Iphepha loku-1: I-oral Iphepha lesi-2: Isicatshulwa, ukusetyenziswa kolwimi (iiyure ezi-2) Iphepha lesi-3: Ukubhala (iyure enye) Iphepha lesi-4: Iimpindulo kuncwadi (iyure enye)
IMISEBENZI YOKUHLOLA OKUSESIKWENI KWIKOTA YESI-3		
Umsebenzi woku-1: I-oral	Umsebenzi wesi-2: Ukubhala	Umsebenzi wesi-3: Uvavanyo lwesi-2
Ukufunda okulungiselelweyo/incoko	Isincoko esichazayo/esibalisayo/esicamngcayo/esixoxayo Ileta ekhaphayo nesivi	Isicatshulwa nokusetyenziswa kolwimi

IMISEBENZI YOKUHLOLA OKUSESIKWENI NEYOKUPHELA KONYAKA KWIKOTA YESI-4	
Umsebenzi woku-1: I-orali	Umsebenzi wesi-2: Uviwo lokuphela konyaka
Ingxoxo-mpikiswano/Udliwano-ndlebe/Intetho elungiselelweyo/Intetho engalungiselelwanga	Iphepha loku-1: I-orali Iphepha lesi-2: Isicatshulwa, ukusetyenziswa kolwimi (iiyure ezi-2) Iphepha lesi-3: Ukubhala (iyure enye) Iphepha lesi-4: Iimpindulo kuncwadi (iyure enye)

### Imisebenzi yokuHlola okuseSikweni ngokweBanga

#### Itheyibhile yoku-1: iBanga lesi-7

UKUHLOLA OKUSESIKWENI		
ENYAKENI	UWIWO LOKUPHELA KONYAKA	
40%	60%	
Ukuhlola okwenziwa esikolweni (SBA)	Amaphepha oviwo lokuphela konyaka	
40%	39. 2%	20. 8%
<b>Imisebenzi yokuhlola okusesikweni eli-10</b> <ul style="list-style-type: none"> <li>Imisebenzi yeorali emi-4</li> <li>Imisebenzi yokubhala emi-2</li> <li>Imisebenzi yovavanyo emi-3</li> <li>Uviwo (phakathi enyakeni/ngoJuni)</li> </ul>	Iimviwo ezibhalwayo Iphepha lesi-2: Isicatshulwa, ukusetyenziswa kolwimi noncwadi Iphepha lesi-3: Ukubhala	<b>Imisebenzi yokuhlola yeorali: Iphepha loku-1</b> <b>Ukuphulaphula</b> <b>Ukuthetha</b> <b>Ukufunda</b> Imisebenzi yeorali eyenziwe apha enyakeni iyinxalenye yokuhlola ukuhlola kwangaphakathi kwasekuphelini konyaka.

#### Itheyibhile yesi-2: ibanga lesi-8

UKUHLOLA OKUSESIKWENI		
ENYAKENI	UWIWO LOKUPHELA KONYAKA	
40%	60%	
Ukuhlola okwenziwa esikolweni (SBA)	Amaphepha oviwo lokuphela konyaka	
40%	39. 2%	20. 8%
<b>Imisebenzi yokuhlola okusesikweni eli-10</b> <ul style="list-style-type: none"> <li>Imisebenzi yeorali emi-4</li> <li>Imisebenzi yokubhala emi-3</li> <li>Imisebenzi yovavanyo emi-2</li> </ul> <b>Uviwo (phakathi enyakeni/ngoJuni)</b>	Iimviwo ezibhalwayo Iphepha lesi-2: Isicatshulwa, ukusetyenziswa kolwimi noncwadi Iphepha lesi-3: Ukubhala	<b>Imisebenzi yokuhlola I-orali: Iphepha loku-1</b> <b>Ukuphulaphula</b> <b>Ukuthetha</b> <b>Ukufunda</b> Imisebenzi yeorali eyenziwe apha enyakeni iyinxalenye yokuhlola ukuhlola kwangaphakathi kwasekuphelini konyaka.

## Itheyibhile yesi-3: ibanga le-9

UKUHLOLA OKUSESIKWENI		
ENYAKENI	UVIWO LOKUPHELA KONYAKA	
40%	60%	
Ukuhlola okwenziwa esikolweni (SBA)	Amaphepha oviwo lokuphela konyaka	
40%	39. 2%	20. 8%
<b>Imisebenzi yokuhlola okusesikweni eli-10</b> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Imisebenzi yeorali emi-4</li> <li>• Imisebenzi yokubhala emi-3</li> <li>• Imisebenzi yovavanyo emi-2</li> </ul> <b>Uviwo (phakathi enyakeni/ngoJuni)</b>	Iimviwo ezibhalwayo Iphepha lesi-2: Isicatshulwa, ukusetyenziswa kolwimi noncwadi Iphepha lesi-3: Ukubhala Iphepha lesi-4: Iimpendulo kuncwadi	<b>Imisebenzi yokuhlola I-orali: Iphepha loku-1</b> <b>Ukuphulaphula</b> <b>Ukuthetha</b> <b>Ukufunda</b> <b>Imisebenzi yeorali eyenziwe apha enyakeni iyinxalenye yokuhlola ukuhlola kwangaphakathi kwasekuphelini konyaka.</b>

## Ifomathi yamaphepha eemviwo - amabanga 7-9

IFOMATHI YAMAPHEPHA EEMVIWO (IIMVIWO ZAPHAKATHI NOKUPHELA KONYAKA)					
IBANGA LESI-7	%	IBANGA LESI-8	%	IBANGA LE-9	%
Iphepha loku-1: I-orali: Ukufunda ngokuvakalayo, ukuphulaphula nokuthetha	30	Iphepha loku-1: I-orali: Ukufunda ngokuvakalayo, ukuphulaphula nokuthetha	30	Iphepha loku- 1: I-orali: Ukufunda ngokuvakalayo, ukuphulaphula nokuthetha	30
Iphepha lesi-2: Okubhalwayo: Isicatshulwa esifundwayo isicatshulwa (15) Ukusetyenziswa kolwimi ngokusemxholweni. (15) Iimpendulo kuncwadi (10)	30	Iphepha lesi-2: Okubhalwayo: Isicatshulwa esifundwayo isicatshulwa (15) Ukusetyenziswa kolwimi ngokusemxholweni. (15) Iimpendulo kuncwadi (10)	30	Iphepha lesi-2: Okubhalwayo: Isicatshulwa esifundwayo isicatshulwa (15) Ukusetyenziswa kolwimi ngokusemxholweni. (15) Iimpendulo kuncwadi (10)	30
Iphepha lesi-3: Okubhalwayo: Ukubhala-Isincoko (20) Imihlathi / iitekisi zonxibelelwano (10)	40	Iphepha lesi-3: Okubhalwayo: Ukubhala-Isincoko (20) Imihlathi / iitekisi zonxibelelwano (10)	40	Iphepha lesi-3: Okubhalwayo: Ukubhala-Isincoko (20) Imihlathi / iitekisi zonxibelelwano (10)	30
				Iphepha lesi-4: Iimpendulo kuncwadi (10) <ul style="list-style-type: none"> <li>• Isihobe</li> <li>• Uncwadi lwemveli</li> <li>• Amabali amafutshane</li> <li>• Inoveli</li> <li>• Idrama</li> </ul> (Amanqaku ngama-20 kuhlobo loncwadi ngalunye, aze aguqulelwe kwiipesenti ezili- 10)	10

Iindidi zokuhlola ezisetyenziswayo kufuneka zihambelane nobudala babafundi nezinga labo lophuhliseko. Uyilo lwale misebenzi kufuneka lubandakanye umxholo wesifundo kunye neendidi zemisebenzi ezenzelwe ukufezekisa iinjongo zesifundo.

Ukuhlola okusesikweni makhambelane ncakasana nala mazinga okucinga nezi zakhono banazo abafundi eziboniswe apha ngasezantsi:

#### 4.5 UKUREKHODA NOKUNIKA INGXELO NGOMSEBENZI

Ukurekhoda yinqubo apho utitshala abhala phantsi izinga lokusebenza lomfundi ngamnye kumsebenzi othile ohlolwayo. Kubonisa inkqubela-phambili yomfundi ekuzixhobiseni ngolwazi oluxeliweyo ngokwee*Nkcazelo zePolisi yeKharithulam nokuHlola*. Iirekhodi zomsebenzi womfundi kufanele zinike ubungqina ngenkqubela-phambili yomfundi ngokwebanga kunye nokulungela kwakhe ukuqhubela phambili xa epasile ukuya kwibanga elilandelayo.

Iirekhodi zomsebenzi womfundi kufanele zisetyenziswe ukungqinisisa inkqubela-phambili eyenziwe ngootitshala nabafundi kwinqubo yokufundisa nokufunda.

Ukukhupha iripoti okanye ingxelo yinqubo yokwazisa abafundi, abazali babo, isikolo nabanye abachaphazelekayo malunga nendlela asebenza ngayo umfundi ezifundweni zakhe gabalala. Zininzi iindlela ezisetyenziswayo ukunika iripoti okanye ingxelo ngomsebenzi womfundi. Ziquka amakhadi eripoti okanye engxelo, ukubiza iintlanganiso nabazali, iintsuku zokutyelala esikolweni, iinkomfa zabazali nootitshala, ukufonela abazali, ukuthumela iileta kubazali, ukuthumela imbalelwano yesikolo okanye yeklasi kubazali, njalo-njalo. Ootitshala kumabanga onke banika iripoti okanye ingxelo ngokweepesenti ngesifundo ngasinye. Amazinga ahlukileyo empumelelo kunye neepesenti ahambelana nazo adweliswe kuli Theyibhile ngasezantsi.

#### IIKHOWUDI NEEPESENTI ZOKUREKHODA NOKURIPOTA (NOKUNIKA INGXELO NGOMSEBENZI)

IKHOWUDI	INKCAZELO NGENDLELA AQHUBE NGAYO KUMSEBENZI WAKHE UMFUNDI	IPESENTI
7	Uphumelele ngokugqwesileyo	80 - 100
6	Uphumelele emagqabini	70 - 79
5	Uphumelele ngokuqaqambileyo	60 - 69
4	Uphumelele ngokwanelisayo	50 - 59
3	Uphumelele ngokufanelekileyo	40 - 49
2	Uphumelele ngokuyinxalenye	30 - 39
1	Akaphumelelanga	0 - 29

Ootitshala besiXhosa mabarekhode amanqaku achanekileyo kumsebenzi ngamnye ohlolwayo besebenzisa iphepha lokurekhoda elisemthethweni; banike iripoti ngokweepesenti kwisiXhosa kumakhadi eeripoti zabafundi.

#### 4.6 UPHONONONGO LOKUHLOLA

Uphononongo okanye imodareyishini yinqubo yokunqinisekisa ukuba imisebenzi ehloolwayo ichanekile, yamkelekile kwaye isemgangathweni ochanekileyo. Uphononongo lwenziwa esikolweni, esithilini, nasephondweni. Umgagatho wophononongo weSizwe/kaNdlunkulu ungenziwa kumaphondo, izithili nezikolo ezikhethiweyo. Zonke iinqubo ezichanekileyo neziqingqiweyo zokuphonononga okanye zokumodareyitha kufuneka zimiliselwe ukungqinisisa yonke imisebenzi yesiXhosa ehloolwayo.

**4.6.1 Ukuhlola okusesikweni/ukuhlola okwenziwa esikolweni (SBA)**

- Iimvavanyo noviwo kwibanga lesi-7 nelesi-8 ziphononongwa okanye zimodareyithwa esikolweni. Umcebisi wesiXhosa wesithili/iphondo unoxanduva olusemthethweni lokuphonononga/ukumodareyitha isampuli yemisebenzi ehlolelwayo yeorali kanye xa endwendwele okanye etyelele esikolweni ukungqinisisa umgangatho owamkelekileyo wemisebenzi yeorali kunye nophononongo/imodareyishini eyenziwe yintloko yesiXhosa.
- Iimvavanyo kunye neemviwo zebanga le-9 kufuneka ziphononongwe okanye zimodareyithwe kwiphondo. Le nkqubo isingathwa lisebe lezemfundo lephondo.
- Abacebisi besiXhosa kufuneka baphonononge okanye bamodareyithe iisampuli zeemvavanyo namaphepha eemviwo phambi kokuba abhalwe ngabafundi ukungqinisisa imigangatho nokunika ootitshala besiXhosa isikhokelo sokuyiseta ngokusemgangathweni le misebenzi yokuhlolwa imiselweyo.

**4.6.2 Imisebenzi yokuhlola ye-orali**

- **Kwibanga lesi-7 - 9:** Umsebenzi ngamnye weorali oyinxalenye yenkqubo yokuhlola kufuneka ungeniswe ngutitshala kwintloko yesifundo (HOD) ukuze iwuphonononge (iwumodareyithe) phambi kokuba wenziwe ngabafundi. Ootitshala bahlola imisebenzi yokuhlolwa yeorali.

Umcebisi esithilini okanye kwiphondo kufuneka aphonononge okanye amodareyithe isampulu yemisebenzi yokuhlola ye-orali xa etyelele esikolweni esenzela ukungqinisisa umgangatho wemisebenzi leyo nophononongo okanye imodareyishini eyenziwe esikolweni.

Umthunywa wokuphonononga/wokumodareyitha kandlunkulu (DBE) angaphonononga isampulu yemisebenzi yokuhlola yeorali yeBanga le-9.

**4.7 ULWAZI GABALALA**

Olu xwebhu kufanele lusetyenziswe nalaa alandelayo:

4.7.1 *National policy pertaining to the programme and promotion requirements of the National Curriculum Statement Grade R-12;* kunye.

4.7.2 Noxwebhu lwepolisi oluthi, *National Protocol of Assessment Grades R-12*



## ULUHLU LWAMAGAMA

**Abantu abafumana ulwazi (abaphulaphuli, ababukeli)** - aba ngabantu ekujoliswe kubo xa kunikezwa ulwazi oluthile; xa beza kuphulaphula okuthethwayo, babuke okukwicatshulwa ke ngoko, ababhali kufuneka basoloko becinga ngenjongo kwanabantu abamkela ulwazi abaza kufunda, babuke ezo zinxibelelanisi

**litherasi** - apha kubhekiswa kwiindidi ngeendidi zelitherasi (umz. ukukwazi ukubona uqonde izinto ozibona ngeliso lenyama, imizobo, ukubala, kunye nokulandela izinto ezinxulumene norhwebo).

**lindlela ngeendlela zokusebenzisa ulwimi** - ezi ndlela ngeendlela zibakho xa kukho ukulungelelaniswa okukhoyo kwisigama, kwiimo zezivakalisi namagama kunye nendlela igama elibizwa ngayo; oku ke kuyahluka kwingingqi nengingqi/kwisizwana nesizwana.

**litekisi ezibonwayo neziviwayo-** iindlela ezinxulumeneyo zokunxibelelana ezinokuquka iitekisi ezibhaliweyo, ezibonwayo, isandi, ividiyo, njl njl

**Ijenra (genre)-**iintlobo iitekise ezihlanganiswe ngayo, umz. Inoveli, umdlalo, isihobe, ileta yoburhulumente, ileta yobuhlobo

**litekisi ezimfutshane-**umz. ileta, imizuzu yentlanganiso, iingxelo, iifeksi

**Ilitherasi** - ilitherasi lulwazi lokufunda nokubhala, ukwazi ukusebenzisa amanani, ulwazi lwekhompyutha, ukuqonda indlela izixhobo ezibonwa ngeliso lenyama ezisetyenziswa ngayo njalo-njalo; eli gama lisenokusetyenziselwa ukubonisa ukukwazi ukulungisa nokusebenzisa ulwazi oluthile, kwanokubhalela iinjongo ezahlukeneyo, kukwabonakalisa ukukwazi ukuvumbulula iintsingiselo

**Imbali** - kubhekiswa kwibali elibaliswa ngomlomo okanye elibhaliweyo, elinezimvo ezilandelelana kakuhle ngokwendlela iziganeko ezenzeke ngayo

**Imephu yengqondo** -ukubonisa isihloko apho amagama angundoqo neengcinga zicwangciswe khona ngokuzotywa

**Imfano-zandi** -amagama anezandi eziphindaphindayo

**Imibuzo ekwiqondo eliphezulu-** abafundi baqokelela ulwazi kwiziqendu ezahlukeyo zetekisi (ukubumba amagama adityanisiweyo), ukuthulekelela (ukufunda phakathi kwemigca), ukunika ubukhulu bokwenzekayo (nika uluvo) nokuxabisa itekisi (ukuchaza ukuba uyithandile okanye hayi nesizathu)

**Imibuzo ekwiqondo elisezantsi-** yimibuzo apho abafundi bakhumbula izinto ezenzekileyo, umz. Bangobani abalinganiswa abaphambili ebalini? igama lomlinganiswa ophambili ngubani? Ebefunda phi?

**Imibuzo evalekileyo-**yimibuzo efuna impendulo enye, umz. 'Ewe' okanye 'hayi'

**Imibuzo evulekileyo-** imibuzo enokuphendulwa ngeendlela ezahlukeyo; umfundi makaphendule imibuzo esebenzisa amagama aphuma kuye. Umz. Ucinga ukuba inkwenkwe yayi baleka ntoni? Ucinga ukuba ebefanele kukwenza ntoni?

**Impixano-**ingxabano phakathi kwabalinganiswa ebalini

**Impoxo** - kusetyenziswa esi sagwelo kuthi kubekho ukuncoma okuphoxayo/yintetho eveza into echasene nale nto ubani ayithethayo; apha kuphoxiswa ngomntu (umz. xa usithi kumntu ofike mva kunani: 'Ndiva kakubi ukuba sifike phambi kwakho'), ube wena umphoxela le nto efike emva kwexesha; sukube apha uphoxisa ngomntu.

**Imvakalo-zwi**-1. ipateni yokuphakama kwelizwi okanye isandi sokuthetha ukubonakalisa izakhiwo. zokusetyenziswa kolwimi njenge zivakalisi

2. Ikwabonisa umahluko phakathi kweentetho nemibuzo ibonakalise nemvakalelo yesithethi

**Imvano-siphelo**- amagama okanye imigca yesihobe ephela ngesandi esifanayo nonobumba

**Ingxoxo**- mpikiswano -kwingxoxo kuphikisana amaqela amabini. Lamaqela anenjongo yokuqinisekisa kumgwebi nabaphulaphuli ukuba umbono wabo kwisihloko esinikiweyo unentsingiselo nokusabeleka ngaphezu kowelinye iqela eliphikisayo.

**Inkqubo yolongezelelo lweelwimi ezininzi (*additive multilingualism*)** - xa umntu efunda ulwimi (iilwimi) ukongeza kulwimi lwakhe lwasekhaya; oku akuthethi ukuba olu lwimi luthatha indawo yoLwimi lwaseKhaya, koko lufundwa kunye nalo.

**Intsingiselo efihlakeleyo.** umz. Amaqhalo nezaci, isikweko, isimntwiso, isifaniso

**Intsingiselo yentsusa/eqhelekileyo** - yile ntsingiselo icacileyo yegama kuloo meko likuyo. umz. Eli bhastile lam lihle; uthetha ngebhastile eli lihle liligungqu lokudlala, kanti xa intsingiselo ibifihlakele ngesithetha ngobuhle mhlawumbi bentombi.

**Irejista/Ulwimi oluthethwa ngabantu abathile** - amagama asetyenziswa kwimiba neemeko ezahlukeneyo. Umz. amagama asetyenziswa ngumfundi xa ethetha nomnye umfundi ongumhlobo wakhe ahlukile kumagama awasebenzisa xa ethetha notitshala amhloniphileyo. La ngamagama, okanye isimbo, igrama okanye indlela ubani alinyusa ngayo ilizwi; la magama asetyenziswa ngabantu abathile, okanye ababhali abathile kwiimo okanye iimeko ezahlukeneyo, umz:- xa kubhalwa ileta yobuhlobo okanye yasebuRhulumenteni, ulwimi olusetyenziswayo alufani; kanti naxa uthetha nomntu omdala kunawe, awusebenzisi lwimi lunye njengaxa uthetha nontanga wakho.

**Isakhiwo sebali** - esi sisicwangciso somsebenzi woncwadi ngakumbi kwiidrama neenoveli; isakhiwo sebali sibandakanya indlela le ilula yokulandelelana kweziganeko, ebonisa uzalwano phakathi kweziganeko, kubonakale futhi ukuba le into yenzeka ngenxa yaleya.

**Isifanadumo** -kukusebenzisa amagama ukwenza izandi ezizichazayo (umz. Ukuchaphaza kwemvula)

**Isifaniso** - kuxa ufanisa into ethile nanye; apha kusetyenziswa amagama afana noo “njenge-”, “nqwa ne-”, “oku kwe”, umz. Uhambisa oku kukanina.

**Isikweko** - sisafobe apho kuthi kusetyenziswe enye into xa kuchazwa enye into, oko kusenziwa kuba ezo zinto zineempawu ezifanayo, umz. UThemba lo yinyoka (kuba enobungozi njengenyoka).

**Isimbo** - indlela ecacileyo neyodwa umbhali acwangcisa amagama ngayo ukufumana ifuthe elithile. Isimbo sidibanisa kakhulu ingcinga echazwayo nobubodwa bombhali. Ezi zicwangciso ziquka ukhetho lwamagama olulodwa nemiba yobude nesakhiwo sezivakalisi, ithoni nokusebenzisa ukugqebela

**Isimntwiso** - sisafobe esithi sifanise into engemntu siyifanisa nomntu; kuxa kuthathwe iimpawu zomntu zanikwa izinto ezingengobantu, umz. Tywala ungumlahlekisi (utywala apha benziwe baneempawu zobuntu kwathiwa buyalahlekisa).

**Isingqisho** - ipateni eqhelekileyo ephindaphindayo yesandi

**Isithetha-ntonye/isithethantonye** - ngamagama athetha into enye umz. ukurhala/ukubawa, umtshakazi/umakoti.

**Itekisi**- intetha okanye uyilo ngokubhala, ukuthetha okanye okubonwayo

**Izijekulo**- ukushukuma kobuso okanye umzimba ukubonisa intsingiselo (umz. Ukunqwala ngentloko ukubonisa ukuvuma)

**Ithoni/imvakalo-zwi** - apha kunokubhekiswa kuqala kwindlela ubani abiza ngayo igama; eli gama "ithoni" xa lisetyenziswe nzulu likwabhekisa kwindlela igama elithile elisetyenziswe nzulu ngayo kwisivakalisi; kwisicatshulwa ithoni yegama ibhekisa kwindlela igama elisetyenziswe ngayo kuloo mo, nentsingiselo eliyizisayo; kwifilim ithoni ingaphunyezwa ngohlobo lomculo odlalwayo, kungenjalo imo-ntlalo.

**Izicatshulwa ezinobunyaniso** - izicatshulwa ezisetyenziswa kwihlabathi (amanqaku amaphepha-ndaba

**Izichasi**-amagama achasanayo

**Udliwano-ndlebe**-umsebenzi wokuqokelela ulwazi okanye ingxoxo phakathi kwabantu ubuso ngobuso, kubhekiselwe kwinjongo ethile.

**Uhlolo** -yinkqubo ecwangcisiweyo eqhubekayo yokuqokelela ulwazi lomfundi ngeendlela ezahlukileyo.

**Uhlolo oluqhubekayo**-luhlolo lwemisebenzi enziwayo unyaka wonke

**Ukuhlela**-inkqubo yokwenza uyilo lokuqala letekisi nokuliphinda, kuquke nokulungisa ukusetyenziswa kolwimi, iimpwu zokubhala nokufunda neziphoso zopelo, ukukhangela ukubhala okuneengcinga ezinamathelanayo nokwakhiwa kokunamathelana; kwimidiya, ukuhlela kuquka isakhiwo, ukhetho nokuyila iitekisi

**Ukukrwaqula** - kuxa ubani ebalekisa amehlo xa efunda nokuba sisinxibelelanisi mhlawumbi, esenzela nje ukufumana ulwazi oluthile, umz. ukubalekisa nje amehlo ujonga igama elithile nenombolo yemfonomfono yomntu, okanye ukufumana ixesha emka ngalo ibhasi okanye uloliwe, xa ukrwaqula isicwangcisi-maxesha senkampani yeebhasi

**Ukuqal'ugwebe**-ukuqala ugwebe umntu, iqela, ingcinga okanye unobangela

**Ukuqhawula amagama ngokwezandi**- yenye yeendlela zokufunda igama ongalaziyo.

**Ukuquka** - umthetho-siseko othi imfundo mayifikeleleke kubo bonke abafundi nokuba bafunda njani, imvelaphi yabo nolwazi labo

**Ukushicilela**- xa abafundi beshicilela umsebenzi wabo, bawenza waziwe ngokwabelana ngawo, umz. Ngokuwunika utitshala, ngokuwuxhoma edongeni leklasi okanye ibhodi yezaziso, okanye ngokuwufakela kwingqokelela yezicengcelezo

**ULwimi lwaseKhaya** - olu lulwimi abantwana abalufunda ekhaya besakhula, belufunda ngokulinganisa; olu lulwimi abafunda ngalo ukucinga; uLwimi lwaseKhaya lomfundi ongumXhosa sisiXhosa.

**Ulwimi olongezelelweyo** - lulwimi olufundwayo olongezwe kuLwimi lwaseKhaya.

**Ulwimi oluchukumisayo** - lulwimi olusetyenziswe ngendlela apha ebanga usizi de ubani athi azive enosizi efuna ukulila, abe novakalelo.

**Ulwimi oluqhathayo** - kuxa ubani esebenzisa ulwimi oluthile ngendlela yokuqhatha umntu, ezama mhlawumbi ukumphembelela ukuba makawele kweli lakhe icala; umzekelo uyafumaneka kwizibhengezo, apho kusetyenziswa ulwimi olunobuqhethesaba ngamanye amaxesha; umz:- Thenga nazi izisulu, zikho namhlanje kuphela.

**Ulwimi olusetyenziselwa ukuthetha ngolunye ulwimi** - kukho isigama esisetyenziswayo xa sithetha ngolwimi; oku kubandakanya isigama esifana nala magama asetyenziswa ngabantu abafundisa ulwimi: “imeko”, “isimbo sombhali”, “isakhiwo sebali”, “incoko yababini” nesinye isigama.

**Umabizwafane** - ligama elibizwa, lipelwe ngokufana nelinye, kodwa libe lahlukile ngentsingiselo umz. idolo, eli siguqa ngalo; idolo eliligobe kwindlela yemoto

**Umfanekiso-ntelekelelo** - kuxa kusetyenziswa amagama adala imifanekiso ezingqondweni zethu njengokusebenzisa izifaniso, izikweko, izimntwiso namanye amagama adala umfanekiso engqondweni yomntu.

**Umngangatho wokuzifundela**- umngangatho apho umfundi anakho ukufunda itekisi ngocoselelo lwe-95% (kungabikho mpazamo engaphezu kwenye kumagama a -20). Umngangatho wokuzifundela yitekisi enobulula kumfundi.

**Umqondiso/isimboli** - yinto esetyenziswa imele into ethile, umz:- ihobe ngumqondiso woxolo.

**Umsebenzi wokuhlola**-umsebenzi wokuhlola abafundi onemisetyenzana okanye iziqingatha.

**Umxholo** - yeyona mbono ingundoqo kubhalo loncwadi; isicatshulwa singanemixholwana emininzi, eminye kuyo ingacaci gca ibe selubala.

**Unobangela (nefuthe)**-ukunyuka kwesenzeko okanye isimo

**Uvutho-ndaba** - elona nqanaba libalulekileyo kwibali apho zonke iziganeko zisencochoyini kwaye ibali liya ngokukhula.



